

IPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI



INGXELO YONYAKA 2018/2019

Posbus 648, Kaapstad
8000, Suid-Afrika

PO Box 648, Cape Town
8000, South Africa

PO Box 648, Ekapa
8000, Mzantsi Afrika

www.wcpp.gov.za
+27 21 487 1600

**INgxelo
yoNyaka
2018/2019**

Ipapashwe yiPalamente yePhondo leNtshona Kolonient 2019

**INgxelo yoNyaka yeVoti 2 yoNyakamali
ka-2018/19: Palamente yePhondo
leNtshona Koloni**

ITafile yeZiqulatho

1.	ULWAZI GABALALA	5
2.	IZIFINYEZO	6
3.	IMBULAMBETHE KASOMLOMO	7
4.	INGXELO YEGOSA ELINKA INKCAZA.....	8
4.1	Umafanekiso wemisebenzi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni.....	8
4.2	Umafanekiso weziphumo zezemali wePalamente yePhondo leNtshona Koloni.....	9
4.2.1	Okuzuze yi-WCPP	9
4.2.2	Inkcithomali yeenkubo.....	9
4.2.3	ULawulo loBonelelo loThungelwano	10
4.2.4	Izipho namalizo esisa aphuma kumaqela anganxulumananga.....	10
4.2.5	Ukhululo nonxaxho oluzuze kwiSebe likaNondyebo kaZweloneke	10
4.2.6	Imisitho emva komhla wokunika ingxelo	10
4.2.7	Uthotyelo lweentlawulo ngeentsuku ezingama-30.....	10
4.2.8	Unakano okanye umbulelo	11
5.	INGXELO YOXANDUVA NESIQINISEKISO SOKUCHANEKA KWENGXELO YONYAKA	12
6.	UMAFENEKISO-QHINGA.....	13
6.1	UMbono	13
6.2	UMnqophiso.....	13
6.3	lintsulungeko ezingundoqo	13
7.	UXANDUVA LOWISO-MTHETHO NOLUNYE.....	14
7.1	Uxanduva loMgaqo-siseko	14
7.2	Uxanduva lwezomthetho	15
7.3	Umthetho wamatyala	16
8.	UBUME BEZIKO	19

ICANDELO B: ULWAZI LOMSEBENZI

1.	INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE: IINJONGO EZIMISELWE KWANGAPHAMBILI	20
2	UMFANEKISO WOMSEBENZI WE-WCPP	20
2.1	Injongo-qhinga ephumileyo 1	20
2.1.1	Injongo-qhinga 3	20
2.2	Injongo-qhinga ephumileyo 2	20
2.2.1	Injongo-qhinga 1	20
2.2.2	Injongo-qhinga 2	20
2.3	Imeko yonikezeloo lweenkonzo	20
2.4	Imeko yeziko	21
3.	ULWAZI LOMSEBENZI NGOKWENKQUBO	21
3.1	INkqubo 1: ULawulo.....	21
3.1.1	INjongo.....	21
3.1.2	Imisebenzi engundoqo.....	21
3.1.3	Injongo-qhinga zeziphumo eziphumileyo; iinkqutyana, iinjongo-qhinga nezalathisi zomsebenzi wenjongo-qhinga.....	22
3.1.4	Isishwankathelo seempumelelo	22
3.1.5	UMsebenzi woNyaka.....	27
3.1.5.1	INKqutyana: I-Ofisi kaSomlomo	28

**INgxelo yoNyaka yeVoti 2 yoNyakamali
ka-2018/19: Palamente yePhondo
leNtshona Koloni**

3.1.5.2 INKqutyana: I-Ofisi kaNobhala	30
3.1.5.3 INKqutyana: EzeMali	34
3.1.5.4 INKqutyana: ULawulo loBonelelo loThungelwano	35
3.1.5.5 INKqutyana: ULawulo lwangaPhakathi	36
3.1.5.6 INKqutyana: EzaBasebenzi	37
3.1.5.7 INKqutyana: UBuchwepheshe boLwazi loNxibelewano	38
3.1.5.8 INKqutyana: UKhuseleko noLawulo lweZibonelelo	41
3.2 INkqubo 2: IZibonelelo neeNzuzo kuMalungu naMaqela ezoPolitiko	42
3.2.1 INjongo	42
3.2.2 Imisebenzi engundoqo	43
3.2.3 Iinjongo-qhinga zeziphumo eziphumileyo; iinkqutyana, iinjongo-qhinga nezalathisi zomsebenzi wenjongo-qhinga	43
3.2.4 Isishwankathelo seempumelelo	44
3.2.5 UMsebenzi woNyaka	44
3.2.5.1 INKqutyana: IZibonelelo neeNzuzo kuMalungu	45
3.2.5.2 INKqutyana: liNkonzo zeNkxaso yaMaqela ezoPolitiko	45
3.3 INkqubo 3: liNkonzo zePalamente	46
3.3.1 INjongo	46
3.3.2 Imisebenzi engundoqo	46
3.3.3 Iinjongo-qhinga zeziphumo eziphumileyo; iinkqutyana, iinjongo-qhinga nezalathisi zomsebenzi wenjongo-qhinga	47
3.3.4 Isishwankathelo seempumelelo	47
3.3.5 UMsebenzi woNyaka	50
3.3.5.1 INKqutyana: INkxaso yeeNkqubo zeNdlu	50
3.3.5.2 INKqutyana: INkxaso yeeKomiti	53
3.3.5.3 INKqutyana: IMfundo yoLuntu noFikelelo	54
3.3.5.4 INKqutyana: IHansard neeNkonzo zeeLwimi	56

ICANDELO C: URHULUMENTO

1. INTSHAYELELO	58
2. ULAWULO LONGCIPHEKO	58
3. UBUQHETSEBA NORHWAPHHLIZO	59
4. UKUCUTHA INGOZI YEDOLO	59
5. UMGAO WOKUZIPATHA	59
5.1 AMalungu	59
5.2 ULawulo loBonelelo loThungelwano	60
6. IMIBA YEZEMPILO, EYOKHUSELEKO NEYEZOKUSINGQONGILEYO	60
7. IKOMITI YEMITHETHO	61
8. IKOMITI YOLONGAMELO LWEPALAMENTE (POC)	61
8.1 INgxelo ye-POC ngeNgxelo yoNyaka ka-2017/2018	61
8.2 Ulwazi olucelwe yi-POC	68
8.3 Impendulo ye-WCPP kwizindululo ze-POC	68
9. ULUNGISO LWANGAPHAMBILI KWIINGXELO ZOPHICOTHO-ZINCWADI	69
10. IYUNITHI YOLAWULO LWANGAPHAKATHI	70
11. UPHICOTHO-ZINCWADI LWANGAPHAKATHI NEEKOMITI ZOPHICOTHO-ZINCWADI	70
12. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI	72

**INgxelo yoNyaka yeVoti 2 yoNyakamali
ka-2018/19: Palamente yePhondo
leNtshona Koloni**

ICANDELO D: ULAWULO LWEZABASEBENZI

1.	INTSHAYELELO	74
2.	IQHINGA LEZABASEBENZI.....	74
3.	UBUME BEZIKO ukususela ngowama-31 Matshi 2019	76
4.	INKCITHOMALI	77
4.1	lindleko zabaqeshwa ngokwenkubo, 2018/19.....	77
4.2	lindleko zabaqeshwa ngokwamanqanaba emivuzo, 2018/19	77
4.2.1	lindleko zabaqeshwa ngokweqela lenani labantu, 2018/19.....	78
4.2.2	lindleko zabaqeshwa ngokwesini, 2018/19.....	78
4.3	Imivuzo, ama-ova, isibonelelo sabanini-zindlu nocedo lwezonyango ngokwenkubo, 2018/19	78
4.4	Imivuzo, ama-ova, isibonelelo sabanini-zindlu nocedo lwezonyango ngokwamanqanaba emivuzo, 2018/19.....	79
4.5	Imivuzo, ama-ova, isibonelelo sabanini-zindlu nocedo lwezonyango ngokwamanqanaba emivuzo, 2018/19.....	80
5.	INGQESHO NEZITHUBA	81
5.1	INgqesho neZikhundla ngokweNkqubo, 31 Matshi 2019.....	81
5.2	INgqesho neZikhundla ngokwaManqanaba eMivuzo, 31 Matshi 2019	82
5.3	INgqesho neZikhundla ngoMsebezi oBalulekileyo, 31 Matshi 2019	82
6.	ULWAZI LWENKONZO YOLAWULO OLUPHEZULU	82
6.1	Ukuzalisa kweZikhundla zeNkonzo yoLawulo oluPhezulu.....	82
7.	UVAVANYO LWESAKHONO SOMSEBENZI	82
7.1	Umfanekiso wabaqeshwa abazithuba zabo zenyuswe ngenxa yokonyuswa kwezikhundla zabo	83
7.2	Abaqeshwa abamanqanaba emivuzo angaphezulu kunaleyo imiselwe luvavanyo lomsebenzi...83	
7.3	Umfanekiso wabaqeshwa abamanqanaba emivuzo angaphezulu kunaleyo imiselwe luvavanyo lomsebenzi.....	83
8.	IINGUQU ZENGQESHO	83
8.1	Imiyinge efumanekayo yonyaka ngokwamanqanaba emivuzo ngexesha lowoku-1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019	83
8.1.1	lindlela zeNgqesho nokuLahla ze-WCPP kule minyaka isixhenxe idlulileyo.....	83
8.2	Imiyinge efumanekayo yonyaka ngokomsebenzi obalulekileyo ngexesha lowoku-1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 2019.....	84
8.3	Izizathu zokushiya kwesitafu i-WCPP	85
8.4	Ulonyuselo ngokomsebenzi obalulekileyo	85
8.5	Ulonyuselo ngokwamanqanaba emivuzo.....	85
9.	ULUNGELELANISO KWEZENGQESHO	86
9.1	Itotali yenani labareshwa (kuquka abareshwa abanokhubazeko) kwinqanaba ngalinye lale misebenzi ilandelayo ukususela ngowoku-1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019.....86	
9.2	Ugayo ngexesha lowoku-1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019.....	86
9.3	Unyuselo ngexesha lowoku-1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019.....	87
9.4	Ukuyeka emsebenzini ngexesha lowoku-1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019	87
9.5	Inyathelo loluleko ngexesha lowoku-1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019	87
9.6	Uphuhliso lwezakhono ngexesha lowoku-1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019	88
9.6.1	Abazuze uqequesho	88
9.6.2	UNcedo IweZifundo olubonelelw kwiMfundyeSikolo.....	88
9.6.3	Uphuhliso lwezakhono neendlela zokwakha isakhono kwiminyaka esixhenxe.....	88
9.7	Uhanjiso ngokweqela lenani labantu ukususela ngowama-31 Matshi 2019.....	89
9.8	Uqlunqo ngokwesini.....	90
9.9	Umfanekiso wobudala	90
10.	AMABHASO OMSEBENZI OGQWESILEYO	91
10.1	ULonyuselo ngenxa yoMsebenzi omhle ngokweqela lenani labantu, isini nokhubazeko, 1 Epreli	

INgxelo yoNyaka yeVoti 2 yoNyakamali

ka-2018/19: Palamente yePhondo

leNtshona Koloni

2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019 ngokumayela nonyakamali ka-2017/2018..... 91

10.1.1 Inkqubela yentlawulo-mivuzo

..... 91

**INgxelo yoNyaka yeVoti 2 yoNyakamali
ka-2018/19: Palamente yePhondo
leNtshona Koloni**

10.2	Umsebenzi ngokweMisebenzi eBalulekileyo, 1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019.....	92
11.	ABASEBENZI BAMAZWE ANGAPHANDLE	92
11.1	Abasebenzi abaphuma kumazwe angaphandle, 1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019, ngokwenqanaba lomvuzo	92
11.2	Abasebenzi abaphuma kumazwe angaphandle, 1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019 , ngokomsebenzi omkhulu	92
12.	USETYENZISO LWEKHEFU.....	93
12.1	Ikhefu lokugula, 1 Januwari 2018 ukuya kowama-31 Disemba 2018.....	93
12.2	Ikhefu lokugogeka (elexeshana nelesigxina), 1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019	95
12.3	Ikhefu lonyaka, 1 Januwari 2018 ukuya kowama-31 Disemba 2018.....	95
12.4	Iintlawulo zekhefu zexeshana lowoku-1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019.....	95
12.5	Ikhefu elipheleleyo lowoku-1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019	95
13.	IINKQUBO ZE-HIV NOGAWULAYO NEZOKUKHUTHAZA IMPILO	96
13.1	Amanyathelo athatyathiweyo ukucutha umngcipheko womsebenzi	96
13.2	linkcukacha zoKhuthazo IwezeMpilo ne-HIV/GAWULAYO (2018/19):.....	96
14.	UBUDLELWANE BEZEMISEBENZI.....	96
14.1	Izivumelwano zikawonkewonke, 1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019.....	96
14.2	Uviwo lokungaziphathi kakuhle noluleko olugqityezelweyo, 1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019	96
14.3	lindidi zokungaziphathi kakuhle ezihiyiwego, 1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019 ...	96
14.4	Izikhalazo ezingenisiweyo ngexesha lowoku-1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019.....	97
14.5	Iimbambano ezingenisiwe kuMabhunga ngexesha lowoku-1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019	97
14.6	Amanyathelo ogwayimbo ngexesha lowoku-1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019.....	97
14.7	Unqunyanyiso Iwesilumkiso ngexesha lowoku-1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019 ..	97
15.	UPHUHLISO LWEZAKHONO.....	97
15.1	Iimfuno zoqequesho ezichongwe ngowoku-1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019.....	97
15.2	Uqequesho olubonelelw ngowoku-1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019	98
16.	UKONZAKALA EMSEBENZINI.....	98
16.1	Umonzakalo emsebenzini, 1 Epreli 2018 ukuya kowama-31 Matshi 2019	98
17.	USETYENZISO LWABACEBISI.....	99
17.1	Ingxelo ngeengqesho zabacebisi kusetyenziswa iziMali ezabiwego.....	99
17.2	Uhlalutyo Iwabacebisi kusetyenziswa izimali ezabiwego, ngokwemigaqo yoMthetho woXhotyiso IwezoQoqosho IwabaMnyama oluXananazileyo (BBBEE)	99
17.3	Ingxelo ngeengqesho zabacebisi kusetyenziswa izimali zaMalizo	99
17.4	Uhlalutyo Iweengqesho zabacebisi kusetyenziswa izimali zaMalizo, ngokwemigaqo yoMthetho woXhotyiso IwezoQoqosho IwabaMnyama oluXananazileyo (BBBEE)	99

ICANDELO E: ULWAZI LWEZIMALI

INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE KWIPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI NGEVOTI NOMB. 2	
IPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI.....	100
IINGXELO ZONYAKA ZEZIMALI ZONYAKA OPHELE NGOWAMA-31 MATSHI 2019	106



IPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI

ICANDELO A

ULWAZI GABALALA



IGosa eloNgameleyo u-Elin Jones neLungu leNdlu yoWiso-mthethou uRhun ap lorwerth weLungu leNdlu yoWiso-mthetho kaZwelonke yaseWales batyelele ngobunene kwi-WCPP ngowama-28 Februari. Bamkelwe nguSomlomo uSharna Fernandez, noSekela Somlomo uPiet Pretorius, noNobhala uGilbert Lawrence



Iqela labantu abadala abaphuma eMitchell's Plain lityelele iPalamente yePhondo leNtshona Koloni ngoSuku lukaMandela, 17 Julayi

**INgxelo yoNyaka yeVoti 2 yoNyakamali
ka-2018/19 2: Palamente Phondo le Nshona Koloni
ICANDELO A: Ngokubanzi**

1. ULWAZI GABALALA

IDilesi yeNdawo: ISakhiwo seNdlu yoWiso-mthetho yePhondo
7 Wale Sitalato
EKAPA
8001

IDilesi yePosi: PO Box 648
EKAPA
8000

Ilinombolo zemfonomfono: 021 487 1701 no 021 487 1702

Idilesi ye-imeyle: secretary@wcpp.gov.za

Idilesi yeWebhsaythi: www.wcpp.gov.za

2. IZIFINYEZO

AO	IGosa eliNika iNkcaza
AC	IKomiti yophicotho-zincwadi
ACDP	African Christian Democratic Party
AGSA	UMphicothi-zincwadi woMzantsi Afrika
ANC	African National Congress
AIDS	UGawulayo
APP	ISicwangciso soNyaka soMsebenzi
AR	INgxelo yoNyaka
BBBEE	UXhotyiso oluXananzileyo IwezoQoqosho IwabaManyama
COPE	Congress of the People
DA	Democratic Alliance
D: ERM	ICandelo loLawulo loNgcipheko IwezoShishino
DoCS	ISebe lezoKhuseleko loLuntu
DoTP	ISebe leDepartment leNkulumbuso
DTPW	ISebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu
EFF	Economic Freedom Fighters
ER	ULawulo loNgcipheko IwezoShishino
ERMCO	IKomiti yoLawulo loNgcipheko IwezoShishino
ERP	UCwangciso IweMithombo yezoShishino
FMIP	ISicwangciso soPhuculo loLawulo IwezeMali
FMPPLA	UMthetho woLawulo IweziMali zePalamente neziNdlu zoWiso-mthetho zaMaphondo, 2009 (uMthetho 10 ka-2009)
GRAP	ISenzo sokuNika iNkcaza esiNakanwa Jikelele
ICT	UBuchwepeshe boLwazi noNxibelewano
IFMS	INkqubo yoLawulo IweziMali oliDibeneyo
LOGIS	INkqubo yoLwazi IwaMalungiselelo
LSS	INkxaso yeCandelo lezoWiso-mthetho
MOU	IMemorandum yeSivumelwano
NCOP	IBhunga leSizwe laMaphondo
PID	UXwebhu loYilo IweProwujekthi
PSRMF	ISiseko soLawulo loNgcipheko IweCandelo loLuntu
SAPS	INkonzo yaMapolisa oMzantsi Afrika
SCM	ULawulo loBonelelo loThungelwano
SCOPA	IKomiti eSisigxina kwii-Akhawunti zikaRhulumente
SOP	UMgaqo woMgangatho woMsebenzi
SLA	ISivumelwano seNqanaba leNkonzo
TOR	IMigqaliselo yokuSebenza
WCPP	IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

3. IMBULAMBETHE KASOMLOMO



Masizole Mnqasela
USomlomo

Apha ndethula iNgxelo yoNyaka yePalamente yePhondo leNtshona Koloni (WCPP) yonyakamali ka-2018/2019, ngokwemigaqo y e c a n d e l o 60(1) loMthetho woLawulo lweziMali wePalamente neziNdlu zoWiso-mthetho saMaphondo, 2009.

Le ngxelo imele unyaka wesine wesicwangciso-qhinga seminyaka emihlanu (2015/16 – 2019/20). Le ngxelo ikwayingxelo yokugqibela yePalamente yesihlanu. Kulo mba, ndinqwenela ukuvakalisa umbulelo wam kobesakuba nguSomlomo, uNksz Sharna Fernandez nobesakuba nguSekela Somlomo, uMnu Piet Pretorius, abakhokele le nqanawa kule minyaka mihleni idlulileyo ukuqinisekisa ukuba i-WCPP izalisekise ngempumelelo izigunyazizo zayo zomgaqo-siseko. Iqela lamalinge ligqityezelwe ngempumelelo kwaye liza kumisa eli ziko kumhlaba obanzi ukuya phambili. Ndikwathumela umbulelo wam kobesakuba nguNobhala, uGqr Gilbert Lawrence, iqela labaphathi abaphezulu kune naso sonke isitafu ngamagalelo abo ngeli xesha kwakunye nakhona nokufezekisa uphicotho-zincwadi olungenachaphaza.

A handwritten signature in black ink, appearing to read "Masizole Mnqasela".

USomlomo
Masizole Mnqasela
22 Agasti 2019

4. INGXELO YEGOSA ELINIKA INKCAZA



Romeo Adams
UNobhala wecPalamente yePhondo

4.1 Umfanekiso wemisebenzi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni

Kwimigudu yayo yokuqhubela phambili iinkonzo ezbonelelw kababandakanyekayo bayo, i-WCPP ingene kwisifundo sohlengahlengiso. Esi sifundo siqhutywe ekupheleni konyakamali.

I-WCPP ikwaqalise lo nyakamali ngenkubo entsha yesicwangciso semithombo yezoshishino (ERP). Le nkqubo ingene endaweni yeenkubo zamafa eNkonzo yoLuntu zikaPersal, i-BAS neLogis kuba ezi nkqubo aziyithobel iNkqubo yokuNika iNkcaza ye-GRAP i-WCPP egunyaziswe ukuba inike ingxelo ngayo. Njengazo zonke iinkqubo ezintsha i-WCPP igagene nemingeni ethile kwaye ayikwazanga ukuqalisa zonke iimodyuli. Le mingeni izi kuhoywa kunyakamali ka-2019/20.

Nangona kukho le mingeni egagene nayo i-WCPP kulo nyakamali, ihleli izibophelele ekunikezeleni ngokujoliswe kuko ekubekwe kwisicwangciso sonyaka somsebenzi sika-2018/19.

Le tafile ilandelayo ibeka kuluhlu okujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka ngokwenkubo kwaye ibonakalisa ukuba ingaba kufezekisiwe okanye hayi. Izizathu zokuphambuka zako konke okujoliswe kuko okungafezekiswanga zingafunyanwa kwiCandelo B: ULwazi IoMsebenzi Iwale ngexelo.

INkqubo	INani lezalathisi zomsebenzi nokujoliswe kuko okucwangcisiwe ngokwe-APP	Ezifezekisiwe yo	Ezingafezekis wanga/ezifezekiswe kancinane	Ezingaseb enziyo/ezingafezek isekiyo
INkqubo 1: ULawulo	44	37	7	-
INkqubo 2: IZibonelelo zaMalungu naMaqela ezoPolitiko	3	2	-	1
INkqubo 3: liNkonzo zePalamente	15	11	2	2
ITotali	62	50	9	3

I-WCPP ibekwanenkaso entle ephuma kubabonoleli besiqinisekiso sayo, abangaba: uPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi, iKomiti yoPhicotho-zincwadi noMphicothi-zincwadi Jikelele kune neKomiti yoLongamelo IwePalamente. Ngale nkxaso kune nenkxaso yeGunyabantu leSiggoba, iqela laBalawuli naso sonke isitafu se-WCPP, i-WCPP kwakhona izuze uphicotho-zincwadi olucocekileyo kunyakamali ka-2018/19.

4.2 Umfanekiso weziphumo zezimali wePalamente yePhondo leNtshona Koloni

4.2.1 Okufunyenweyo kwe-WCPP

Okufunyenweyo	2018/19			2017/18		
	Intelekelelo	Esona sixamal	(Ngaphaya)	Intelekelelo		(Ngaphaya)
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Intengo yeempahla neenkonzo nezinye	6	53	(47)	5	67	(62)
Imidliwo, izohlwayo, nokuthinjiweyo	-	-	-	-	-	-
Inzala, izahlulo nerente kumhlaba	58	236	(178)	55	169	(114)
Intengiso yee-asethi eziyinkunzi	-	49	(49)	-	-	-
Intengiselwano zezimali kwii-asethi	-	72	(72)	-	708	(708)
ITotali	64	410	(346)	60	944	(884)

Uqokelelo lwengeniso kwi-WCPP lunyinwe kumiso lwezithuthi, intengiso yezityo kuMalungu, intengiso yezipho zequmrhu, ikhomishoni kwi-inshorensi, inzala kwi-akhawunti yebhanki, nentengiso yee-asethi ezindala nezigafunekiyo.

Umrhumo obizelwa ukumisa izithuthi usekelezelwe kumgaqo-nkqubo kwaye ungaphantsi kwixabiso lentengo. I-WCPP igcina isambuku semirhumo yokumisa izithuthi njengengeniso, emva kokuhlawula umrhumo ekuvunyelenwe ngawo kwiSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu.

AMalungu e-WCPP ahlawulela izityo ezliungiselelw yinkonzo ephekayo, nto leyo ingomnye umthombo wengeniso. Izityo zaMalungu zihlawulelw ngokweSikhokelo seZibonelelo zaMalungu.

4.2.2 Inkcithomali yenqubo

IGama leNkqubo	2018/2019			2017/2018		
	uLwabiwo-mali	Eyona Nkcithomali	iNkcithomali(engaphaya)/	uLwabiwo-mali	Eyona Nkcithomali	iNkcithomali(engaphaya)/
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
ULawulo	65 153	63 246	1 907	64 822	59 213	5 609
Izibonelelo zaMalungu naMaqela	50 771	47 510	3 261	47 865	46 526	1 339
liNkonzo zePalamente	27 950	27 620	330	25 028	24 805	223
ITotali	143 874	138 376	5 498	137 715	130 544	7 171

Ngonyakamali ka-2018/19 kubekho inkcithomali engeneno yesi-R5 498 sezigidi.

Okukhutshelwego

Isixamali se-R 5 498 sezigidi (ngokumayela nenkcithomali engeneno yezimali ezivotelwego) kunye nesixamali sama-R 346 amawaka (ngokumayela nengeniso yethu eqokelelw ngaphaya) ziphunyezelwe ukuba zikhutshelwe.

lintsalela

Akukhange kubekho zintsalela ngeli xesha kuthethwa ngalo.

Inkcithomali engaqhelekanga, engenaziqhamo neyilahleko nengagunyaziswanga

Akukhange kubekho ziganeko zankcithomali ingaqhelekanga ngexesha lonyakamali ka-2018/19.

4.2.3 ULawulo loBonelelo loThungelwano (SCM)

Akukho zibonelelo zazinikimaxabiso zingabongozwanga zifunyenwego okanye zigqityezelwego konyakamali ka-2018/19.

ULawulo loBonelelo loThungelwano (SCM) ngumsebenzi odityanisiwego ohojana nocwangciso, ufunyano (okanye intengo) notyalo lweempahla neenkonzo ze-WCPP phakathi kwimigomo yowiso-mthetho.

Indima ye-SCM yandiswa ukusuka ekuncediseni kuxelo lweempahla okanye iinkonzo ezifunekayo, ngenkqubo yethenda neyesiniki-maxabiso, kufunyanonikezelolweempahla kwaye, a pho iimpahla zifunelwa iinjongo yoluhi lweempahla, ugcino lwazo nomba wosetyenziso lwazo.

Umsebenzi wolawulo lwasivumelwano uhlala kwi-SCM. Oomanejala bamacandelo baphonononga izivumelwano ukulungiselela uthotyelo nomsebenzi. Kulo mba i-SCM ibonelela ngengxelo ebhaliwego ye-S41 (imfuno ye-FMPPA) kwiGunnyabantu leSigqeba rhoqo ngekota. I-SCM iphindia iququzelele ulawulo lwee-asethi zikarhulumente kune notshitshiso lwazo ngokunjalo, xa kufuneka, ngeli lixa igcina iintsulungeko nemigangatho njengoko ixeliwe.

Zonke ii-asethi zixatyiswe ngokwemigaqo yendleko yazo (okanye ekucingeleka njengendaleko, a pho iindleko eziyimbali zingekhoyo) ekulungiseleleni irejista yee-asethi yothotyelo lwe-GRAP.

4.2.4 Izipho namalizo afunyenwe ngesisa kumaqela anganxulumananga

Akukhange kubekho zipho ziphathetekayo okanye malizo afunyenwe kumaqela anganxulumananga konyakamali ka-2018/19.

4.2.5 Ukhululo nonxaxho oluzuzwe kwiSebe likaNondyebo kaZwelonke

Alukho.

4.2.6 Imisitho emva wokunika ingxelo

Akukhange kubekho ziganeko zibonakalayo okanye eziphathetekayo ezenzeke emva konyakamali ekupheleni komhla wophunyezo lweengxelo zonyaka zezimali.

4.2.7 Uthotyelo lweentlawulo ngeentsuku ezingama-30

Ngo-2018/19, ii-invoysi ezintathu, ezifikelela kwixabiso le-R19 304.25 zihlawulwe ngaphaya kweentsuku ezingama-30. Uninzi lwala matyala anxulumene nenqubo yokunxibelana nababoneleli beenkonzo ukuzuza ingcaciso nesisombululo kwizixamali ezinee-invoysi neziphene zeenkonzo.

Iimbangi ezizingcambu zala matyala ziphandiwe zaza zachongwa, kwaye amanyathelo olungiso nolawulo olongeziwego (where needed) lwaqaliswa ukususa ukuphindekaa kwamatyala akumila kunje.

4.2.8 Unakano okanye umbulelo

Umbulelo wam uya kobesakuba nguSomlomo, uSharna Fernandez, obesakuba nguSekela Somlomo, uPiet Pretorius, kunye nendingene obesakuba ezihlangwini zakhe, uGqr Gilbert Lawrence, ngobunkokheli babo ngexesha lokunika ingxelo. Ndingathanda ukuthumela umbulelo wam kwiqela labaphathi nesitafu se-WCPP ngomsebenzi wabo onzima ongagungqiyo.



iGosa eliNika

iNkcaza

ROMEO ADAMS

22 August 2019

5. INGXELO YOXANDUVA NESIQINISEKISO SOKUCHANEKA KWENGXELO YONYAKA

Kulwazi nenkolelo yam enkulu, ndiqinisekisa oku kulandelayo:

- Lonke ulwazi nezixamali ezixeliweyo kuyo yonke le ngxelo yonyaka azigungqi;
- Le ngxelo yonyaka igqibelele, ichanekile kwaye ikhululekile kwiintsalela;
- Le ngxelo yonyaka ilungiselelwe, apho kusebenzayo kwi-WCPP, ngokuhambelana nezikhokelo kwiingxelo zonyaka njengoko kukhutshiwe liSebe likaNondyebo kaZwelonke;
- Lingxelo zonyaka zezimali (iCandelo E) zilungiselelwe ngokuhambelana neMigangatho yeSenzo sokuNika iNkcaza esiNakanwa Gabalala njengoko kuxeliwe licandelo 56(1) IoMthetho woLawulo lweziMali wePalamente neziNdlu zoWiso-mthetho zaMaphondo, 2009 (uMthetho 10 ka-2009);
- IGosa eliNika iNkcaza linoxanduva lulungiselelo lweengxelo zonyaka zezimali kwanohlengahlengiso olwenziwe kolu lwazi;
- IGosa eliNika iNkcaza linoxanduva lokuseka nokuqalisa inkqubo yolawulo Iwangaphakathi equlunqelwe ukubonelela ngesiqinisekiso esiqiqileyo kwisidima nentembeko yowlazi lomsebenzi, ulwazi lvezabasebenzi neengxelo zonyaka zezimali; kwaye
- Abaphicothi-zincwadi bangaphandle baqashelwa ukuvakalisa ulovo oluzimeleyo ngeengxelo zonyaka zezimali.

Ngokoluvo lwam, le ngxelo yonyaka ibonakalisa kakuhle imisebenzi, ulwazi lomsebenzi, ulwazi lvezabasebenzi kune nemiba yezemali ye-WCPP kunyakamali ophele ngowama-31 Matshi 2019.

Ozithobileyo



ROMEO ADAMS
IGosa eliNika
iNkcaza
22 Agasti 2019

6. UMFANEKISO-QHINGA

6.1 Umbono

Ipalamente emandla, esebenzayo nesebenza ngokubonakalayo exhosa idemokrasi yomgaqo-siseko.

6.2 Umnqophiso

Ulawulo lwepalamente luza kubonelela ngenxaso yomgangatho wepalamente neyequmrhu ukuxhobisa aMalungu ukuba azalisekise imisebenzi yawo yomgaqo-siseko nokuquzelela intathonxaxheba yoluntu kwimisebenzi yepalamente ngokwenza oku:

- Ukubonelela ngenxaso esemgangathweni kwiNdlu neekomiti;
- Ukukhuthaza ufileko nobandakanyeko loluntu kwiinkqubo zokwenza umthetho nolongamelo;
- Ukuqinesekisa uxibelelwano olusebenzayo nabo bonke abandakanyekayo;
- Ukuqinisekisa iinkqubo nemigaqo yepalamente engenamthungo nefuthelanayo;
- Ukutyala imali kwsitafu esinikwe izakhono ngokufanelekileyo;
- Ukubonelela ngemeko ekhuselekileyo elungele ukuxhobisa aMalungu nesitafu;
- Ukuqalisa nokuthobela iinkqubo zorhulumento lwequmrhu ezintle neendlela zophononongo; kunye
- Nokulawula imithombo ngokusebenzayo, ngokubonakalayo nokwezoqoqosho.

6.3 Lintsulungeko ezingundoqo

Ekuzabalazeleni inkonzo egqwesileyo nesenzo esingcono, ulawulo luzibophelela kwezi ntsulungeko zibalulekileyo zilandelayo

Ukungafihlisi: I-WCPP imele imidla yabantu beNtshona Koloni kwaye ayifihlisi kwimisebenzi neerekodi zayo. I-WCPP inxiblelana ngendlela evulelekileyo nequkayo.

Isidima: I-WCPP ibonakalisa imigangatho yentsulungeko ephezulu kwimigaqo, iinkqubo, ukuziphatha nokuhoyana nabo bonke abandakanyekayo, ngaphakathi nangaphandle.

Ubungcali: I-WCPP izabalazela ukusebenza kwemisebenzi, uthatyatho-ziggibo oluqiqileyo nengengondo enobungcali ngokubanzi nokubonelela ngengcebiso yomgangatho ophezulu. I-WCPP izabalazela ukusebenza ngesiseko semithetho eqiqileyo nemithetho esekiweyo yomgaqo, imiba, ingqondo namava.

ukungathabathicala: I-WCPP izabalazela ukugcina indlela engathabathicala ukuqhuba umcimbi wayo ngokungathabathicala.

Ukusebenza: I-WCPP inikezelu ngenkonzo esebenzayo ngokusebenzia imithombo ngoqiqo nokonga.

7. UXANDUVA LOWISO-MTHETHO

7.1 UXanduva loMgaqo-siseko

Ezona njongo ziphambili zePalamente yePhondo leNtshona Koloni zisekelwe kwezi zigunyaziso zomgaqo-siseko zilandelayo:

(i) UMgaqo-siseko weRiphabhliki yoMzantsi Afrika, 1996

Izindlu zowiso-mthetho zamaphondo zisekwe ngokweSahluko 6 soMgaqo-siseko weRiphabhliki yoMzantsi Afrika, 1996 (“uMgaqo-siseko”).

- (a) ICandelo 114(1) loMgaqo-siseko linikezela ngamagunya okuqulunqa imithetho yezindlu zowiso-mthetho zamaphondo.
- (b) ICandelo 114(2) linikezela okokuba izindlu zowiso-mthetho zamaphondo zinikezele ngezi ndlela –
 - ukuqinisekisa ngokuba onke amanqwanqwa esigqeba ephondo ombuso anika inkcaza kulo; kunye
 - nokugcina ulongamelo lomsebenzi wegunyabantu lesigqeba sephondo, kuquka ukumiliselwa komthetho, naliphi na inqwanqwa lephondo lombuso.
- (c) ICandelo 115 loMgaqo-siseko libonelela, phakathi kokunye ngokuba izindlu zowiso-mthetho zamaphondo zingakhuphela nawuphi na umntu umsila wengwe ukuba avele phambi kwazo ukuba anike ubungqina; zingafuna nawuphi na umntu okanye iziko lephondo ukuba linike ingxelo kuyo; zamkele izikhala, iintetho okanye amangenelo kuye nawuphi umntu okanye iziko elinomdla.
- (d) ICandelo 116(1) loMgaqo-siseko libonelela ngokuba izindlu zowiso-mthetho zamaphondo zingamisela kwaye zilawule amalungiselelo angaphakathi, iinkqubo nemigaqo yazo; kwaye zenze imithetho nemiyalelo emayela nemicimbi yazo malunga nomelo nedemokrasi yentathonxaxheba, ukunika inkcaza, ukungafihlisi nentathonxaxheba yoluntu.

IMithetho eSisigxina yePalamente yePhondo leNtshona Koloni, njengoko ilungisiwe ngamaxesha ngamaxesha, inika ingcaciso kumagunya ewanikezelweyo licandelo le-116(1) loMgaqo-siseko.

- (e) ICandelo 117 loMgaqo-siseko liquka phakathi kokunye, amaqithiqithi alunge kuMalungu ezindlu zowiso-mthetho zamaphondo, eliqapheleka ngakumbi, imfanelo yenkululeko yokuthetha phandle emayixhanyulwe ngokuxhomekeke kwimithetho nemiyalelo yezindlu zowiso-mthetho zamaphondo.
- (f) ICandelo 118 loMgaqo-siseko libeka isigunyaziso kwizindlu zowiso-mthetho zamaphondo zamaphondo sokuba ziquszelele intatho-nxaxheba yoluntu kuwiso-mithetho nezinye iinkqubo zaho zezindlu zowiso-mthetho nokuqhuba umcimbi wazo ngendlela evulelekileyo.

(ii) UMgaqo-siseko weNtshona Koloni, 1997

INtshona Koloni kuphela kwephondo elinoMgaqo-siseko walo. Ukunye noMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 ngowona mthetho uphezulu eNtshona Koloni.

UMgaqo-siseko wePhondo ubonelela ngowiso-mithetho oluthile olucacileyo neziseko zesigqeba ezahlukileyo kwiziseko ezithile kuMgaqo-siseko. Umzekelo:

- (a) ICandelo 9(1) loMgaqo-siseko wePhondo libhekisa kwindlu yowiso-mthetho yePhondo leNtshona Koloni njengePalamente yePhondo leNtshona Koloni, lize icandelo 13 libonelele ngokuba iPalamente yePhondo yenziwa ngaMalungu angama-42;
- (b) Apho icandelo 111(1) loMgaqo-siseko libonelela ngokuba indlu yowiso-mthetho yephondo mayenyule uSekela Somlomo, icandelo 20(3) loMgaqo-siseko wePhondo lenza ulonyulo lukaSekela Somlomo lube luxanduva lwePalamente yePhondo; kwaye
- (c) ICandelo 42 loMgaqo-siseko wePhondo libhekisa kuBaphathiswa bePhondo, ngelithuba icandelo 132 loMgaqo-siseko libhekisa kumalungu eBhunga leSigqeba.

7.2 UXanduva IwezoMthetho

(i) UMthetho woLawulo IweziMali wePalamente neziNdlu zoWiso-mthetho zaMaphondo, 2009
Lo Mthetho umisela ulawulo Iwezimali zePalamente nezindlu zowiso-mthetho zamaphondo, kananjalo nolongamelo lolawulo Iwezimali zePalamente nezindlu zowiso-mthetho zamaphondo.

(ii) UMthetho woMgaqo weMithetho eSayilwayo yoLungiso yeziMali neMiba eNxulumene noko, 2009

Lo Mthetho ubonelela ngolungiso IweMithetho eSayilwayo yezimali ePalamente, kwakunye neentsulungeko nemigangatho yolungiso IweMithetho eSayilwayo yezimali kwizindlu zowiso-mthetho zamaphondo.

(iii) UMthetho weMigaqo eNika uXanduva IwaMaphondo, 2008

Lo Mthetho ubonelela ngomgaqo ofanayo kwizindlu zowiso-mthetho zamaphondo ukuba zinikezele ngegunya kubathunywa bazo ukuba zivote egameni lazo kwiBhunga leSizwe laMaphondo.

(iv) UMthetho waMangqina weNtshona Koloni, 2006

Lo Mthetho ubeka umgaqo wokunika umsila wengwe amangqina ukuba avele phambi kweekomiti okanye iNdlu.

(v) UMthetho weZikhala zoNtshona Koloni, 2006

Lo Mthetho ubonelela kuluntu ukuba lufake izikhala zoNtshona Koloni kwiPalamente yePhondo kwanokusatyelwa kwezikhalzo yiPalamente yePhondo.

(vi) UMthetho woMthetho weNtshona Koloni kuMagunya neeMfanelo weNdlu yoWiso-mthetho yePhondo, 1995 Lo Mthetho, njengoko ulungisiwe, ujongana nengqesho yesitafu kunye nolungiso Iwentlawulo-mivuzo nguSomlomo.

(vii) UMthetho waMagunya, iiMfanelo neMiba engenakho ukuChukunyiswa yePalamente neziNdlu zoWiso-mthetho, 2004

Lo Mthetho ucacisa ngamasango ePalamente nezindlu zowiso-mthetho zamaphondo, kwaye

ucacisa gca amagunya nemiba engenakuchukunyiswa yePalamente nezindlu zowiso-mthetho zamaphondo.

(viii) UMthetho woMgaqo wokuziPhatha kwaMalungu wePalamente yePhondo leNtshona Koloni, 2002

Lo Mthetho uqalisa ngecandelo 27 loMgaqo-siseko wePhondo ngokubonelela ngoMgaqo wokuziPhatha olawula ukuziphatha kwaMalungu ePalamente yePhondo. *UMgaqo wokuziPhatha kwaMalungu ePalamente yePhondo leNtshona Koloni* usekelezelwe kulo Mthetho.

(ix) UMthetho weeLwimi wePhondo leNtshona Koloni, 1998

Lo Mthetho ubonelela ngosetyenziso lweelwimi ezintathu ezipathethweni zephondo, isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa, yiPalamente yePhondo.

(x) UMthetho weNtlawulo-mivuzo yeeNkokheli zoBurhulumente, 1998

Lo Mthetho ubonelela ngesiseko kumiselo lwemivuzo nezibonelelo zabameli boluntu abakurhulumento.

(xi) UMthetho woMiselo IwaBathunywa (iBhunga leSizwe laMaphondo), 1998

Lo Mthetho ubonelela ngomiselo Iwabathunywa abasisigxina nababodwa kwiBhunga leSizwe laMaphondo.

(xii) UMthetho woLonyulo, 1998

Lo Mthetho ubonelela nglonyulo IwePalamente kaZwelonke, izindlu zowiso-mthetho zamaphondo namabhunga oomasipala.

(xiii) UMthetho weKhomishoni eziMeleyo yeNtlawulo-mivuzo yeeNkokheli zoBurhulumente, 1997
Lo Mthetho ubonelela ngokusekwa kweKhomishoni ukuba yenze izindululo malunga nemivuzo, izibonelelo neenzuso zabameli boluntu abakurhulumento.

(xiv) UMthetho weBhunga leSizwe laMaphondo (iZithuba zaBathunywa abaSisigxina), 1997

Lo Mthetho wenza isibonelelo sokuzaliswa kwezithuba phakathi kubathunywa abasisigxina kwiBhunga leSizwe laMaphondo.

(xv) UMthetho weeNdawo ezinguNdoqo kaZwelonke, 1980

Lo Mthetho ubonelela ngochongo Iweendawo ezingundoqo zikazwelonke nokugadwa kwazo. IPalamente yePhondo leNtshona Koloni, izinze kwa-7 Wale Sitalato, eKapa, njengoko kwabhengezwa njengendawo engundoqo nguMphathiswa waMapolisa.

7.3 UMthetho waMatyala

Ezi zigwebo zilandelayo zazisa ngotoliko lokuhambelana nomgaqo-siseko nezigunyaziso zomthetho zePalamente yePhondo:

(i) Uqinisekiso loMgaqo-siseko weNtshona Koloni 1997 [1997] ZACC 8, noQinisekiso loMxholo oLungisiwego woMgaqo-siseko weNtshona Koloni, 1997 [1997] ZACC 15

Ezi zigwebo zifikelele ekuqinisekisweni koMgaqo-siseko wePhondo yiNkundla yoMgaqo-siseko.

(ii) Ityala eliphakathi koogqirha boBomi baMazwe ngamazwe noSomlomo wePalamente kaZwelonke naBanye (CCT 12/05)

Esi sigwebo sijongene nenkczelo 118(1)(a) loMgaqo-siseko, nomsebenzi wendlu yowiso-mthetho yephondo ukuquzelela ukubandakanywa koluntu kwinkqubo ezipathethweni nezinye zendlu yowiso-mthetho.

(iii) Ex parte President weRiphabhliki yoMzantsi Afrika: ukuthobela uMgaqo-siseko koMthetho woTywala 2000 SA 732 CC

Esi sigwebo sithathela ingqalelo umsebenzi weShedyuli 5 yamandla awodwa ezindlu zowiso-mthetho zamaphondo ngokukunika koMgaqo-siseko amagunya owiso-mithetho, sithathela ingqalelo ngakumbi umba umda onokuthathwa yimithetho yesizwe kula magunya amaphondo.

(iv) Ityala eliphakathi koLindiwe Mazibuko, MP, iNkhohkeli yeQela eliPhikisayo kwiPalamente kaZweloneke noMax Vuyisile Sisulu, MP, uSomlomo wePalamente kaZweloneke naBanye [2013] ZACC 28

Kweli tyala iNkundla yoMgaqo-siseko yema kwinto yokokuba indlu yowiso-mthetho kufuneka ichase amalungelo nezigunyaziso ezikhutshwe nguMgaqo-siseko yaye kufuneka ubonelele xa kuthe kwajongelwa phantsi amalungelo omgaqo-siseko kwindlu yowiso-mthetho mithetho yendlu yowiso-mthetho ayinakho ukubhangisa nokwenzela nzima ilungelo lomgaqo-siseko lamalungu kwindlu yowiso-mthetho yephondo.

(v) Ityala eliphakathi koMario Gaspare Oriani-Ambrosini, MP noMaxwell Vuyisile Sisulu, uSomlomo wePalamente kaZweloneke naBanye ZACC 27 [2012]

Kwesi sigwebo iNkundla yoMgaqo-siseko ibambe into yokokuba indlu yowiso-mthetho ayinakuwanyina amagunya elungu ngalinye (elangasese) laloo ndlu yowiso-mthetho ukuba lingenise umthetho kuloo ndlu yowiso-mthetho.

(vi) Ityala eliphakathi koMosiuoa Lekota noMnye noSomlomo wePalamente kaZweloneke naBanye (iNkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni) ityala elingunomb: 4641/12

Esi sigwebo sasijongene, kwasekuqaleni, nonyino olubekwe kwinkululeko yamalungu yokuthetha yemithetho yendlu yowiso-mthetho yaye, kwimeko elandelayo, ngonyino yokongama kwejaji kwizindlu zowiso-mthetho zamaphondo.

(vii) Ityala eliphakathi kweNkulumbuso: iPhondo laseLimpopo noSomlomo: iNdlu yoWiso-mthetho yaseLimpopo naBanye ZACC 25 [2011]

Esi sigwebo sijongene necandelo 104 loMgaqo-siseko kubume behkono lezindlu zowiso-mthetho zephondo ekulawulweni kwemicimbi yazo yemali.

(viii) Ityala eliphakathi koStephen Segopotso Tongoane naBanye noMphathiswa wezoLimo neMicimbi yezeMihlaba naBanye CCT 100/09 [2010] ZACC 10

Isigwebo siqinisekisa into yokuba nawuphi na uMthetho oSayilwayo ochaphazela iphondo ngokuvisayo kufuneka umiselwe ngokwemigaqo echazwe kwicandelo 76 loMgaqo-siseko.

(ix) Ityala eliphakathi kweNkulumbuso yePhondo leNtshona Koloni noMnye neKhomishoni yoLonyulo noMnye 1999 (11) BCLR 1209 CC

Kwesi sigwebo iNkundla yoMgaqo-siseko ithe iPhondo linakho ukumisela inani lamalungu ezindlu zowiso-mthetho zalo kuMgaqo-siseko wephondo.

(x) Ityala eliphakathi koSomlomo wePalamente kaZweloneke naBanye noPatricia de Lille, MP noMnye (iNkundla ePhakamileyo yeZibheno) ityala elingunomb: 297/98

Inkundla igqibe ekubeni ilungelo lokuthetha ngokukhululekileyo kwindlu yowiso-mthetho lisenokunyinwa yimigaqo nemiyalelo yendlu yowiso-mthetho, kuthathelwa ingqalelo ukuba unyino olo lufanelekile na kubameli nakwintatho-naxheba kulawulo lwentando yesinzi, kuthatho loxanduva nasekubandakanyeni uluntu.

(xi) Ityala eliphakathi kwe-Economic Freedom Fighters noSomlomo wePalamente kaZwelonke naBanye CCT 143/15

Kweli tyala iNkundla yoMgaqo-siseko yafumanisa ukuba amacandelo okanye imiqathango esentyenziswe yindlu yowiso-mthetho yokuba namandla okongamela amacandelo olawulo karhulumente kufuneka amiselwe yindlu yowiso-mthetho ngokwayo, kodwa loo miqathango injalo kufuneka ngenyani ibe yeokongamela.

(xii) Ityala eliphakathi kweDemocratic Alliance noSomlomo wePalamente kaZwelonke naBanye CCT 86/15

Kweli tyala iNkundla yoMgaqo-siseko yafumanisa ukuba icandelo 11 loMthetho waMagunya, aMalungelo neMiba engenaChukuniwsa wePalamente neZindlu zoWiso-mthetho zaMaphondo, uMthetho ka-2004, onika igunya lokubanjwa kwamalungu athe abangela okanye athabatha inxaxheba kwisidube-dube kwiNdlu yoWiso-mthetho, ayikho mthethweni. INkundla yafumanisa ngokunjalo into yokokuba ilungelo laMalungu lokuthetha phandle linakho ukunyinwa kuphela yimithetho nemigaqo yendlu yowiso-mthetho.

(xiii) Ityala eliphakathi kwe-Andries Molapi Tlouamma naBanye noSomlomo wePalamente kaZwelonke naBanye (iNkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni) ityala elingunomb: 3236/15

Kweli tyala iNkundla iqwalasele isicwangciso-nkqubo somgaqo-siseko nesismthethweni aphi izindlu zowiso-mthetho zaseMzantsi Afrika zisebenza phantsi kwawo; igoca-goce ingqikelelo yowlahlulo lwamagunya; iqwalasele amagunya enkundla ngokuhambelana nomthetho-siseko wokungaphazanyisa ngamanye amacandelo karhulumente kwiinkqubo zepalamente; ze yahlahlela igalelo le-Ofisi kaSomlomo kumthetho woMzantsi Afrika.

(xiv) Ityala eliphakathi kwe-UDM noSomlomo wePalamente kaZwelonke naBanye (iNkundla yoMgaqo-siseko) ityala elingunomb: CCT 89/17

Kweli tyala inkundla iqwalasele ukustyenzisa kwebalothi esidlangularaleni okanye ibe yimfihlo ePalamente.

(xv) Ityala eliphakathi kwePrimedia Broadcasting (Pty) Ltd naBanye noSomlomo wePalamente kaZwelonke naBanye (iNkundla ePhakamileyo yeZibheno) ityala elingunomb: 784/2015

Kweli tyala inkundla iqwalasele imithetho-siseko neempawu zentsulungekho ezixhasa iingxoxo zamalungelo oluntu kwiPalamente evulelekileyo.

(xvi) Ityala eliphakathi kweLand Access Movement of South Africa naBanye noSihlalo weBhunga leSizwe laMaphondo naBanye (iNkundla yoMgaqo-siseko) ityala elingunomb: CCT 40/15


Kweli tyala inkundla iqwalasele ukungabikho mthethweni kwamaxesha amiselweyo ashunquliweyo kwintathonxaxheba voluntu.

(xvii) Ityala eliphakathi koMarius Llewellyn Fransman noSomlomo wePalamente yePhondo leNtshona Koloni noMnye (iNkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni) ityala elingunomb: 13097/2014

Kweli tyala inkundla ifumanise ukuba ayikokweejaji ukumisela amalungiselo angaphakathi, eenkqubo nokuqhuba kwendlu yowiso-mithetho, kodwa ke le miba ibekelwe uMgaqo-siseko ukumisela izindlu zowiiso-mithetho ngokwazo. INkundla ifumanise kwakhona ukuba iinkqubo zekomiti yepalamente aziholeki kwisenzo sokuphatha phantsi koMthetho wokuKhuthazwa koLawulo loBulungisa, 2000.

INgxelo yoNyaka yeVoti 2 yoNyakamali
ka-2018/19 2: Palamente Phondole Nshona Koloni
ICANDELO A: Ngokubanzi

8. UBUME BEZIKO: IGUNYABANTU LESIGQEBA NOLAWULO OLUPHEZULU UKUSUSELA
NGOWAMA-31 MATSHI 2019



IPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI



ICANDELO B

ULWAZI LOMSEBENZI



Abahlohloli nabafundi baseFachochshule Kehl, ejamani, batyelele eli ziko ngowe-18 Februwari. I-WCPP sele iyindawo yokufikela yarhoqo yonyaka yale dyunivesithi yotyelelo lwezifundo loMzantsi Afrika. Eli qela lamkelwe nguSekela Somlomo uPiet Pretorius



USomlomo uSharna Fernandez usindleke iiNtsuku ezingama-365 ze-WCPP zeNcoko yokuLwisana noBundlobongela obujoliswe kuManina naBantwana e-Athlone ngowe-10 Disemba. lizthethi zembeko ziuke u-Ellen Pakkies, ixhoba elisinde kuthutyeleziso lwabantu uGrizelda Grootboom, ixhoba elisinde kudlwengulo uCaroline Peters, uJudy Strickland weHope House noDawn weFish of MOSAIC

1. INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE: IINJONGO EZIMISELWE KWANGAPHAMBILI

UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika ngokwakaloku nje uqhuba iinkqubo ezithile zophicotho-zincwadi kulwazi lomsebenzi ukubonelela ngesiqinisekiso esiqiqileyo ngohlobo lwezigqibo zophicotho-zincwadi. Isigqibo zophicotho-zincwadi ngomsebenzi xa uthelekiswa neenjongo ezimiselwe kwangaphambili siqukiwe kwingxelo eya kulawulo, nokufunyenwego okuchazwe phantsi kwesihloko iNgxelo yophicotho-zincwadi yengxelo yomsebenzi wonyaka.

Khangela kwiphepha le-100 iNgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele, epapashwe njengeCandelo E: ulwazi lwezeMali.

2. UMFANEKISO WOMSEBENZI WE-WCPP

Unyakamali ka-2018/19 ibe ngunyaka wesine weSicwangciso—Qhinga se-WCPP 2015/16 ukuya ku-2019/20. Ukulandela umbono wayo yokuba ivuselele, isebenze nokuba ibe yipalamente eseberna ngokubonakalayo exhasa idemokhrasi yomgaqo-siseko, i-WCPP ibeke iinjongo-qhinga zeziphumo ezipumeileyo neenjongo-qhinga ezintathu ezizezi:

2.1 Injongo-qhinga ephumileyo 1:

Ukubonelela ngenkxaso esebernzayo nenxulumene noko kuMalungu, iikomiti neNdlu ukwenza imithetho, ukuqhuba ulongamelo nokuquzelela intathonxaxheba yoluntu

Injongo-qhinga yeziphumo ezipumileyo inxulumaniswe neNkqubo 3: iiNkonzo zePalamente.

2.1.1 Injongo-qhinga 3:

Ukusa phambili inkxaso yeenkqubo nenxulumene noko ngexesha.

2.2 Injongo-qhinga ephumileyo 2:

Ukukhuthaza urhulumento oluqiqileyo nokuphucula inkxaso yeqhinga lequmrhu

Injongo-qhinga yeziphumo ezipumileyo engantla apha inxulumaniswe neNkqubo 1: ULawulo neNkqubo 2: Izibonelelo zaMalungu naMaqela ezoPolitiko.

2.2.1 Injongo-qhinga 1:

Ukusa phambili urhulumento oluqiqileyo ngokusekwa kweziseko, iinkqubo nemigaqo ngokowiso-mithetho nezikkhokelo ezinxulumene noko

2.2.2 Injongo-qhinga 2:

Ukuphucula iinkonzo eziya kwababandakanyekayo ngokubonelela ngeqhinga lenkxaso nokuqalisa iinkqubo nemigaqo yequmrhu nepalamente ezingenamthungo nezfuthelanayo.

2.3 Imeko yonikezelo Iweenkonzo

IWCPP igunyaziswa nguMgaqo-siseko ukuba yenze ulongamelo kwiSigqeba, yenze imithetho, iququzelele intathonxaxheba yoluntu kwimisebenzi yayo. Kulo mba, ulawulo lubonelele ngenkxaso yomgaqo nenxulumene noko kuMalungu, kwiikomiti nakwiNdlu.

Ngokunxulumene nolongamelo, ulawulo luxhase iintlanganiso zeekomiti, utyelelo lolongamelo kunye, nakwiNdlu, imibuzo, iziphakamiso nemibuzo yoqhawuliso.

Ngokunxulumene nokwenziwa komthetho, ulawulo lubonelele ngenkxaso ngokumayela nowiso-mithetho lukazwelonke nolwephondo, okuquke umanyelo zimvo zoluntu.

Ngakwicala lobandakanyo loluntu, i-WCPP ingene kwiinkqubo eziliqela ukubandakanya abantu bePhondo kwiinkqubo zayo zowiso-mithetho.

Oku kuquke imfundiso yoluntu ngendlela eseberza ngayo ipalamente, indlela yokwenza ingenelo kwanokufaka isikhala. Iye yabandakanyeka kwakhona kumalinge ecandelo.

2.4 Imeko yeziko

UNobhala nabaqeshwa be-WCPP baqeshwa ngokwemigaqo yoMthetho weNtshona Koloni ngaMagunya neeMfanelo zeNdlu yoWiso-mthetho yePhondo, 1995 (uMthetho 3 ka-1995).

UNobhala uqeshwe ngesivumelwano sexesha elimiselweyo eliphele ngowama-31 Matshi 2019. Ubume beziko ukususela ngowama-31 Matshi 2019 buyabonakaliswa kwiphepha 19.

3. Ulwazi lomsebenzi ngokwenkubo

3.1 INkubo 1: ULawulo

3.1.1 INjongo

INjongo yale nkqubo lulawulo lobuchule lweli ziko nokubonelela ngeenkonzo zenkxaso yequmrhu kwi-WCPP.

3.1.2 Imisebenzi engundoqo

- Ukwenza imisebenzi ngokwemigaqo yezibonelelo ezifanelekileyo ngokomthetho;
- Ukubonelela ngeenkonzo zenkxaso kanobhala neze-ofisi kumagosa ongameleyo;
- Ukuqulunqa nokuqhuma umgaqo-nkqubo kunye nemigaqo-nkqubo esebezayo;
- Ukuseka iintsulungeko nemigangatho ngokuthobelana nowiso-mithetho nezenzo ezifanelekileyo;
- Ukulawula iinkonzo zenkxaso yequmrhu nemigaqo; kunye;
- Nokubonelela ngeenkonzo zolwazi nonxibelelwano; inkxaso yezomthetho; iinkonzo zolawulo lwezimali; iinkonzo zolawulo lobonelelo lothungelwano; ulawulo lwangaphakthi, ezabasebenzi neenkonzo zolawulo lwezibonelelo zaMalungu; iinkonzo zenkxaso yolawulo lolwazi lobuchwepeshe nokhuseleko nolawulo lweenkonzo lwezibonelelo.

3.1.3 Iinjongo-qhinga zeziphumo eziphumileyo; iinkqutyan, iinjongo-qhinga nezalathisi zomsebenzi wenjongo-qhinga

Iinjongo-qhinga zeziphumo eziphumileyo	Iinkqutyan		Iinjongo-qhinga	Izalathisi zomsebenzi wenjongo-qhinga
Ukukhuthaza urhulumento oluqiqileyo nokuphucula inkxaso yeqhinga neyeqhumrhu	1.1	I-Ofisi kaSomlomo	Ukukhuthaza urhulumento oluqiqileyo ngokuseka iziseko, iinkqubo nemigaqo ngokomthetho nezikhokelo ezifanelekileyo.	Ukuseka iindlela nyaka nonyaka ukuphononga imisebenzi
	1.2	I-Ofisi kaNobhala <ul style="list-style-type: none"> • <i>Ulawulo IoMngciphek</i> • <i>I-Ofisi kaNobhala</i> • <i>Unxibelelwano noLwazi</i> • <i>Library</i> 	Ukuphucula iinkonzo kubaxhasi ngokubonelela ngenkxaso yeqhinga nokuqalisa iinkqubo zequrmhu nepalamente eziyondeleleneyo	Uphuculo lonyaka nonyaka ekusebenzi kweziko.
	1.3	Ezemali		Isiphumo sophicotho-zncwadi olucocekileyo.
	1.4	Ulawlo IoBonelelo <u>IoThungelwa</u>		
	1.5	Ulawulo IwangaPhakathi		
	1.6	Ezabasebenzi		Ukufaka kula maxesha nodityaniso IwezaBasebenzi.
	1.7	UBUchwephesh e boLwazi noBuchwephes he		Inguqu ephezulu kwinqanaba IoVutho IweSakhono nyaka nonyaka esekezelwelwe kwiiNjongo zoLawulo IoLwazi IweNdlela yoVutho (COBIT).
	1.8	Ukhuseleko noLawulo IweZibonelelo		Uphuculo lonyaka nonyaka ekusebenzi kweziko.

3.1.4 Isishwankathelo

seempumelelo

3.1.5 Ubunkokheli

norhulumento

I-WCPP izibophelele kurhulumento olulungileyo ekuqhube ni imisebenzi yayo ephambili. Ngexesha lokunika ingxelo i-WCPP iphuhlise isiseko soRhulumento seQumrhu.

Esi Siseko soRhulumento seQumrhu sibeka izakhi zorhulumento, imigaqo neemfuno eziza kuxhobisa i-WCPP ukuba iqalise urhulumento nenqubo engqongqo yolawulo Iwangaphakathi yokusa phambili imeko yolawulo langaphakthi nokufezekisa iimfuno yokonga njengoko kubekiwe kwicandelo 12 le-

**INgxelo yoNyaka yeVoti 2 yoNyakamali
ka-2018/19 2: Palamente ICANDELO B:**

Ulwazi loMsebenzi
FMPPLA. Injongo yeSiseko soRhulumento seQumrhu se-WCPP, kukubonelela ngolawulo olulumkileyo nolongamelo lwemisebenzi phakathi kwi-WCPP nokukhusela ngokwaneleyo imidla yababandakanyekayo abaphakathi nabangaphandle. Esi siseko sichaza isiseko sorhulumente neenkubo zothatyatho-ziggibo ezisebenza kwi-WCPP. I-WCPP iphindé yahlaziya iMitetho eSisigxina yayo.

UMgcini-zincwadi weZinto aMalungu anazo

IPalamente yePhondo leNtshona Koloni (iNdlu) iphumeze ingqesho yoMgcini-zincwadi wethutuya weZinto aMalungu anazo, ozimeleyo kulawulo, ngesivumelwano seminyaka emibini ngokwemigaqo yecandelo 3 loMthetho woMgaqo wokuziPhatha wePalamente yeNtshona Koloni, 2002 (uMthetho 3 ka-2002).

UMgcini-zincwadi weZinto aMalungu anazo unoxanduva lokufumana imidla yezemali yaMalungu kunye nokuphanda ngokwaphulwa koMgaqo wokuziPhatha nezikhalazo.

Ulawulo longcipheko

Ngokuthobela iCandelo 7(c) loMthetho woLawulo lweziMali zePalamente neziNdlu zoWiso-mthetho zaMaphondo (FMPPLA), 2009 njengoko ulungisiwe nguMthetho Nomb.34 ka-2014 neSiseko soLawulo loNgcipheko seCandelo loLuntu leSebe likaNondyebo kaZwelonke (PSRMF) kwanoluwulo longcipheko oluphinde lwafakwa phakathi kwiziko, i-WCPP iphehlelele uMgaqo-nkqubo woLawulo loNgcipheko lwezoShishino (ERM) ohlaziywego nophunyezwe ngowama-20 Matshi 2018 kwaye ubeka injongo iyonke yeziko malunga ne-ERM.

IWCPP iphehlelele iQhinga le-ERP neSicwangciso soQaliso se-ERM, esihlaziwa rhoqo ngonyaka saza saphunyezwa liGosa eliNika iNkcaza ngowama-20 Matshi 2018. IQhinga le-ERM neSicwangciso soQaliso zaqalisa uMgaqo-nkqubo we-ERM ye-WCPP, odakanca ifilosofi yeziko yokuya kulawulo lomngcipheko.

I-WCPP iseke iKomiti yoLawulo loNgcipheko lwezoShishino (ERMCO) esebeniza ulongamelo lwestiseko se-ERM (uMgaqo-nkqubo, iQhinga neSicwangciso), kwaye ihangana rhoqo ngekota ukuxoxa ngeqhingga, imingcipheko yokusebenza neyeprowujekthi ebingaphandle kwamanqanaba yonyamezelو enqwenelekayo kwaye izi kundulula amanye amanyathelo kubanini bongcipheko ukucutha imingcipheko phakathi kuluhlu lonyamezeleko olunqwenelekayo. Ngokusekezelwe kuqaliso lweQhinga neSicwangciso se-ERM, eziquka uqe qesho nokwaziswa kwesitafu, imeko yolawulo ye-WCPP nemeko yomsebenzi yondelelene yaza yaphucuka. I-ERMCO igqibezele uvavanyo lwakabini enyakeni (uphando) longeniso lolawulo longcipheko kwiinkqubo zamaziko, ukuzekumisele okufunekeyo ukuchubaku yono ndelelaniswa izenzo zolawulo longcipheko lwe-WCPP. Iingxelo zovavanyo zikhutshelwe uNobhala ngowama-29 Juni 2018 nowama-28 Januwari 2019. Izindululo zezi ngxelo zovavanyo zisetenziselwe ukubonelela ngolovo kwiQhinga neSicwangciso se-ERM kuyakamali ka-2019/20.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ibonelelwa ngeNgxelo yeKota ye-ERM ukuqhube isigunyaziso sabo solongamelo oluzimeleyo kwinkqubo yolawulo longcipheko ye-WCPP. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ivavanya inkqubo yolawulo longcipheko ngokwemigaqo yekota xa kuthelkiswa neQhinga neSicwangciso se-ERM kunye neqhingga, imingcipheko esebezayeo neyeprowujekthi iziko elijongene nayo. Ulongamelo lweKomiti yoPhicotho-zincwadi lugxile kuloo mingcipheko (imingcipheko yeqhingga, esebezayeo neyeprojekthi) engaphandle kwamanqanaba onyamezelo lijonjene nazo iziko. Ulongamelo lweKomiti yoHolo-zincwadi lugxile kuloo mingcipheko (ubuchule, imingcipheko yeeprojekti okanye ezisebezayeo) ingaphandle kwamanqanaba onyamezelo aphanyeziwego kunye namanyathelo/iimpendulo zabalawuli ukuthomalalisa imingcipheko phakathi engaphunyezwanga kunye nezenzo zolawulo okanye iimpendulo

**INgxelo yoNyaka yeVoti 2 yoNyakamali
ka-2018/19 2: Palamente ICANDELO B:**

Ulwazi loMsebenzi
zokunciphisa iimingcipheko kuloo manqanaba okunyamezelu umngcipheko aphunyeziwego.

I-WCPP iphuhlise yaza yaphumeza iSicwangciso sokuQhuba noShishino ngowe-19 Septemba 2018. Isicwangciso sokunokwenzeka emanzini njengesihlomelo kwi-BCP, sivavanyiwe kwindawo yokufumana amanzi engenye kwisibonelelo soMasipala beSithili seCape Winelands, eVostile ngowesi-5 Disemba 2018. Olu vavanyo luqhutywe ukuqinisekisa isakhono sezixhobo zokusebenza namalungiselelo sendawo engenye, nje ukuba kufuneke lungeniswe ukuqinisekisa ukuba iintlanganiso zeNdu nezeekomiti zingaqhuba kwimo yophazamiseko olongezelelekileyo lobonelelo lwamanzi (umz. uSuku lokuPhela kwaManzi) oluchaphazela isango le-WCPP.

Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi

IWCPP iqbubekekile isebeenzisa iinkonzo zeSebe leNkulumbuso ngokumayela nomsebenzi wophicotho-zincwadi lwangaphakathi wayo.

Unxibelewano noLwazi

Eli candela likwazile ukufezelekisa konke okujoliswe kuko kwalo konyaka. Okunye kuggithise ngamandla ngenxa yamathuba ongezelelekileyo angacingwanga achongiweyo. Okuqapheleka ngakumbi yinguqu kwindlela yokwenza kuqequesho lolawulo lweerekodi. Kule meko isigqibo senziwa ukuguqula uhlobo lwezi seshoni ukuba zibe ziiseshoni "zokwazisa". Ukongeza apha, apha izixhobo zoqequesho eziqhelekileyo zeziko zipuhliselwe iiseshoni zangaphambili, nale ndlela ifakwe esiqhelweni yezixhobo eyadalelwa iseshoni nganye ukudala uthungelwano olukufutshane phakathi kwabaphulaphuli neenkubo ezioxwayo.

Ngaphandle kokugqithisa ngamandla okujoliswe kuko malunga nenani leeyunithi zokusebenza ezithobela uMgaqo-nkqubo neMigaqo yoLawulo lweeRekhodi ze-WCPP, inani leerekodi ezifunyanwayo yile yunithi lenyuke ngamandlakazi, u k a k h u l u ngenxa yokuba kukho ukuqonda okungcono kokwenza iirekhodi nokuba kutheni na kubalulekile ukuzigcina.

Apha enyakeni eli candela lichonge iqela lezhiloko zonxibelewano lwangaphakathi. O ku kuthabathe indlela yezigidimi ezifikwe kumanqwanqwa azinikeleyo kuso sonke isakhiwo, kune namaphulo ee-imyile. Ukongeza apha, amaphulo ezemfundo ajikeleze ulonyulo, ukuchithwa kwepalamente nokusekwa kwepalamente aphuhliselwe ukwazisa ngcono uluntu kwanokuntinga ngexesha elizolileyo lenqubo yogayo lolonyulo. La maphulo aphumelele ngamandla kwaye kwabelenwe ngawo ngamandla kumanqwanqwa ethu ahlukeneyo amajelo eendaba ezenthalo. Uyilo lwe-imyile yokhuthazo yarhoqo ngeveki eya kwisitafu naMalungu nalo lufumene ingxelo entle.

Ulawulo lwezemali

INgxelo zemali zonyaka, kokwesine, zalungiswa ngokuhambelana nemigangatho yeZenzo eziNakanwa ngokuBanzi zokuNika iNkcaza (GRAP), njengoko kuchaziwe kwicandelo 56(1) loMthetho weFMPPLA. I-AFS ka-2018/19 nayo ibe yiiseti yokuqala ye-AFS equlunqiweyo, kusetyenziswa ulwazi lwemithombo ephuma kwinkqubo entsha ye-SAGE X3 ERP.

25. Andikhange ndizuze olunye ulwazi phambi komhla wale ngxelo yomphicothi-zincwadi. Xa ndizuza kwaye ndifunda olu lwazi, kwaye ukuba ndiqukumbela ukuba kukho ukuxelwa okungachanekanga okuphathekayo ke ngoko, kufuneka ndinxibelelane ngalo mba kunye nabo banoxanduva lorhulumento kwaye ndicele ukuba olunye ulwazi lulungiswe. Ukuba olunye ulwazi alulungiswanga, kungafuneka ndirhoxise le ngxelo yomphicothi-zincwadi ndize ndiphinde ndikhuphe ingxelo elungisiweyo njengefanelekileyo. Nangona kunjalo, ukuba ilungisiwe oko akuyi kuba yimfuneko.

Uqhawalelo lolawulo lwangaphakathi

26. Ndiluqwalasele ulawulo lwangaphakathi lufanelekile kuphicotho lwam lweengxelo zezimali, ulwazi lomsebenzi oxeliweyo nothotyelo lomthetho osebenzayo; nangona kunjalo, injongo yam ibengekuko ukuvakalisa nayiphi na indlela yesiqinisekiso kuyo. Andikhange ndichonge luqhawalelo lubonakalayo kulawulo lwangaphakathi.

Auditor-General

EKapa 31

Julayi 2019



ISihlomelo – uxanduva loMphicothi-zincwadu Jikelele kuphicotho-zincwadi

1. Njengenxaleny eophicotho-zincwadi ngokuhambelana ne-ISA, ndisebenzisa umbono wam wobugcisa yaye ndigcina ukuthandabuza kobugcisa kulo lonke uphicotho-zincwadi lweengxelo zemali, kunhye neenkqubo ezenziwego kwingcaciso exeliwego yomsebenzi kulungiselelw iinkqubo ezikhethiweyo nangohambelwano lwepalamente ngokubhekiselele kwimicimbi yemiba ekhethiweyo.

lingxelo zezimali

2. Ngaphezulu kuxanduva lwam lokuphicotha iingxelo zemali njengoko kuchaziwe kwingxelo yophicotho-zincwadi, ngokunjalo:
 - ☒ ndichonge yaye ndavavanya imingcipheko yeziphene zeengxelo zemali nokokuba kungenxa yobuqhinga okanye ngempazamo, uyilo nokusabela kweenkqubo ezenziwego zophicotho-zincwadi kuloo mingcipheko, nokufunyanwa kobungqina bophicotho-zincwadi obaneleyo yaye obufanelekileyo okokuba bunikezele isiseko solovo lwam. Umngcipheko wokungazichongi iziphene ezingumphumela wobuqhinga ungaphezulu kナル ubangelwe yimpazamo, njengoko ubuqhinga bunokubandakanya iyelenqe, inkohliso, usiselo lwangabom, ubugqwetha okanye ukungananzwa kolawulo lwangaphakathi
 - ndifumane ingqiqo yolawulo lwangaphakathi olufanelekileyo kuphicotho-zincwadi ukulungiselela ukuyila iinkqubo zophicotho-zincwadi ezifanelekileyo kwezi meko, kodwa ingezizo ezenjongo yokunika imbono ngokufaneleka kolawulo lwangaphakathi lwepalamente lwangaphakathi
 - ndivavanye umfaneleko wemigaqo-nkqubo yobalo-mali esetyenzisiwego nokulunga kweengqikelelo zobalo-mali kanye nezibhengezo ezinxulumeneyo ezenziwego ligosa elinika inkcaza
 - ndiqukumbele umfaneleko wokusetyenziswa ligosa elinika ingxelo lwenkxalabo eqhubekayo kwisiseko sobalo-mali ekulungiseleleni iingxelo zemali. Ndiphinda ndiqukumbele, ngokusekezelwe kubungqina bophicotho-zincwadi obufunyenwego, ingaba ukungaquiniseki okuphathekayo kukho ngokunxulumene nemisitho okanye iimeko ezingabeka intandabuzo ebonakalayo kwisakho sePalamente yePhondo leNtshona Koloni ukuqhube njengenxalabo eqhubayo. Ukuba ndiqukumbela ngokuba ukungaquiniseki okuphathekayo kukho, kufuneka nditsalele ingqalelo kwingxoxo yophicotho-zincwadi yam kokuxeliwego okunxulumeneyo kwiingxelo zezimali malunga nokungaquiniseki okuphathekayo okanye, ukuba udakanco olunjalo alwanelanga, ukulungisa uluvo kwiingxelo zezimali. Izigqibo zam zisekezelwe kulwazi olukhoyo kum kwingxelo yomphicothi-zincwadi. Nangona kunjalo, imisitho okanye iimeko zexa elizayo zingabangela ipalamente ukuba iyeke ukuqhube njengenxalabo eqhubayo

**INgxelo yoNyaka yoNyakamali 2018/19
i Voti 2: iPalamente yePhondo leNtshona Koloni
ICANDELO E:liNgxelo zoNyaka zeMali zonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019**

- ndivavanye unikezelo ngokupheleleyo, isimo nokuqulathiweyo kwiingxelo zemali, kubandakanywa izibhengezo, nokokuba ingaba iingxelo zemali zimele iintengiselwano ezikhoyo nezhlo ngendlela apha efezekisa unikezelo olulungileyo.

Unxibelewano nabo banikwe uxanduva lorhulumento

3. Ndinxibelelene negosa elinika ingxelo ngokuphathelelene, phakathi kweminye imicimbi, ubungakanani obucwangcisiweyo kunye nesithuba sophicotho-zincwadi nokufunyenweyo okubalulekileyo kwiziphumo zophicotho-zincwadi, ubume obucwangcisiweyo bophicotho-zincwadi neziphumo zophicotho-zincwadi olubonakalayo, kuukua uqhwalelo olubonakalayo kulawulo lwangaphakathi endiluchongayo ngexesha lophicotho-zincwadi.
4. Ndiqinisekisa ngokunjalo kwigosa elinika ingxelo into yokokuba ndihambelene neemfuno ezifanelekileyo zenqobo ezisesikweni eziphathelelene nokuzimela, nonxibelewano Iwabo bonke ubudlewane kunye neminye imicimbi enokuthi kucingwe ukuba ifanelekile enokuchaphazela ukuzimela kwam nalapho kufanelekileyo, enxulumene nokuzikhussela.

Ulwazi ngokubanzi

Ubume boshishino nemisitho eyintloko

linkonzo eziphambili ezinikezelwa yiPalamente yePhondo leNtshona Koloni zimi ngolu hlolo:

- Ukugcina inkqubo yezowiso-mthetho evelisa imithetho elungileyo nenobulungisa
- Ukubonelela ngenkxaso kulongamelo olumandla IweSiggeba
- Ukubonelela ngemeko exhabisayo kuMalungu ukuba asebenze
- Ulawulo lwemithombo olusebenzayo, olufanelekileyo nolwezoqoqosho
- Ukuqinisekisa urhulumento oluhle
- Intathonxaxheba yoluntu esebebenzayo nenentsingiselo, ezemfundo nokwazisa.

ULawulo IwePalamente yePhondo, ekuxhaseni oku, lubonelela ngemeko yokuxhobisa kuMalungu ukuba afezekise iinjongo zabo zomgaqo-siseko.

USomlomo

liNkonzo zeeNkqubo zeNdlu

USekela

IGosa eliyiNtloko lezeMali

Somlomo

UMcimbi weGosa eliyiNtloko

UNobhala

lePalamente

USekela Nobhala: liNkonzo zeQumrhu

idilesi

**INgxelo yoNyaka yoNyakamali 2018/19
i Voti 2:iPalamente yePhondo leNtshona Koloni
ICANDELO E:liNgxelo zoNyaka zeMali zonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019**

idilesi yeposi

Pretorius, PJC

Lawrence, GA

abankis

Hindley, RG

hi

Asinamntu (Lawrence, GA -

Abaphic

uBambele) Petersen, NL

othi-

Asinamntu (Nkabinde, J - uBambele)

zincwad

ISakhiwo seNdlu yoWiso-
mthetho yePhondo

i

7 Wale Sitalato
EKAPA 8001

PO Box 648
EKAPA 8000

Nedbank

UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika

INgxelo yoNyaka yoNyakamali 2018/19
i Voti 2:iPalamente yePhondo leNtshona Koloni
ICANDELO E:liNgxelo zoNyaka zeMali zonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Isalathisi

lingxelo ezithiwe thaca ngasezantsi ziqulathe iingxelo zonyaka zemali ezinikezelwe kwiKomiti
yoLongamelo lwePalamente:

Isalathisi	Iphepha
UXanduva noLwamkelo lweGosa eliNika iNkcaza	108
INgxelo yoBume beMali	110
INgxelo yoMsebenzi wezeMali	111
INgxelo yeeNguqu kwii-Asethi zeNethi	112
INgxelo yokuNgena nokuPhuma kweMali	113
INgxelo yoThelekiso loHlahlo Lwabiwo-mali neZixa-mali eZizizo	114
IMigaqo-nkqubo yokuNika iNkcaza	115
AmaNqaku kwiiNgxelo zoNyaka zeMali	142

UXanduva noLwamkelo IweGosa eliNika iNkcaza

IGosa eliNika iNkcaza lilindeleke ngokoMthetho woLawulo IweMali yePalamente neziNdlu zoWiso-mthetho zaMaphondo, uMthetho Nomb. 10 ka-2009, ligcine ngokufanelekileyo iirekhodi zokunika inkcaza ezaneleyo kwaye linoxanduva lokuqulathiyeo nemfezeko yeengxelo zemali zonyaka kunye nengcaciso yezimali konke okuqulathwe kule ngxelo. Luxanduva Iwegosa elinika inkcaza ukuqinisekisa ukuba iingxelo zemali zonyaka zibonisa ngokufanelekileyo isimo semicimbi yendlu yowiso-mthetho ekupheleni konyaka-mali yaye neziphumo zomsebenzi kwakunye nokuhamba kwemali ezinkozo ngeli thuba liphelileyo. Abaphicothi-mali bangaphandle bathathelwe ukwenza uluvo Iwabo oluzimeleyo malunga neengxelo zonyaka zezimali yaye banikwe elingenazithintelo lokungena kuzo zonke iirekhodi novimba wolwazi oyeleleneyo.

Iingxelo zonyaka zemali zilungiswe ngokwemiqathango yeeNdlela zokuNikwa kweNgexo eYamkelweyo ngokuBanzi (GRAP) ebandakanya ingcaciso, izikhokelo kunye nemiyalelo ekhutshwe yiBhodi yeMigangatho yoCwangciso-mali.

Iingxelo zonyaka zemali zisekelwe kwimigaqo-nkqubo echanekileyo yocwangciso-mali esetyenziswa ngokungaguqu-guqukiyo yaye lixhaswa luqikelelo Iwentelekelelo ezifanelekileyo nezinezigwebo neentelekelelo.

Igosa elinika inkcaza linakana ukuba ekuggibeleni lilo elinoxanduva Iwenqubo yolawulo Iwangaphakathi Iwezimali olusekwe yimo yoqulunqo-mthetho yaye oku kubeka ukabaluleka okukhulu kwimo yokuqinisekisa ngemo emandla yolawulo. Khon' ukuze igosa elinika inkcaza limelane nolu xanduva, igosa elinika inkcaza limisela imigangatho yolawullo Iwangaphakathi olujoliswe ekunciphiseni impazamo yomngcipheko okanye ukususela kwimo yenkonzo engqamene neendleko. . Le migangatho ibandakanya ukupathiswa uxanduva okufanelekileyo nokusekelwe kubume obuchazwe ngokucacileyo, iinkqubo zocwangciso-mali ezisebenzayo kunye nolwahlulo-hlulo olwaneleyo Iwemisebenzi ukuqinisekisa ukuba umgangatho owamkelekileyo womngcipheko awunachaphaza. Ugxilo lolawulo lomngcipheko kwindlu yowiso-mthetho lusekuchongeni, ekuvavanyeni, ekulawuleni naskuphononongeni zonke iindlela ezaziwayo zomngcipheko kuyo yonke indlu yowiso-mthetho. Ngeli lixa umngcipheko osebenzayo ungenakususwa ngokupheleleyo, indlu yowiso-mthetho ijonge ukuwucutha ngokuqinisekisa ukuba izixhobo zokusebenza, ulawulo, iinkqubo nesimilo sentsulungeko ziyasetyenziswa kwaye zilawulwa phakathi kwemimiselo nemiqobo emiselwe kwangaphambili.

Igosa elinika inkcaza linoluvo, olusekelwe kwingcaciso neenkcazel ezivela kubalawuli, lokuba inkqubo yolawulo Iwangaphakathi ibonelela ngoqinisekiso olufanelekileyo lokuba iirekhodi zezimali kunokuthenjelwa kuzo kumsebenzi wokulungiselela ukuqulunqwa kweengxelo zonyaka zonyaka-mali. Kambe, nayiphi inkqubo yolawlo Iwangaphakathi yezimali inakho ukubonelela kuphela ngokufaneleka hayi ngokupheleleyo, ingqinisekiso ngokuchasene neempazamo okanye ukusilela/intsilelo.


Igosa elinika inkcaza liqwalasela kwakhona uqikelelo lokuhamba kwemali ezinkozo esetyenziswayo yonyaka ukuya kuma kowama-31 kuMatshi 2020 kwaye, ngenxa yolu qwalaselo kwakhona, kwakunye nemeko yezimali, lanelisekiile kukuba imigangatho yezolawulo inawo amaziko emithombo awonelayo okuqhabela phambili ze kungapheli ukusebenza kwixesha elizayo.

Indlu yowiso-mthetho ixhomekeke ngokupheleleyo kwiSebe likaNondyebo wePhondo ekubeni libonelelw ngemali yokuqhube imisebenzi. Iingxelo zonyaka zezimali zonyaka-mali zilungiselelw

**INgxelo yoNyaka yoNyakamali 2018/19
i Voti 2:iPalamente yePhondo leNtshona Koloni
ICANDELO E:liNgxelo zoNyaka zeMali zonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019**

ngesiseko sokuba indlu yowiso-mthetho yinkxalabo eqhubayo kwanokuba iSebe likaNondyebo wePhondo alinanjongo okanye mfuneko yokubhangisa okanye liqhawalelise ngokuphathekayo ubume bendlu yowiso-mthetho.

lingxelo zonyaka zemali ezbekwe kumaphepha 4 ukuya kwelama 64, ezilungiselelwwe ngesiseko senkxalabo eqhubayo, ziphunyezwe ligosa elinika inkcaza ngowama-31 Meyi 2019.



**ROMEO ADAMS
UNOBHALA**

INgxelo yoNyaka yoNyakamali 2018/19
i Voti 2: iPalamente yePhondo leNtshona Koloni
ICANDELO E:liNgxelo zoNyaka zeMali zonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

INgxelo yoBume beMali ukususela ngowama-31 Matshi 2019

Amanani ngeeRandi	iNqaku(ama nqaku)	2019	2018 Ixeliwe
II-Asethi			
II-Asethi zaNgoku			
Imali ezinkozo neqikelelweyo	3	19,413,726	13,367,703
Uluhlu lwempahla	4	1,069,912	988,019
Ezamkelwe zivela kwintengiselwano yokungatshintshiselwana	5	66,400	62,400
Ezamkelweyo zivela kwintengiselwano zotshintshiselwano	6	139,466	126,113
Iintlawulo zangaphambili	7	556,845	827,194
		21,246,349	15,371,429
II-Asethi eziNgezizo ezaNgoku			
Ezamkelweyo zethhuba elide ezivela	8	13,141	15,341
Ezamkelweyo zethuba elide ezivela kwiintengiselwano	9	-	-
IPropati, umzimveliso nezixhobo	10	12,430,742	12,956,574
Iiasethi ezingabambekiyo	11	2,933,654	3,029,116
Iiasethi zelifa lemveli	12	4,732,002	4,732,002
		20,109,539	20,733,033
ITotali yee-Asethi		41,355,888	36,104,462
II Lahleko			
II Lahleko zaNgoku			
Iintlawulo evela kwiintengiselwano zotshintshiselwano	13	1,299,792	1,249,397
Iintlawulo evela kwiintengiselwano zotshintshiselwano	20	8,054,989	-
Amatyala athe ngqo abiziweyo	14	4,176,534	3,683,291
Izigunyaziso zengqeshiso yemali	15	596,290	337,750
Izigunyaziso zesibonelelo somsebenzi	16	9,755,815	10,005,118
		23,883,420	15,275,556
II Lahleko eziNgezizo ezaNgoku			
Izigunyaziso zengqeshiso yemali	15	1,250,957	1,752,278
Izigunyaziso zesibonelelo somsebenzi	16	38,617,000	37,414,000
		39,867,957	39,166,278
ITotali yeeLahleko		63,751,377	54,441,834
II-Asethi zeNethi		(22,395,489)	(18,337,372)
Intsalela (amatyala)		(22,395,489)	(18,337,370)

* See Note 38

INgxelo yoNyaka yoNyakamali 2018/19
i Voti 2: iPalamente yePhondo leNtshona Koloni
ICANDELO E:liNgxelo zoNyaka zeMali zonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

INgxelo yokuSebenza kweMali

AmananingeRand	Amanqaku)	2019	2018 Kuchaziwe
Ingeniso			
INgeniso evela kwintengiselwano zotshintshiselwano			
Recoveries	17	72,067	673,263
Inzala efunyenweyo	18	359,304	290,298
Enye ingeniso	19	40,448	60,863
Iyonke ingeniso evela kwintengiselwano		471,819	1,024,424
Ingeniso evela kwintengiselwano yokungatshintshiselani			
INgeniso ekhutshelweyo			
lntlawulo, izohlwayo nezilahlekileyo		13,424	-
Irhafu, Izohlwayo nezilahlekileyo	37	9,842,760	9,531,936
Ulwabiwo-mali lonyaka	20	135,759,011	128,812,846
Ulwabiwo-mali olusemthethweni	20	43,497,000	41,113,000
Iyonke ingeniso evela kwintengiselwano		189,112,195	179,457,782
Iyonke ingeniso		189,584,014	180,482,206
INkcitho			
Indleko enxulumene nomsebenzi	21	(64,350,378)	(57,476,421)
Umvuzo waMalungu	22	(45,217,021)	(43,511,417)
Ykyhla kwamaxabiso, ukuhlawulwa kwamatyala		(3,752,573)	(2,924,533)
lndleko zemali	23	(706,047)	(679,776)
Irhente yengqeshiso kuqeshiso olusebenzayo	24	(533,787)	(285,799)
lntlawuo ezikhutshelweyo	25	(40,753,387)	(40,184,599)
INkcitho ngokubanzi	26	(28,374,229)	(26,817,635)
INkonzo engahlawulwa ngemali: iRhente	37	(9,842,760)	(9,531,936)
INkcitho iyonke		(193,530,182)	(181,412,116)
INTsilelo: osebenzayo		(3,946,168)	(929,910)
Okufunyanwayo/ilahleko) kwaiasethi ezilahliwego		(6,417)	(34,765)
lBgeniso zothelekiso	16	4,071,000	2,030,000
		4,064,583	1,995,235
Umncno phambi kokuba iingxowamali zingeniswe		118,415	1,065,325
Okukhutshelwe ngqo kwutyalu	14	4,176,534	3,683,291
Intsalela yonyaka		(4,058,119)	(2,617,966)

* See Note 38

INgxelo yoNyaka yoNyakamali 2018/19
 i Voti 2: iPalamente yePhondo leNtshona Koloni
 ICANDELO E:liNgxelo zoNyaka zeMali zonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

INgxelo yokuTshintsha kwii-Asethi zeNethi

	Umncono ohlanganisiweyo (intsalela)	INethi yeeasethi zizonke
<u>Amanani ngeRandi</u>		
Umncono wokuvula njengoko kuxeliwe	(26,985,328)	(26,985,328)
Impazamo yexesha langaphambili	11,265,924	11,265,924
Umncono njengoko unjalo ngowo 1 Epreli 2017	(15,719,404)	(15,719,404)
Intsalela yonyaka	(2,617,966)	(2,617,966)
Umncono njengoko unjalo ngowo 1 Epreli 2018	(18,337,370)	(18,337,370)
Intsalela yonyaka	(4,058,119)	(4,058,119)
Umncono njengoko unjalo ngowa Matshi 2019	(22,395,489)	(22,395,489)

* See Note 38

INgxelo yoNyaka yoNyakamali 2018/19
i Voti 2:iPalamente yePhondo leNtshona Koloni
ICANDELO E:liNgxelo zoNyaka zeMali zonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

INgxelo yokuHamba kweMali

Amanani ngeeRand	Amanqaku	2019	2018 Kuchaziswe
Ukungena nokuphuma kwemali ezinkozo			
Ezamkelweyo			
Imali ezinkozo eyamkelweyo evela kwiinkozo		378,935	748,371
Imali ezinkozo eyamkelweyo evela kulwabiwo-mali		179,256,011	169,925,846
Inzala yengeniso		359,304	290,298
		<u>179,994,250</u>	<u>170,964,515</u>
Intlawulo			
Imali ehlawulwego kubasebenzi namalungu		(104,542,702)	(96,417,993)
Imali ehlawulwego kubanikezelni benkonzo		(61,637,911)	(67,497,851)
lingxowa-mali ezinikezelwego		(3,683,291)	(2,491,870)
lindleko zemali		(706,047)	(679,776)
		<u>(170,569,951)</u>	<u>(167,087,490)</u>
Intsalela yokungena nokuphuma kwemali ezinkozo	27	<u>9,424,299</u>	<u>3,877,025</u>
Ukungena nokuphuma kwimisebenzi yotyalo-mali			
Ukuthengwa kwepropati, umzi-mveliso nezihobo	10	(2,242,123)	(2,427,569)
Ingeniso evela kwintengiso yepropati, umzi-mveliso	10	49,008	6,900
Ukuthengwa kwezinye iiasethi ezingabambekiyo	11	(934,117)	(1,529,188)
Ezamkelweyo zexesha elide ezivela		2,200	2,400
Ezamkelweyo zexesha elide ezivela		-	914
Intsalela yokungena nokuphuma kwemali ezinkozo		<u>(3,125,032)</u>	<u>(3,946,543)</u>
Ukungena nokuphuma kwemali okuvela kwimisebenzi yemali			
Izigunyaziso zengqeshiso yemali		(253,244)	(168,988)
Ukwanda kwentsalela/(ukuhla) kwimali ezinkozo			
Imali ezinkozo nolanganiselo ekupheleni konyaka		<u>6,046,023</u>	<u>(238,506)</u>
Imali ezinkozo nolanganiselo ekupheleni konyaka	3	<u>13,367,703</u>	<u>13,606,209</u>
Imali ezinkozo nolanganiselo ekupheleni konyaka	3	<u>19,413,726</u>	<u>13,367,703</u>

* See Note 38

INgxelo yoNyaka yoNyakamali 2018/19
i Voti 2: iPalamente yePhondo leNtshona Koloni
ICANDELO E:liNgxelo zoNyaka zeMali zonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

INgxelo yoThelekiso loHlahlo Lwabiwo-mali, neZixa-mali Ezizizo

UHlahlo Iwabiwo-mali lwemali ezinkozo

Amanani ngeeRand	Uhlahlo Iwabiw o-mali olwamk elweyo	Uhleng ahlen giso	Uhlahlo Iwabiwo-mali lokugqibela	Izixa-mali ezizizo kuthelekiso	Isalat hiso
------------------	---	-------------------------	--	--------------------------------------	----------------

INgxelo yeNgeniso yokuSebenza kweMali

Ingeniso

Ingeniso evela kwiintengiselwano Ezifunyenweyo

	-	-	72,067	72,067	40.1
Enye ingeniso	6,000	-	6,000	39,943	33,943
Inzala efunyenweyo	58,000	-	58,000	235,939	177,939
Ingeniso iyonke evela	64,000	-	64,000	347,949	283,949

Ingeniso evela kwintengiselwano ekungatshintshiselwaniyo

Ingeniso ekhutshelweyo

Ezifunyenweyo ezikhutshelweyo	400,000	-	400,000	-	(400,000)
liNtlawulo, izohlwayo nezilahlekileyo	-	-	-	13,424	13,424
Ulwabiwo-mali lonyaka	143,410,000	-	143,410,000	143,874,000	464,000
Ulwabiwo-mali olusemthethweni	43,497,000	-	43,497,000	43,497,000	-
Ingeniso iyonke evela kwintengiselwano		-	187,307,000	187,384,424	77,424
ekungatshintshiselwanayo	187,307,000				
Iyonke ingeniso	187,371,000	-	187,371,000	187,732,373	361,373

Inkcitho

liNdleko ezinxulumene nezabasebenzi	5,086,584	(63,706,416)	(63,630,648)	75,768	40.4
Imivuzo yaMalungu	(44,952,000)	(24,307)	(44,976,307)	(40,799,773)	4,176,534
liNdleko zeMali	(914,000)	(143,178)	(1,057,178)	(1,047,716)	9,462
IRhente kwinqeshiso esebezayyo	(489,000)	13,213	(475,787)	(475,787)	-
lintlawulo ezikhutshelweyo- nezinye - Other		-	(42,444,000)	(40,753,387)	1,690,613
liNdleko ngokubanzi	(29,779,000)	(4,932,312)	(34,711,312)	(30,988,943)	3,722,369
Inkcitho iyonke	(187,371,000)	-	(187,371,000)	(177,696,254)	9,674,746

Umncuno osebenzayo

Umncuno kwiiiasethi ezilahliwego namatyala	-	-	-	10,036,119	10,036,119
--	---	---	---	-------------------	-------------------

Umncuno kwiiiasethi ezilahliwego namatyala	-	-	-	49,008	49,008
--	---	---	---	--------	---------------

Umncuno wonyaka

Isixa-mali esisiso esithelekiswa njengezithiwe tha	-	-	-	10,085,127	10,085,127
--	---	---	---	-------------------	-------------------

IoLungelelwaniso leNgxelo

Ulungelelwaniso

Umahluko wesiseko

Umahluko womncuno phakathi kwemali eziinkozo	(16,340,125)
elungelelanisiwego neGRAP	

Isimo noHlahlelo

lomahluko

Inkcitho eyinkunzi	2,196,879
--------------------	-----------

INgxelo yoNyaka yoNyakamali 2018/19
i Voti 2:iPalamente yePhondo leNtshona Koloni
ICANDELO E:liNgxelo zoNyaka zeMali zonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Isixamali esisiso kwiNgxelo yeMali yoMsebenzi

(4,058,119)

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)**1. Unikezelo IweeNgxelo zoNyaka zeziMali**

Ingxelo zonyaka zemali zenziwe ngokweMigangatho yeSenzo esiNakanwa Jikelele sokuNika iNkcaza (GRAP), ekutshwa yiBhodi yeMigangatho yoNiko-ngxelo ngokweCandelo 56 IoMthetho woLawulo leziMali zePalamente neziNdlu zoWiso-mthetho zaMaphondo, 2009 (uMthetho Nomb. 10 ka-2009).

Ezi Ngxelo zonyaka zemali ziqlunqwe ngokwesiseko sokongezeka kucwangciso-mali yaye kuhamba ngokwesithethe sokuxabisa ngokwembali njengesiseko somlinganiso, ngaphandle kokuba kucaciswa ngendlela yimbi. Ziboniswe ngokweRandi yoMzantsi Afrika. Onke amanani alinganiselwe aya kuma ngeRandi.

Isishwankathelo seenkubo ezibalulekileyo zocwangciso-mali zichazwe apha ngezantsi. Le migao-nkqubo yokunika inkaza ingqinelana nexesha elidlulileyo.

1.1 Ingqikelelo yenkalabo eqhubayo

Ezi ngxelo zonyaka zemali ziqlunqwe ngokuxhomekeka kukuba nolindeleko lokuba indlu yowiso-mthetho iya kuqhube isebeza ubuncinane iinyanga ezili-12 ezilandelayo.

1.2 Izigwebo ezibalulekileyo

Ekuqulunqeni ingxelo yonyaka-mali, umlawuli ulindeleke ukuba enze uqikelelo kwakunye nentelekelelo echaphazela izambuku ezichazwe kwingxelo yonyaka-mali kunye nezibhengezo eziyeeleneyo. Ukusetyenziswa kwentelekelelo kunxamnye nokuqulunqwa kwengqikelelo. Iziphumo ezizezona zexesha elizayo zinokwahluka kule ngqikelelo enokuba yebalulekileyo kwingxelo yonyaka-mali. Iizgwebo ezibalulekileyo ziiska:

Okufumanekayo

Indlu yowiso-mthetho ixabisa imali etyalwa yona ukuze ithothiswe ekupheleni kwethuba ngalinye lokwenza ingxelo. Urukhangela ekubeni ilahleko yothothiso mayichazwe kusinina kwintshiyekela okanye kwimali engaphelelanga, indlu yowiso-mthetho iyakhangela ekubeni kukho iinkcukacha ezibonwayo ezichaza ukuncipa okunokulinganiswa kuqikelelo lwemali ezinkozo esetyenziswayo kwi-asethi yezimali.

Ukuthathiswa kwemali etyalwayo kubalwa ngokwesikhundla, kusikwe kulinganiselo lwembali yelahleko, ehenga-hlengiswe ngokweemeko zezoqoqosho zikazwelone kunye noshishino oluthile kwakunye nezinye izikhombisi ezikhoyo kumhla wengxelo ezhambelana nokusilela kwisikhundla. Le lahleko yonyaka yomlinganiselo isetyenziswa kumncno wemboleko kwisikhundla ukuze inyuselwe kwithuba elivelayo lelahleko eqikelelwego.

Uvavanyo loqhwalelo

Izambuku ebezilahlekile zaphinda zafunyanwa zeeyunithi ezenza imali ezinkozo kunye nee-asethi ezinganye nganye zimiselwe zisekelwa kwixabiso eliphezulu kusetyenziso loqikelelo kunye nexabiso elilungileyo kuthatyathwe indleko yokuthengisa. Olu balo lufuna ukusetyenziswa koqikelelo nokulindelekileyo.

IXabiso kusetyenziso Iwee-asethi ezingenisa imali:

Indlu yowiso-mthetho ivavanye yaze yahlola ixabiso elithwalwa zii-asethi xa imisitho okanye iinguqu kwiimeko zibonisa okokuba isixa-mali esithwelwego asisayi kufumaneka kwakhona. Li-asethi zibekwa ngamaqela kwinqanaba elisezantsi apho kungena nokuphuma kwemali ezinkozo kuchongwayo akuxhomekekanga ikakhulu kukungena nokuphuma kwezinje ii-asethi namatyala. Ukuba kukho imiqondiso ebonakalisa into yokuba

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

ukunciphisa kunokuba kwenzekile, uqikelelo luqulunqwe ngokungena nokuphuma kwemali ezinkozo yexa
Izigwebo ezinentsingiselo (ziyaqhuba)

elizayo olulindelwego kwiqela ngalinye lwee-asethi. Ukungena nokuphuma kwemali ezinkozo okulindelwego kwexa elizayo ukumisela ixabiso elisetyenziswayo kwenkolelo nee-asethi ezibambekayo akuqinisekanga yaye kungaguquka ngokuhamba kwexesha. Zichatshazelwe kakhulu yimiba emininzi ebandakanya ezoqqosho ezifana nokunyuka kwamaxabiso nenzala.

Ixabiso losetyenziso lwee-asethi ezingangenisi imali:

Indlu yowiso-mthetho ivavanye yaze yahlola ixabiso elithwalwa zii-asethi xa imisitho okanye iinguqu kwiimeko zibonisa okokuba isixa-mali esithwelwego asisyay kufumaneka kwakhona. Ukuba ngaba kukho imiqqalisela yokokuba okulahlekileyo kunokuba kwenzekile, ikhono lenkonzo eseleyo le-asethi limiselwe. Indlela eyiyo ikakhulu ekhethiwego yokumisela ikhono eliseleyo lenkonzo ixhomekeke ekufunyanweni kweenkcukacha zamanani nohlobo loqhwalelo.

Ubomi obunoncedo bepropati, umzi-mveliso nezixhobo nezinye ii-asethi

Ulawulo lwendlu yowiso-mthetho lumisela ubomi boncedo obuqikelelwego kune nemirhumo enxulumene nokuhla kwexabiso lepropati, lomzi-mveliso nezixhobo nezinye ii-asethi. Ulawulo luya kwandisa umrhumo wokuhla kwexabiso aphi ubomi obuluncedo bungaphantsi kobomi boncedo obebuqikelelwego ngaphambili.

linzuzo zasemva kokuthatyathwa komhlala-phantsi

Ixabiso elikhoyo logunyaziso lasemva kokuthatyathwa komhlala-phantsi lixhomekeke kwinani lemiba ethi imiselwe kwisiseko sokuthelekelewa kwesixa-mali kusetyenziswa inani leengqikelelo. Lingqikelelo ezisetyenziswe ekumiliseni indleko zemali esesandleni (ingeniso) kubandakanya umlinganiselo wesaphulelo. Naziphi na iinguqu kwezi ngqikelelo ziya kuba nempembelelo kwesixa-mali esikhoyo sezigunyaziso zasemva kokuthatyathwa komhlala-phantsi.

Ezinye iinguqu eziphambili ezilungiselelwego izigunyaziso zomhlala-phantsi zisekwe kwiimeko zemarike esikhoyo. Ingaciso engaphezulu ibhengezwe kwiNqaku 16.

Umyinge wemali-nzala esebezay

Indlu yowiso-mthetho isebezise umyinge webhondi karhulumente ukwaphulela ukungena nokuphuma kwemali ezinkozo kwexa elizayo.

Isibonelelo soqhialelo

Kokufumanekayo ilahleko yomonakalo iqondakala kumncono nakwilahleko xa kukho ubungqina obufanelekileyo bokokuba yonakele. Umonakalo ulinganiswa njengomahluko phakathi kwesixa-mali esithwelwe ngokwamkelwego kune nexabiso elikhoyo loqikelelo lokungena nokuphuma kwexa elizayo kwemali ezinkozo eyaphulelwego kumlinganiselo osebezay osebezay wenzala, othelekelelwego kulwamkelo lokuqalisa.

1.2 Ipropati, iqumrhu nezixhobo

Ipropati, iqumrhu nezixhobo zii-asethi eziphathekayo ezingezizo ezangoku (kuquka ii-asethi zezixhobo zokusebenza) ezigcinelwe imveliso okanye kunikezelolwempahla okanye iinkonzo, kwirhente eya kwezinye, okanye ezilungiselelwego iinjongo zolawulo, yaye zilindeleke ukuba zisetyenziswe ngethuba nakumathuba angaphezulu ethuba lokunikwa kwengxelo.

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

Indleko umba wepropati, iqumrhu nezihobo kuqondwa njenge-asethi xa:

- kunonakala ukuba iinzuso zezoqoqosho zexa elizayo okanye amandla enkonzo anxulunyaniswa nomba eza kungena kwindlu yowiso-mthetho; kwaye
- nengxelo yomba inokulinganiswa ngokuthembekileyo.

Ipropati, iqumrhu nezihobo zilinganiswa kuqala ngendleko.

Indleko zomba wepropati, iqumrhu nezihobo zilixabiso lokuthenga yaye ezinye iindleko zibhekiselele ekuzisweni kwe-asethi kwindawo nobume obuyimfuneko bokokuba inalo ikhono lokusebenza ngendlela exhitywe ngabalawuli. Izaphulelo zorhwebo nembuyekezo ziayathatyathwa kwixabiso lokufika.

Apho i-asethi ithe yafunwa ngaphandle kwendleko, okanye ngeendleko ezingephi, ixabiso layo iba lixabiso elilungileyo njengomhla eyafunyanwa ngayo.

Apho into yepropati, yomzi-mveliso nezihobo iyafuneka ngotshintshiselwano ne-asethi engeyiyo imali okanye ii-asethi zemali, okanye intlanganisela yee-asethi eziyimali nezingeyiyo imali, i-asethi efuniweyo ilinganiswa kuqala ngexabiso elilungileyo (ngendleko), ngaphandle ixabiso elilungileyo layo nayiphi na i-asethi eyamkelweyo okanye i-asethi enikezelweyo ibe ilinganiswe ngokuthembekileyo (indleko). Ukuba ngaba into efunyenweyo ayilinganiswanga kwixabiso elilungileyo, iindleko zayo zilungiswa kwisixa-mali esithwelweyo se-asethi ekunikezelwe ngayo.

Xa amacandelo abalulekileyo ento yepropati, umzi-mveliso nezihobo zinobomi obahlukeneyo boncedo, klinikwa ingxelo ngayo njengezinto ezahlukeneyo (amacandelo angundoqo) epropati, omzi-mveliso nezihobo.

Indleko zibandakanya iindleko ezenziwe kuqala ekufunyanweni okanye kulwakhiwo lwale nto yepropati, yomzi-mveliso nezihobo kune neendleko ezenziwe kamva zokongezelela, zokufakelwa kwelungu, okanye ukulungiswa kwayo.

Ukuqwalaselwa kweendleko kwisixa-mali esithwelweyo somba wepropati, umzi-mveliso kuyaphela xa umba ukwindawo nesimo esiyimfuneko yokokuba sibe nakho ukusebenza ngendlela ekuxhitywe yona lulawulo.

Izinto ezifana nezihobo ezibekiweyo, izihobo ezilindileyo kune nezihobo zolungiso zibonwa xa zihlangabezanenkencazelo yepropati, iqumrhu nezihobo.

Indleko ezingudoqo zohlolo ezingumqathango wokuqhubea ngokusetyenzisa komba wepropati, umzi-mveliso nezihobo nezihlangabezanayo nenqobo zengqwalasela engasentla zibandakanya njengezibekwe kwiindleko zomba wepropati, womzi-mveliso nezihobo. Naziphi na iindleko zohlolo eziseleyo kuhlolo olungaphambili azinikwa ngqwalasela.

Ipropati, iqumrhu nezihobo ziyaqhutywa ngendleko ezingaphantsi kokuhla kwamaxabiso okukhulayo nayo naziphi na iilahleko zoqhialelo.

Ipropati, iqumrhu nezihobo zihla amaxabiso kuhlolo lomgca othe ngqo kwisithuba sobomi obuluncedo olulindelweyo ukuya kwixabiso eliyintsalela eliqikelelwego.

Ubomi obuluncedo besakhiwo, bequmrhu nesihobo buvavanyiwe ngolu hlobo lulandelayo:

Umba	Indlela yokuhla kwexabiso	Umndilili wobomi
IFanitshala nezihobo zeofisi	Umgca othe ngqo	Iminyaka 2 - 25
Abanye oomatshini nezihobo	Umgca othe ngqo	Iminyaka 2 - 23
Izihobo zeKhompyutha	Umgca othe ngqo	Iminyaka 2 - 20 years
Ilasethi zengqeshiso yemali-iizithuthi	Umgca othe ngqo	Iminyaka 4 - 7
Ilasethi zemboleko kwezemali - iselula	Umgca othe Ngqo	Iminyaka 2 - 5

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

Isixa-mali esihlayo se-asethi sabiwa kwisiseko esizinzileyo kubomi bayo obuluncedo.

Isahlulo ngasinye sepropati, sequmrhu nezixhobo zinendleko ibonakalayo xa kuthelekiswa neendleko ezipheleleyo zento leyo ihla ixabiso ngokwahlukeneyo.

Indlala yokuhla kwexabiso esetyenzisiwego ibonisa ipateni apho izibonelelo zoqoqosho ze-asethi zexa elizayo okanye ikhono lenkonzo llindeleke ukuba iginywe yindlu yowiso-mthetho. Indlala yokuhla kwexabiso esetyenzisiwego kwi-asethi iyavavanywa ubuncinane rhoqo ngomhla wokunikezelwa kwengxelo yaye, ukuba ngaba kukho inguqu ebonakalayo kwipateni elindelwego yokusetyenziswa kwezibonelelo zoqoqosho oluzayo okanye ikhono lenkonzo eliquilathwe kwi-asethi, imethodi iyatshintshwa ukulungiswa ukuboniswa kwepateni eguqlwego. Inguqu enjalo kunikwa ingxelo ngayo njengoko inguqu ikuqikelelo lokubalwa kwamanani.

Indlu yowiso-mthetho ivavanya kumhla wokunikezelwa kwengxelo ngamnye okokuba ingaba sikhona na isiboniso sokokuba okulindelwego yindlu yowiso-mthetho okumalunga nentsalela yexabiso kunye nobomi obuluncedo be-asethi buguqukile ukususela kumhla ongaphambili wokunikwa kwengxelo. Ukuba ngaba isiboniso esinjalo sikho, indlu yowiso-mthetho ihlaziya ubomi obulindelwego bokuba luncedo kunye/okanye ixabiso eliyintsalela ngokufanelekileyo.

Umrhumo wokuhla kwexabiso wesithuba ngasinye uyaboniswa kwindlu yowiso-mthetho okanye intsilero ibe ibandakanywe kwisixa-mali esithwelwego senye i-asethi.

Izinto zendlu yowiso-mthetho azibalwa xa i-asethi ilahliwe okanye apho kungekho zibonelelo zingaphezulu zoqoqosho okanye ikhono lenkonzo elilindelwego ekusetyenzisweni kwe-asethi.

Ingeniso okanye ilahleko evela ekungabalwa kwesakhiwo, somzi-mveliso nakwizixhobo libandakanya kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsalela xa into leyo ingasabalwa. Ingeniso okanye ilahleko evela kwipropati, umzi-mveliso nezixhobo imiselwa njengomahluko phakathi kwengeniso yemali ezinkozo elahliwego, ukuba ikho, kunye nesixa-mali esithweleyo sento leyo.

1.3 Ii-asethi ezingaphathekiyo

I-asethi iyachongeka ukuba ngaba mhlawumbi:

- iyakwazi ukwahlulwa, ukutsho oko, Inakho ukwahlulwa okanye ukwahlulwa kwicandelo ze ithengiswe, ikhutshelwe, inikwe iphepha-mvume, irentwe okanye kutshintshiselwano, mhlawumbi iyodwa okanye zidityanisiwe kwisivumelwano esinxulumeneyo, kwii-asethi ezinokuchongwa okanye eziityala, nokokuba indlu yowiso-mthetho ixhibe ukwenza njalo; okanye
- ivera kumalungiselelo abophelelayo (kibandakanya amaungelo avela kwiizivumelwano), nokokuba loo malungelo akhutshelwe okanye ahlukanisiwe kwindlu yowiso-mthetho okanye avela kwamanye amalungelo nezigunyaziso.

Amalungiselelo abophelelayo achaza amalungiselelo athi anikezele ngamalungelo noxanduva oluyeeleneyo kumaqela kuwo abe ngathi akubume besivumelwano.

I-asethi engaphathekiyo iqondwa xa:

- mhlawumbi izibonelelo zoqoqosho eziindelekileyo zelixo elizayo okanye ikhono leenkonzo ezibalelwka kwi-asethi ziya kuqukuqeleta kwindlu yowiso-mthetho; yaye
- indleko okanye ixabiso elilungileyo le-asethi linokulinganiswa ngokuthembekileyo.

Indlu yowiso-mthetho ivavanya okunokuthi kwenzeke kwizibonelelo ezilindelekileyo zoqoqosho lwexa elizayo okanye ikhono lenkonzo kusetyenziswa uqiukelelo olufanelekileyo noluxhasekayoi oluthi lumele uqiukelelo olulungileyo lolawulo lwemiqathango ebekiwego yoqoqosho eya kuthi ibekho kubomi boncedo

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

A manqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

Iwe-asethi.

Li-asethi ezingaphatheiyo zinakanwa ngendleko.

Xa ithe i-asethi engabambekiyo yafunyanwa ngaphandle kwendleko okanye ngeendaleko ezingephi, ixabiso layo lixabiso elilungileyo njengoko lililo ngomhla wokufunyanwa.

Inkcitho kuphando (okanye kwinqanaba lophando Iweprojekti yangaphakathi) ibonwa njengenkitho xa yensiwe.

I-asethi engabambekiyo evela kupuhliso (okanye kwinqanaba lophuhliso Iweprojekti yangaphakathi) iqonda xa:

- kufanelekile ukuyiqukumbela i-asethi ukulungiselela ukuba iya kufumaneka uuba isetyenziswe okanye ithengiswe
- kukho isakhono sokuyisebenzisa okanye ukuyithengisa.

1.4 Li-asethi ezingaphekito (ziyaghube)

- inokuvelisa mhlawubi izibonelelo zoqoqosho zexa elizayo okanye ikhono lenkonzo.
- kukho izibonelelo zobuchule, zemali nezinye ukuqukumbela uphuhliso nokusetyenziswa nokuthengiswa kwe-asethi.
- inkcithomali ethatyathwa njenge-asethi ngexesha lophuhliso engalinganiswa ngentembeko.

Li-asethi ezingaphatheiyo zithwalwa kwiindleko ngaphantsi kwemali eyandisiwego ebekelwe

ukuhlawula amatyala kunye naziphi na iilahleko zoqhawalelo.

I-asethi engabambekiyo ithatyathwa njengenobomi obungapheliyo xa, kusekwe kuyo yonke imiba efanelekileyo, kungekho lunyino luqikelelwayo kwisithuba apha i-asethi ilindelwe ukuba ivelise ukungena kwemali ezinkozo okanye ikhono lenkonzo. Ukuhlawulwa kwamatyala akulungiselewanga kwezi asethi zingabambekiyo, kodwa kuhloliwe kulungiselelwa ukuncitshitswa rhoqo ngonyaka ngalo lonke ixesha kukho imbonakalo yokokuba i-asethi inakho ukuncitshiswa. Ukulungiselela zonke ezinye ii-asethi ezingabambekiyo ukuhlawulwa kwamatyala kubonelelwa kwisiseko somgca othe ngqo kubomi bazo zokuba lunchedo.

Isithuba sokuhlawulwa kwetyala kunye nemethodi yokuhlawulwa kwetyala kulungiselelwa ii-asethi ezingabambekiyo iyahlaziwa kumhla ngamnye wokunikwa kwengxelo.

Ukuvavanywa kobomi obuluncedo be-asethi engabambekiyo kunye nobomi obupheleleyo obuluncedo emva kokuhlelwa njengengaquinsekanga ngumqondiso wokokuba i-asethi isenokuba ilahlekile. Ngenxa yoko, i-asethi ivavanyelwa uqhawalelo kwaye isixamali esiseleyo esithwalwayo sihlawulwa kubomi baso bokuba lunchedo.

Lintlobo eziveliswe ngaphakathi, izibonelelo, izihloko zopapasho, uluhlu lwabathengi kunye nezinto eziyeleleneyo azibonwa njengee-asethi ezingaphatheiyo.

Ukuhlawulwa kwetyala kunikeyelwe ukulungiselela ukubhalwa phantsi kwee-asethi ezingabambekiyo, kumgca othe ngqo, kumaxabiso azo asileleyo njengoku kulandelayo:

Umfa	Indlela yexabiso elehlideyo	Umndilili wobomi obuluncedo
Izihobo zekhompyutha	Umgca othe ngqo	1 - 10 leminyaka

Li-asethi ezingaphatheiyo ziayekwa ukuqwalaselwa:

- ngokulahlwa; okanye

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

A manqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

- xa kungekho izibonelelo zoqoqosho zexa elizayo okanye ikhono lenkonzo zilindelekile kusetyenziso lwazo okanye kukulahlwa kwazo.

Ingeniso okanye ilahleko evela kwii-asethi ezingabambekiyo kumiselwa njengomahluko phakathi kwengeniso yokulahlwa kwempahla esesandleni ukuba ikho, kune nesixa-maliu esithwelwego se-asethi engaphathekkiyo. Umahluko onjalo uqwalaselwa kwindlu yowiso-mthetho okanye intsilelo xa i-asethi engabambekiyo ingaqwalaselwa.

1.5 li-asethi zamagugu

Li-asethi zamagugu zii-asethi ezinembonakalo yenkcubeko, yendalo yembali, yenzululwazi, yetheknoloji nezobugcisa yaye zibanjiwe ngokungenaziphelo ukulungiselela isibonelelo sezizukulwana zangoku nezexa elizayo.

Unakano

Indlu yowiso-mthetho inakana i-asethi yamagugu njenge-asethi ukuba ingaba nezibonelelo zoqoqosho zexa elizayo okanye ikhono lenkonzo elinxulunyaniswa ne-asethi iya kuqukuqeleta kwindlu yowiso-mthetho, yaye indleko okanye ixabiso elilungleleyo le-asethi linakho ukulinganiswa ngokuthembekileyo.

Apho indlu yowiso-mthetho igcine i-asethi yamagugu, kodwa kwingqiyo yokuqala ayizifezekisi iinqobo zengqiyo kuba ayinakulinganiswa ngokuthembekileyo, ingcaciso ke asethi injalo yamagugu ibhengezwe kwinqaku 12 lee-asethi zaMagugu.

1.5 li-asethi zamagugu

(ziyaqhuba)

Umlinganiselo wokuqala

Li-asethi zamagugu zilinganiswa ngendaleko.

Apho i-asethi yamagugu ifunyenwe ngentengiselwano yokungatshintshiselwana, indleko zayo ilinganiswa kwixabiso layo elungleleyo njengoko belinjalo kumhla wokufunyanwa.

Umlinganiselo olandelayo

Emva kwengqwalasela njenge-asethi, uhlobo lwee-asethi zamagugu zithwalwa kwiindleko kuthatyathwa ilahleko eyenziweyo.

Uqhawalelo

Indlu yowiso-mthetho ivavanya kumhla ngamnye wokunikwa kwengxelo okokuba ingaba kukho isiboniso sokokuba inokulahleka, ukuba ngaba isiboniso esinjalo sikho, indlu yowiso-mthetho iqikelela isixa-mali esifunyenwego okanye isixa-mali senkonzo esifunyenwego kwi-asethi yamagugu.

Ukhutshelo

Ukhutshelo oluvelakwii-asethi zamagugu lwenziwa kuphela xa i-asethi ethile ayisayifezekisi inkcazeloye-asethi yamagugu. Ukhutshelo kwii-asethi zamagugu lwenziwa kuphela xa i-asethi ifezekisa inkcazeloye-asethi yamagugu.

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

A manqaku kwINGxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

Ukunganakanwa

Indlu yowiso-mthetho ayanakani asethi yamagugu elahlwayo, okanye xa kungekho zinzuso okanye amandla enkonzo yexa elizayo elindelekileyo kusetyenziso okanye ukulahlwa kwayo.

Ingeniso okanye ilahleko ephuma ekunganakanweni kwe-asethi yamagugu imiselwa njengomahluko phakathi kweenzuso zenethi yokulahlwayo, zikho, nesixamali esithwalayo se-asethi yamagugu. Umahluko onjalo unakanwa kwintsalela okanye ityala xa i-asethi yamagugu ingasanakanwa.

1.6 Izixhobo zezemali

Isixhobo semali siso nasiphi na isivumelwano esithi sivelise i-asethi yemali yecandelo elinye kunye netyala lemalii okanye intsalela yenzala yelinye iqumrhu.

Ucazululo

Indlu yowiso-mthetho inezi ntlobo zee-asethi zemali zilandelayo (iintlobo namacandelo) njengoko ebonisiwe ngaphambili kwingxelo yobume bemali okanye kumanqaku ayo:

Udidi	Ululu
Ezamkelweyo ezivela kwiintengiselwano	I-asethi yezemali xa ilinganiswa nendleko
ezingatshintshwayo	ehlawulilweyo
Ezamkelweyo eziphuma kwiintengiselwano	I-asethi yezemali xa ilinganiswa nendleko
zotshintshiselwano	ehlawuliweyo
Imali ezinkozo nokufana nayo	I-asethi yezemali xa ilinganiswa nendleko
	ehlawuliweyo

Indlu yowiso-mthetho inezi ntlobo zilandelayo zamatyala emali (iintlobo namacandelo) njengoko ibonisiwe kwingxelo yobume bemali okanye kumanqaku akhoyo:

Udidi	Ululu
lintlawulo ezivela kwiintengiselwano	Ilahleko yezemali xa ilinganiswa nendleko
zotshintshiselwano	ehlawuliweyo
isigunyaziso sengqesho yezemali	Ilahleko yezemali xa ilinganiswa nendleko
I-ovedrafti yebhanka	ehlawuliweyo
Ilahleko ethe ngqo yetyala	Ilahleko yezemali za ilinganiswa nendleko
	ehlawuliweyo
	Ilahleko yezemali xa elinganiswa nendleko ehlawulelwyo

Unakano lwasekuqaleni

Indlu yowiso-mthetho inakana i-asethi yezemali okanye ilahleko yezemali kwingxelo yayo yobume bezemali xa indlu ywisomthetho iba yinxalenye yezbonelelo zezivumelwano zesixhobo.

Indlu yowiso-mthetho inakana ii-asethi zezemali kusetyenziswa ubalo-zimali lomhla worhwebo.

Umlinganiselo wokuqala wee-asethi zezimali neelahleko zezimali

Indlu yowiso-mthetho inakana i-asethi yemali okanye ityala lemalii kwingxelo yayo yobume bemali xa indlu yowiso-mthetho iba liqela kwizibonelelo zesivumelwano zesixhobo okanye ilahleko yezemali.

Indlu yowiso-mthetho ilinganisa i-asethi yezemali nelahleko yezemali ngexabiso elihle [ukuba kalandela]

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

A manqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

ukulinganiswa ngexabiso elihle].

Indlu yowiso-mthetho iqala ivavanye isimo semali-mboleko evunyelweyo ukuba ingaba ngenene yimali-mboleko na. Kwingqwalaselo yayo yokuqala, indlu yowiso-mthetho icazulula imali-mboleko ekuvunyelwene ngayo ibe zizintlu zamacandelo ize inike ingxelo ngecandelo ngalinye ngokwahlukeneyo.. Indlu yowiso-mthetho inika ingxelo ngesahlulo semali-mboleko evunyelweyo ethe:

- yanesibonelelo sentlalo ngokuhambelana neSiseko soLungiselelo noKuthiwa Thaca kweeNgxelo zeMali, apha iyijo ekhupha imali-mboleko; okanye
- eye yanengeniso engenalwananiso, ngokuhambelana noMgangatho we-GRAP ongeNgeniso esuka kwiiNtengiselwano eziNgenalwananiso (iiRhafu noKhutshelo), apha ingumamkeli wemali-mboleko.

Umlinganiselo olandelayo wee-asethi zezemali neelahleko zezemali

Indlu yowiso-mthetho ilinganisa zonke ii-asethi zemali namatyala emali emva kokuqwalaselwa kokuqala kusetyenziswa la macandelo alandelayo:

- Izixhobo zemali kwixabiso elilungileyo.
- Izixhobo zemali kwiindleko ezihlawulwe ngemali ebekelwe oko.
- Izixhobo zemali kwiindleko.

Zonke ii-asethi zemali ezilinganisiweyo kwiindleko ezihlawulwe ngemali ebekelwe oko, okanye iindleko, zixhomekeke kuvavanyo ngokutsha oluncitshisiweyo.

Iindleko ezihlawulwe ngemali ebekelwe oko ze-asethi yemali okanye ityala lemali sisixa-mali ekulinganiswa kuso-iasethi yemali yetyala lemali kwingqwalaselo yokuqala kuthatyathwe iintlawulo zemalinkunzi, kongezelelwe okanye kuthatyathwe iindleko ezandileyo ezihlawulwe ngemali ebekelwe okoko kusetyenziswa indlela esebezayo yenzala yawo nawuphi na umahluko phakathi kwesaa sixa-mali sokuqala nesixa-mali esivuthiweyo, ze kuthatyathwe naluphi na uncitshiso (oluthe ngqo okanye ngokusetyenziswa kwe-akhawunti yemali yesibonelelo) ukulungiselela ukuncitshiswa okanye ukungabi nakho ukuqokelelwa kwimeko ye-asethi yemali.

lingqwalasela zomlinganiso wexabiso elihle

Obona bungqina bugqwesileyo bexabiso elilungileyo ngamaxabiso abiziweyo kwintengo esebezayo. Ukuba imarike elungiselelwe isixhobo semali ayisebenzi, indlu yowiso-mthetho imisela ixabiso elilungileyo ngokusebenzia indlela yokuqikelela ixabiso. Injongo yokusebenzia indlela yokuqikelela ixabiso kukufumana ukuba beliyintoni na ixabiso lentengiselwano ngomhla wokulinganisa kutshintshiselwano Iwexesha elide oluvuselelwe ziengcamango zokusebenza. Iindlela zokuqikelelwa kwexabiso zibandakanya ukusetyenziswa kweentengiselwano zakutshanje zemarike yexesha elide phakathi kwamaqela anolwazi nazimiseleyo, ukuba akho, kukhangelwa kwixabiso langoku elilungileyo Iwesinye isixhobo esibanzi ngokufanayo, ucazululo lokuphuma nokungena kwemali ezinkozo okunesaphulelo noyilo olulolunye lokunkwa kwexabiso. Ukuba ngaba kukho indlela eqhelekileyo ukusetyenziswa yoqikelelo Iwexabiso ngabathabatha inxaxheba kwimarike ukunika ixabiso isixhobo yaye loo ndlela ibonisiwe ekubeni inika uqikelelo oluthembekileyo Iwamaxabiso afunyanwa kwiintengiselwano ezizizo zemarike, icandelo lisebenzia ezo ndlela. Indlela ekhethiweyo yoqikelelo Iwamaxabiso izisa iziphumo ezigqwesileyo zokusetyenziswa kwemarike yaye iqamele kancinane kwiziphumo ezithe ngqo zecandelo. Iqulathe yonke imiba abathathi-nxaxheba kwimarike abanokuthi bayicinge xa bebeka ixabiso yaye iyahambelana neendlela ezamkelekileyo zoqoqosho ezilungiselelwe izixhobo zemali. Ngethuba elithile, indlu yowiso-mthetho ilinganisa ububanzi bendlela yoqikelelo ze ibuhlole ukulungiselela ukulunga kusetyenziswa amaxabiso avela nakuziphi na iintengiselwano ezinokubonwa ezikhoyo zemarike kwisixhobo esinye (ok.t. Ngaphandle kokulungiswa okanye kokupakishwa ngokutsha) okanye esisekwe nakuziphi na iinkcukacha zamanani emarike anokuqwalaselwa nafumanekayo.

Ezamkelwego zexesha elifutshane nezihlawulwayo azinasaphulelo apha isithuba sokuqala setyala ebensinekezelwe okanye esamkelwego sihambelana nemiqathango esetyenziswa kwicandelo likarhulumente,

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

A manqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

mhlawumbi ngokusekwa kweendlela okanye uwiso-mthetho.

Inzuko nelahleko

Inzuko okanye ilahleko evela kwinguqu kwixabiso elilungileyo le-asethi yemali okanye ityala lemali elilinganiswe kwixabiso elilungileyo libonakaliswa kwixabiso elilungileyo kuwiso-mthetho okanye kwintsilelo.

Kwii-asethi zemali namatyala emali alinganiswe kwiindleko ezihlawulwa ngemali ebekelwe oko, okanye indleko, ibonwa kuwiso-mthetho okanye kwintsilelo xa i-asethi yemali okanye ityala lemali lingamkelwa okanye lincipha, okanye kusetyenziswa inkqubo yokuhlawulwa kwendleko ngemali ebekelwe oko.

Uqhalelo nokugaqokeleleki kwee-asethi zezimali

Indlu yowiso-mthetho ekupheleni kwethuba ngalinye lokunika ingxelo nokokuba kukho nabuphi na ubungqina obukhoyo bokokuba i-asethi yemali okanye iqela lee-asethi zemali ziqhalelisiwe na.

Li-asethi zemali ezilinganiswe kwiindleko ezihlawulwa ngemali ebekelwe oko:

Ukuba ngaba, kukho ubungqina obukhoyo bokokuba ilahleko yokuhla kwexabiso lee-asethi zemali ezilinganiswe kwiintlawulo ezenziwe ngemali emiselwe oko kuye kwenzeka, isixa-mali selahleko silinganiswa njengomahluko phakathi kwesixa-mali esithweleyo see-asethi kune nexabiso elikhoyo lokungena nokuphuma kwemali ezinkozo eziqikelelweyo zexa elizayo (kungabandakanywa iilahleko zetyala zexa elizayo ekungakhange kungenwe kuzo) eyaphulwe kumlinganiselo wenzala osebenzayo wee-asethi zemali zokuqala. Isixa-mali esithwelweyo see-asethi sincitshiswa ngqo OKANYE ngokusetyenziswa kwe-akhawunti ejongene nezibonelelo. Isixa-mali selahleko sichazwa kwindlu yowiso-mthetho nakwintsalela okanye ityala.

Ukuba, kwixesha elizayo, isixa-mali selahleko enciphileyo sihlile yaye ukuhla kunokunxulunyanisa nomsitho owenzeke emva kokuba ukuncitshiswa kwamkelwe, ilahleko yangaphambili eyamkelweyo yelahleko enciphileyo ibuyiswa umva ngokulungelelanisa kwe-akhawunti ejongene nezibonelelo. Ukubuyiselwa umva akukhokeleli kwisixa-mali esithwelweyo se-asethi yemali esithi sizidule iindleko zentlawulo ngemali ebekelwe oko ukuba beziya kuba njani ukuba ngaba ukincipha bekungaqtshelwanga ngomhla ukincipha kubuyiselwa umva. Isixa-mali sokubuyiselwa umva sichazwa kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo.

Apho ii-asethi zemali zincitshiswe ngokusetyenziswa kwe-akhawunti yemali evunyelweyo, isixa-mali selahleko samkelwa kwintsalela egqithisileyo okanye kwintsilelo kwakwiinkcitho zokusebenza. Xa ii-asethi zemali ezinjalo zicinyiwe, ukucinya kwenziwa kwi-akhawunti yemali ejongene nezibonelelo efanelekileyo. Okufunyenweyo okulandelayo kwezixa-mali ebezicinyiwe ngaphambili zifakwa kwiinkcitho zokusebenza.

Li-asethi zemali ezilinganiswe kwindleko:

Ukuba kukho ubungqina obuqiqileyo bokuba ilahleko yohwalelo ifunyenwe kutyalomali kwinzala yentsalela engalinganiswanga kwixabiso elihle kuba ixabiso layo elihle alinakho ukulinganiswa ngentembeko, isixamali selahleko yoqhawelelo ilinganiswa njengomahluko phakathi kwesixamali esithwalayo se-asethi yezemali kune nexabiso elikhoyo lweemali eziphumayo nezingenayo eziphelekelelwayo zexa elizayo ezingabalwanga ngomyinge wentengo yangoku yobuyiselwo lwe-asethi yezemali efanayo. Ialahleko zoqhalelo ezinjalo azibuyiselwa umva.

Ukunganakanwa

Li-asethi zezemali

Indlu yowiso-mthetho izitshitshisile ii-asethi zemali kusetyenziswa ukunikwa kwenkcaza yomhla worhwebo.

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

Indlu yowiso-mthetho iyitshitshisa i-asethi yemali kuphela xa:

- amalungelo esivumelwano sokungena nokuphuma kwemali ezinkozo kwi-asethi yemali ephelwelwa, ehlawulwe okanye erhoxisiwe;
- indlu yowiso-mthetho ikhuphela kwelinye iqela ngokuphathekayo yonke imic平heko namabhaso obunini bee-asethi sesemali; okanye
- Indlu yowiso-mthetho, nangona igcine imingcipheko ebonakalayo nokuyinzudo yobunini be-asethi yemali, igqithisele ulawulo lwe-asethi kwelinye iqela yaye elinye iqela linesakhono sokuthengisa i-asethi yonke kwiqela lesithathu elinganxulumana, yaye inokusebenzisa eso sakhono ngokwayo ingakhange idinge ukufaka zithintelo zongezelelweyo kwinkqubo yokuhlawulwa kwee-asethi. Kule meko iqumrhu:
 - litshitshisa i-asethi; kwaye
 - lamkela ngokuzimeleyo nawaphi na amalungelo nezigunyaziso ezenziwego okanye ezigciniwego kuhutshelo.

Iixa-mali ezithwelweyo ze-asethi ehlawuliwego zabiwa phakathi kwamalungelo okanye izigunyaziso ezigciniwego nezo zihlawulwego ngenxa yamaxabiso azo alungleleyo ngomhla wentlawulo. Amalungelo nezigunyaziso ezenziwego zilinganiswa kumaxabiso azo alungleleyo ngaloo mhla. Nawuphi na umahluko phakathi kweengcamango ezingatshitshiswanga nezitshitshisiwego zichazwa kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo ngexa lentlawulo.

Iixa-mali ezithwelweyo ze-asethi ekhutshelwego zabiwe phakathi kwamalungelo nezigunyaziso ezigciniwego kunye nezo zihlawulwego ngenxa yamaxabiso azo alungleleyo ngomhla wentlawulo.

Amalungelo nezigunyaziso ezenziwego zilinganiswa kumaxabiso azo alungleleyo ngaloo mhla.

Nawuphi na umahluko phakathi kweengcamango ezamkelwego zichazwa kwintsalela egqithisileyo okanye kwintsilelo.

lilahleko zezimali

Indlu yowiso-mthetho iyalisusa ityala lemali (okanye inxalenye yetyala lemali) kwingxelo yayo yobume bemali xa licinywayo — okt. Xa isigunyaziso esichaziwego kwisivumelwano senziwe, sirhoxisiwe, siphelelwe lixesha okanye kurhoxisiwe ilungelo lesigunyaziso.

Utshintshiselwano phakathi komboleki okhoyo nombolekisi wezixhobo zetyala kunye nemiqathango ebanzi eyahlukemeyo luchazwa njengolwenzekileyo kwityala lemali lakuqala yaye ityala elitsha lemali liyamkelwa. Ngokufanayo, ulungelewaniso olubanzi lwemiqathango yetyala lemali elikhoyo okanye inxalenye yayo kunikwe ingxelo ngalo njengolwenziwego kwityala lemali lokuqala nokwamkela ityala lemali elitsha.

Umahluko phakathi kwsixa-mali esithwelweyo setyala lemali (okanye inxalenye yetyala lemali) esisetenzisiwego okanye esihlawulwe kwelinye iqela yaye ingcamango ihlawulwe, kubandakanywa naziphi na ii-asethi ezingeyiyo imali ezinkozo ezihlawulwego okanye amatyala aqikelelwego, zamkelwa yenye indlu yowiso-mthetho kwintsilelo. Nawaphi na amatyala athi arhoxiswe axolelwwe okanye athatyathwe yenye indlu yowiso-mthetho ngendlela yentengiselwano ekungatshintshiselwana ngayo abalwa ngokuhambelana noMgangatho weGRAP eyiNgeniso evela kwiiNtengiselwano ezingeloTshintshiselwano (iiRhafu neeNtlawulo ezenziwego).

1.7 Okufumanekayo**okusemthethweni****Uchongo**

Iintlawulo ezamkelwego ezesemthethweni ziintlawulo ezamkelwego ezithi zivele emthethweni, kwimithetho exhasayo okanye kwiindlela eziyeleleneyo; yaye zifuna ukuhlawulwa lelinye icandelo ngemali ezinkozo okanye ngenye i-asethi yemali.

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

Intlawulo ezamkelweyo ezesemthethweni zibandakanya ingeniso evela kwirhafu yepropati, kwizohlwayo, kwiminikelo nemirhumo ebizwayo ngokwemiqathango yowiso-mthetho.

Unakano

Indlu yowiso-mthetho inakana okufunemakayo okusemthethweni ngolu hlobo lulandelayo:

- ukuba intengiselwano yintengiselwano yotshintshiselwano, kusetyenziswa umgaqo-nkqubo ongeNgeniso evela kwintengiselwano yotshintshiselwano;
- ukuba intengiselwano yintengiselwano engelotshintshiselwano, kusetyenziswa umgaqo-nkqubo ongeNgeniso evela kwiintengiselwano ezingelotshintshiselwano (iiRhafu neentlawulo ezenziweyo); okanye
- ukuba intengiselwano yotshintshiselwano ayikho kwinkalo yemigaqo-nkqubo edweliswe ngentla okanye komnye uMgangatho we-GRAP, iintlawulo ezamkelweyo ziqtshelwa xa inkcazel ye-asethi ihlangatyeziwe yaye, kusenokwenzeka ukuba izibonelelo zoqoqosho zexa elizayo okanye inkonzo enokunxulunyanisa ne-asethi iya kuqukuqeleta kwindlu yowiso-mthetho yaye isixa-mali sentengiselwano sinokulinganiswa ngokuthembekileyo.

Umlinganiselo wokuqala

Indlu yowiso-mthetho izilinganisa kuqala iintlawulo ezamkelweyo ezesemthethweni kwisixa-mali sentengiselwano sazo.

Umlinganiselo olandelayo

Indlu yowiso-mthetho izilinganisa zonke iintlawulo ezamkelweyo ezesemthethweni emva kolwamkelo lokuqala kusetyenziswa indlela egxila kwiindleko.

Phantsi kwindlela egxila kwiindleko, umlinganiselo wokuqala wentlawulo eyamkelweyo uyatshintshwa emva kolwamkelo lokuqala olubonisa nayiphi na:

- inzala okanye ezinye iirhafu eziye zafumaneka kwintlawulo eyamkelweyo (apho kusebenzayo);
- ilahleko zoqhawalelo; kunye
- nezixa-mali ezitshitshisiweyo.

Ilahleko zoqhawalelo

Indlu yowiso-mthetho ivavanya ekupheleni kwethuba ngalinye lokunikwa kwengxelo ukuba ingaba kukho ubungqina bokuba intlawulo eyamkelweyo esemthethweni, okanye iqela leentlawulo ezamkelweyo ezesemthethweni, ibe ichwaleliswa.

Xa sekubonakala ukuba intlawulo eyamkelweyo karhulumente, okanye iqela leentlawulo ezamkelweyo zikarhulumente zinokuncitshiswa, indlu yowiso-mthetho iyilinganisa ilahleko yokuhla kwexabiso lee-asethi njengomahluko ophakathi kokungena nokuphuma kwemali ezinkozo kwexesha elizayo kunye nesixa-mali esithweleyo. Aphi isixa-mali singaphezulu kunemali ezinkozo eqikelelwayo yexesha elizayo ephuma ingena, isixa-mali esithweleyo sentlawulo eyamkelweyo esemthethweni, okanye iqela leentlawulo ezamkelweyo ezesemthethweni okanye ityala.

Nayiphi na ilahleko yokuhla kwexabiso lee-asethi ilungiswa ngqo okanye ngokulungiswa kwe-akhawunti ejongene nezibonelelo. Le nkqubo yokulungisa ayikhokeleli ekubeni isixa-mali sentlawulo eyamkelweyo esemthethweni okanye iqela leentlawulo ezamkelweyo ezesemthethweni liyagqithisa kwisixa-mali sentlawulo eyamkelweyo (seentlawulo ezamkelweyo) ebesiya kuba yiyo ukuba ilahleko yokuhla kwexabiso lee-asethi belingakhange liqatshelwe ngomhla okuye kwahlaziwa ngokutsha koku kuhla kwexabiso lee-asethi. Isixa-mali sako nakuphi na ukulungisa siyachazwa kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo.

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

1.7 Okufumanekayo

kwasemthethweni (kuyaqhuba)

Ukunganakanwa

Indlu yowiso-mthetho itshitshisa intlawulo eyamkelweyo esemthethweni, okanye inxalenye yayo, xa:e

- amalungelo aya kwiimali eziphumayo nezingenayo ezsuka kwintlawulo eyamkelweyo ayahlawulwa, aphelelwe lixesha okanye acinyiwe;
- indlu yowiso-mthetho ikhuphela kwelinye iqela ngokuphathekayo yonke imicripheko namabhaso obunini bee-asethi sesemali; okanye
- Indlu yowiso-mthetho, nangona igcine imicripheko ebonakalayo nokuyinzuso yobunini be-asethi yemali, igqithisele ulawulo lwe-asethi kwelinye iqela yaye elinye iqela linesakhono sokuthengisa i-asethi iyonekwiqela lesithathu elinganxulumananga, yaye inokusebenzisa eso sakhono ngokwayo ingakhange idinge ukufaka zithintelo zongezelelwego kwinkqubo yokuhlawulwa kwee-asethi. Kule meko iqumrhu:
 - litshitshisa i-asethi; kwaye
 - lamkela ngokuzimeleyo nawaphi na amalungelo nezigunyaziso ezenziwego okanye ezicciwego kukhutshelo.

Izia-mali ezithwelwego ze-asethi ehlawuliwego zabiwa phakathi kwamalungelo okanye izigunyaziso ezicciwego nezo zihlawulwego ngenxa yamaxabiso azo alungileyo ngomhla wentlawulo. Amalungelo nezigunyaziso ezenziwego zilinganiswa kumaxabiso azo alungileyo ngaloo mhla. Nawuphi na umahluko phakathi kweengcamango ezingatshitshiswanga nezitshitshisiwego zichazwa kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo ngexa lentlawulo.

1.8 lingqeshiso

Ingqeshiso yemali iqatshelwa njengee-asethi namatyala kwingxelo yobume bemali ngeixa-mali ezilingana nexabiso elilunglelo lepropati eqeshiswayo okanye, ukuba ingaphantsi, ixabiso elikhoyo elisezantsi leentlawulo zengqesho. Ityla analo kumqeshisi alibandakanyiwe kwingxelo yobume bemali njengesigunyaziso sengqeshiso yemali.

Xa ingqeshiso iqua zombini, umhlaba nezinto zezakhiwo, iqumrhu livavanya uhlelo lwento nganye ngokwahlukaneyo.

lingqeshiso zezemali - umqeshi

lingqeshiso zezemali zinakanwa njengee-asethi neelahleko kwingxelo yebume bezemali kwizixamali ezilingana nexabiso elihle lepropathi eqeshiweyo okanye, lingaphantsi, ixabiso langoku lobuncinane beentlawulo zengqesho. Ilahleko esondeleneyo kumqeshisi iqukiwe kwingxelo yobume bezemali njengesigunyaziso sengqeshiso yezemali.

Umyinge wesaphulelo osetyenzisa ekubaleni ixabiso langoku lobuncinane beentlawulo zengqesho luqhalelo kumyinge wenzala kwingqesho.

Ubuncinane beentlawulo zengqesho bubekwa kwisambuku phakathi kwetyala lezemali nocutho lwetylala elingekahlawulwa. Umrumo wezemali ubekelwa ixesha ngalinye ngexesha lengqesho ukuze kuveliswe umyinge oqhubayo wexesha lebhalansi eseleyo yelahleko.

Naziphina iirente zokulungiselela okunokwenzeka zisiwa kwixesha ezifumanike ngalo.

lingqesho ezisebenzayo - umqeshi

Intlawulo zengqesho ezisebenzayo ziqtshelwa njengenkitho kumgca othe ngqo kwisithuba sengqesho. Umahluko phakathi kwezia-mali ezichazwe njengenkitho kunye neentlawulo zesivumelwano zichazwa njenge-asethi okanye njengetyala lengqesho.

Umndilili wesibonelelo senkuthazo ubonwa njengokuncitshishwa kweendleko zerente kwisithuba

A manqaku kwNgxelo yemali yoNyaka**2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)**

sengqesho kumgca othe ngqo kwixesha lengqeshiso.

1.9 Izintlu zeempahla

Izintlu zeempahla zilinganiswa kuqala kwiindleko ngaphandle kwemeko apha izintlu zeempahla zifunyenwe ngentengiselwano engelotshintshiselwano, ngoko iindleko zikwixabiso elilungileyo ngokomhla wokufunyanwa kweempahla.

Izintlu zeempahla ezilandelayo zilinganiswa kwindleko ephantsi kanye nexabiso elisezantsi elifezekisiwyo.

Izintlu zeempahla zilinganiswa kwiindleko eziphantsi neendleko ezikhoyo zembuyiselo apha zigcinwe khona ukuze;

- uhanjiso ngaphandle kwemali okanye ngemali ephantsi; okanye
- zisetenyenziwe kwinkqubo yokuvveliswa kweempahla ekufuneka iziswe ngaphandle kwemali okanye ngemali engephi.

Ixabiso elinokufezekiswa elisezantsi lixabiso lokuthengisa eliqikelelwayo kwithuba lesiqhelo lokusebenza kuthatyathwe kulo iindleko eziqikelelweyo zokuqukumbela kanye neendleko eziqikelelweyo eziyimfuneko ukuqhuba intengiso, utshintshiselwano okanye ukuziswa kweempahla.

Iindleko zembuyiselo ezikhoyo ziindleko indlu yowiso-mthetho ezenzileyo ukufumana i-asethi ngomhla wokunikezelwa kwengxelo.

Indleko yezintlu zeempahla iqulathe zonke iindleko, iindleko zokutshintsha nezinye iindleko ekungenwe ekuziseni izintlu zeempahla kwindawo nakwimeko yangoku .

Indleko yezintlu zeempahla yezinto ekungatshintshiselwana ngazo ngokwesihelo neempahla okanye iinkonzo ezivelisiwyo zaze zahlulelw iiprojekthi ezithile iyabiwa kusetyenziswa ukutyunjwa okuthe ngqo kweendleko nganye.

Indleko yezintlu zeempahla yabiwe kusetyenziswa ifomyula yomndlili weendleko ezilinganisiwyo. Le fomyula yeendleko inye isetyenziselwa zonke izintlu zempahla ezinobume obunye nomsebenzi omnye kwindlu yowiso-mthetho.

Xa izintlu zeempahla zithengiswa, izixa-mali ezithwelweyo zezo zintlu zeempahla ziqatshelwa njengenkitho kwisithuba apha ingeniso enxulumeneyo isamkelwa. Ukuba akukho ngeniso inxulumeneyo, iindleko zazo ziqatshelwa xa iimpahla zizisiwe, okanye iinkonzo ezinxulumeneyo zenziwe. Isixa-mali sazo naziphi na izintlu zeempahla ezithotyiweyo kwixabiso elifezekisiwyo okanye indleko ezikhoyo zembuyiselo nazo zonke iilahleko kwizintlu zeempahla ziqatshelwa njengenkitho ngethuba lokuthotywa kwamaxabiso eempahla okanye xa ilahleko isenzeka. Isixa-mali sako nakuphi na ukubuyiselwa umva kwazo naziphi na izintlu zeempahla ezithotywe amaxabiso, ezivela kukwanda kwexabiso elifezekisiwyo okanye iindleko ezikhoyo zembuyiselo, ziqatshelwa njengokuncitshiswa kubungakanani bezintlu zeempahla eziqatshelwe njengenkitho kweli xesha lokwenzeka kwenkqubo yokubuyisela umva izinto.

1.10 Uqhawalelo lwee-asethi ezisia imali ezinkozo

Li-asethi ezivelisa imali zezo asethi zilawulwa ngenjongo ephambili yokwenza ushishino olunengeniso. Xa ngaba i-asethi isenza ushishino olunengeniso xa isetyenziswe ngendlela ehambelanayo naleyo yamkelwe njengequmrhu elenza inzuko.

Uchongo

Xa isixa-mali esithwele i-asethi evelisa imali sigqithisa kwisixa-mali esinokufunyanwa kwakhona, siyatshitshiswa.

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

Indlu yowiso-mthetho kumhla ngamnye wokunika ingxelo iyahlola ukuba akukho mqondiso wokuba i-asethi evelisa imali ingatshitshiswa. Ukuba nawuphi na umqondiso onjalo ukhona, indlu yowiso-mthetho iqikelela isixamali esinokufunyanwa kwakhona se-asethi.

Akukhathaliseki nokuba kukho umqondiso wotshitshiso lwee-asethi, indlu yowiso-mthetho kwakhona ihlola i-asethi engabambekiyo evelisa imali ngobomi obuluncedo obungaqingqwanga okanye i-asethi engabambekiyo evelisa imali engekafumaneki ukuba isetyenziselwe ukutshitshiswa ngonyaka ngokuthelekisa isixa-mali esithwalayo kunye nesixa-mali esinokufunyanwa. Olu hlobo lotshitshiso lwenziwa ngexesha elinye qho ngonyaka. Ukuba i-asethi engabambekiyo iqatshelwe kwangoko ngexesha lokunkwa kwengxelo yonyaka lowo, nokuba i-asethi engabambekiyo ihlolwelwe ukutshitshiswa ngaphambi kokuphela kwethuba langoku lokunkwa ingxelo.

Ixabiso kusetyenziso

Ixabiso kusetyenziso lwe-asethi evelisa imali lixabiso langoku lemali engenayo nephumayo eqikelelelw ixesha elizayo ekulindeleke ukuba lifumanek kusetyenziso lwe-asethi oluqhubeckay kwakunye nokulahlwa kwayo ekupheleni kobomi bayo obube lunchedo.

Xa iqikelela ixabiso lokusetyenziso kwe-asethi, indlu yowiso-mthetho iqikelela iimali ezingenayo neziphumayo zexesa elizayo ezinokufumaneka kusetyenziso oluqhubeckay lwe-asethi nasekulahlweni kwayo okokuggibela kwanokuba indlu yowiso-mthetho isebeanzisa umlinganiselo wesaphulelo ofanelekileyo kwezo mali ziphumayo nezingenayo zexesa elizayo.

Umyinge wesaphulelo

Umyinge wesaphulelo ngumyinge waphambi kwerhafu obonakalisa uhlolo lwemarike lwangoku lwexabiso lexesha lemali, emelwe ngumlinganiselo ongenamngcipheko wangoku wenzala kunye nemingcipheko ekwi-asethi aphoon uqikelelo lwemali engenayo nephuma lwexesha elizayo lungakhange luhlenga-hlengiswe.

Unakano nomlinganiselo (i-asethi esisiqu)

Ukuba isixa-mali esinokufumaneka kwakhona se-asethi eyenza ingeniso singaneno kwisixa-mali saso esisithwalayo, isixa-mali esithweleyo se-asethi sicuthelwa kwisixa-mali esingafumaneka kwakhona. Olu cutho luyilahleko etshitshisiwego.

Ilahleko yoqhwalelo iqatshelwa ngoko kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo.

Emva kokuqatshelwa kwelahleko encitshisiwego, intlawulo yokuthoba ixabiso (izinga locutheko-tyala) le-asethi engenisa imali iyahlenga-hlengiswa kumaxesha ezayo ukwaba isixa-mali esisithwalayo esihlaziyiweyo se-asethi engenisa imali, nganeno kwexabiso eliyintsalela (ukuba likho), ngendlela enobuchule kubomi obushiyekileyo obuluncedo.

Iiyunithi ezizada imali ezinkozo

Ukuba kukho nawuphi na umqondiso obonisa ukuba i-asethi ingaba itshitshisiwe, isixa-mali esinokufamaneka kwakhona siqikelewa kwi-asethi nganye. Ukuba akunakwenzeka ukuqikelela kwesixa-mali esinokufumaneka kwakhona kwi-asethi nganye, indlu yowiso-mthetho yiyo emisa isixa-mali esinokufumaneka kwakhona seyuniti engenisa imali aphoon i-asethi iyeyakhona (iyunithi ye-asethi engenisa imali).

Ukuba kukho imarike esebezenzayo ekhoyo yesiveliso esiveliswa yi-asethi okanye iqela lee-asethi, loo asethi okanye elo qela lee-asethi lichongwa njengetyunithi engenisa imali, nkqu nokuba yinxalenye okanye sisonke esi siveliso sisetyenziswe ngaphakathi. Ukuba ingeniso yemali eyenziweyo yiyo nayiphi na i-asethi okanye

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

Iyunithi engenisa imali ziyachaphazeleka lixabiso elithunyelwe ngaphakathi, indlu yowiso-mthetho isebezisa uqikelelo olulolona Iwabaphathi kwixabiso lexesha elizayo (kumaxabiso exesha elizayo anokuphumelela) elinokuphunyezwu kwiintengiselwano ezikufutshane kuqikelelo:

- imali engenayo nephumayo yexesha elizayo isetyenziselwa ukumisela ii-asethi okanye ixabiso losetyenziso lweyunithi engenisa imali; kunye
- Imali engenayo nephumayo yexesha elizayo isetyenziselwa ukumisela ixabiso losetyenziso lwazo naziphi na ezinye ii-asethi okanye iiyunithi ezingenisa imali ezichaphazeleke lixabiso elihlawulweyo langaphakathi.

Iiyunithi ezingenisa imali zityunjwa ngokungaguqu-guqukiyo ukusuka kwisithuba sexesha ukuya kwelinje nge-asethi enye okanye iindidi zee-asethi, ngaphandle kokuba utshintsho lwensiwe ngezizathu ezibambekayo.

Isixa-mali esithwelwego seyunithi engenisa imali simiselwe ngesiseko esihambelana mbo nendlela esimiselwe ngayo isixa-mali esinokufumaneka kwakhona seyunithi engenisa imali.

Ilahleko yoqhwalelo iyaqtshelwa kwiyunithi engenisa imali ukuba isixa-mali esinokufumaneka kwakhona seyunithi singaphantsi kunesixa-mali esithweleyo seyunithi. Utshitshiso lwabelwe ukuthoba isixa-mali esithwelwego see-asethi ezingenisa imali kwiyunithi ngokulungeleneyo, ngokusekelwe kwsixa-mali esithwelwego se-asethi nganye kwiyunithi. Oku kuthotya kwizixa-mali ezithweleyo kuthathwa njengelahleko etshitshisiwego kwii-asethi ngazinye.

Kulwabiwo lwelahleko etshitshisiwego, indlu yowiso-mthetho ayilithobi ixabiso elithwelwego lale asethi ingezantsi ngaphezulu kakhulu:

- ziindleko eziphantsi kwexabiso elifanelekileyo ukuba ithengiswe (ukuba liyamiseleka);
- ixabiso layo kusetyenziso (ukuba liyamiseleka); kunye
- nonothi.

Isixa-mali selahleko etshitshisiwego ebésinokuthi ngenye indlela sabelwe i-asethi siye sabelwe ngokulungeleneyo nezinye ii-asethi ezingenisa imali zeyunithi.

Apho i-asethi engenzi ngeniso yamali inegalelo kwiyunithi eyenza imali, isahlulo sesixa-mali esithwelwego saloo asethi engenzi ngeniso yamali siye sabelwe isixa-mali esithwelwego seyunithi engenisa imali phambi koqikelelo lwasixa-mali esisenokufumaneka seyunithi engenisa imali.

Ubuyiselo umva lwelahleko yoqhwalelo

Indlu yowiso-mthetho ivavanya ekupheleni kwethuba ngalinye lokunkwa kwengxelo ukuba ingaba kukho ubungqina obukhoyo na obuthi ilahleko etshitshisiwego eqatshelwe kumaxesha adlulileyo e-asethi engenisa imali ekusenokuba ayisekho okanye seyancipa. Ukuba nawuphi na umqondiso onje ukho, eli ziko liqikelela isixa-mali esinokufunyanwa kwakhona salo asethi.

Ilahleko yoqhwalelo eqatshelwe kumaxesha adlulileyo kwi-asethi engenisa imali ibuyiselwa umva ukuba kukho utshintsho kuqikelelo olusetyenziselwe ukumisela izixa-mali ezifumanekayo kwakhona zee-asethi oko ilahleko yokugqibela yaye yaqatshelwa. Isixa-mali esithwelwego se-asethi siyanyuswa sibe sisixa-mali esinokufumaneka kwakhona. Unyuso kukubuyiselwa umva kwelahleko etshitshisiwego.Ukunyuswa kwsixa-mali esithwelwego se-asethi kunokubalelwu ekubuyiselweni umva kwelahleko etshitshisiwego singadlui kwixabiso elithwelwego ebelinokumiselwa (inethi yokwehla kwemali nezinga locutheko-tyala) engenalahleko itshitshisiwego neye yaqatshelwa ye-asethi kumaxesha adlulileyo.

Ubuyiselo umva lwelahleko yoqhalwelo ye-asethi engenisa imali iqatshelwa kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo.

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

A manqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

Emva kobuyiselo umva Iwelahleko yoqhawalelo luqatshelwe, intlawulo yokuthoba ixabiso (izinga locutheko-tyala) le-asethi engenisa imali iyahlenga-hlengiswa kumaxesha ezayo ukwaba isixa-mali esisithwalayo eshlaziyewo seasethi engenisa imali, nganeno kwexabiso elishiyeyleyo (ukuba likho), kwisiseko sendlela emisiwego phezu kobomi obushiyekileyo obuluncedo.

Ubuyiselo umva Iwelahleko yoqhawalelo yeyunithi engenisa imali yabelwe i-asethi engenisa imali yeyunithi yaze yalungelaniswa nezixa-mali ezithwelweyo zezo asethi. Oku kunyuka kwizixa-mali ezithwelweyo kuthathwa njengokubuyiselwa umva kwelahleko etshitsisiweyo yee-asethi nganye. Akukho nxalenyne yesixa-mali sokubuyiselwa umva esinjalo esabelwe inkonzo yegalelo le-asethi engenzi ngeniso yamali kunokwenzeka kwiyunithi engenisa imali.

Ekwabeleni ubuyiselo umva Iwelahleko yoqhawalelo yeyunithi engenisa imali, isixa-mali esithwelweyo se-asethi asinyuswa ngaphezu kwsisezantsi:

- isixa-mali saso esinokufunyanwa kwakhona (ukuba sinokumiselwa); kwaye
- isixa-mali esithwelweyo besiya kuba simiselwe (inethi yezinga locutheko-tyala okanye ukwehla kwixabiso) besingenalahleko itshitsisiweyo siyaqatshelwa kwi-asethi kumaxesha adlulileyo.

Isixamali sobuyiselo kwelahleko yoqhawalelo ebesinokuthi ngenye indlela sabelwe kwi-asethi siye sabelwe ngokulungeleneyo kwezinye ii-asethi zeyunithi.

1.11 Uqhaweliso Iwee-asethi ezingazisi imali

Ii-asethi ezingangenisi mali zii-asethi ngokungaphandle kwee-asethi ezingenisa imali.

1.11 Uqhaweliso Iwee-asethi ezingazisi imali (Iuyaqhuba)

Uchongo

Xa isixa-mali esithwele i-asethi evelisa imali sigqithisa kwisixa-mali esinokufunyanwa kwakhona, siqhawalelisiwe.

Indlu yowiso-mthetho kumhla ngamnye wengxelo ivavanya ukuba ngaba akukho mqondiso wokuba i-asethi engavelisi mali ingatshitsiswa. Ukuba umqondiso onjalo ukhona, indlu yowiso-mthetho iqikeleta isixa-mali esinokufunyanwa kwakhona se-asethi.

Akukhathaliseki nokuba kukho nawuphi na umqondiso wotshitshiso, iziko kwakhona lihlola i-asethi engabambekiyo engavelisi mali ngobomi obuluncedo obungaqingqwanga okanye i-asethi engabambekiyo engavelisi mali engekfumaneki ukuba isetyenziselwe utshitshiso ngonyaka ngokuthelekisa isixa-mali esithwalayo kunye nesixa-mali esinokufunyanwa. Olu hlolo lotshitshiso Iwensiwa ngexesha elinye qho ngonyaka. Ukuba i-asethi engabambekiyo iqatshelwe kwangoko ngexesha lokunika ingxelo lonyaka lowo, nokuba i-asethi engabambekiyo ibihlolive ngokumalunga notshitshiso phambi kokuphela kwethuba lokunika ingxelo yalo nyaka.

Ixabiso kusetyenziso

Ixabiso kusetyenziso Iwee-asethi engavelisi mali lixabiso langoku lemali yee-asethi ezingavelisi mali ezsasele zinako ukuzisa inzuso kwi-asethi kwixesha elizayo.

Ixabiso langoku lokuba ii-asethi ezsasele zinako ukuzisa inzuso kwi-asethi kwixesha elizayo lee-asethi ezingangenisi mali liyabonwa kusetyenziswa le ndlela ilandelayo:

Indlela yendleko yobuyiselo Iwexabiso elehlileyo

Ixabiso langoku lamandla enkonzo eshiyeyleyo e-asethi engenzi mali ibonwa njengendleko yokubuyiselwa kwakhona kokuthotywa kwexabiso le-asethi. Indleko yokubuyiselwa kwakhona kwe-asethi yindleko yamandla

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

enkonzo xa yiyonke ye-asethi. Le ndleko kuthotywa ixabiso layo ukubonisa i-asethi kwimeko yayo xa sele isetyenzisiwe. I-asethi inako ukubuyiselwa kwakhona ngokuvveliswa kwakhona (ngokuphinda yensiwe kwakhona) kwe-asethi ekhoyo okanye ngokubuyiselwa kwakhona amandla enkonzo yayo yexabiso eliphezulu. Ukubuyiselwa kwakhona kwexabiso le-asethi ethotywé ixabiso, nokuba yeyiphi na engezantsi kwenye, sele kuthatyathwe kuyo ixabiso elithotywé eloqokeleleneyo elibalwe ngokusekelwe kwindleko ololo hlobo, ukubonisa amandla enkonzo ye-asethi esele isetyenzisiwe okanye esele iphelelwe lixesha.

Indleko yokubuyiselwa kwakhona nokuveliswa kwakhona kwe-asethi iqatshelwa ngokusekelwe "kwelona xabiso liphezulu". Isizathu soku kukuba indlu yowiso-mthetho ibingenako ukubuyiselwa okanye ukuvelisa kwakhona i-asethi ngaleyo ifanayo ukuba i-asethi leyo eza kubuyiselwa okanye eza kuvelisa kwakhona yensiwe yakumgangatho okanye yanamandla agqithisileyo. Ii-asethi ezenziwe zakumgangatho ogqithisileyo zii-asethi ezinamandla kakhulu kunokuba kuyimfuneko ukuhlangabezana nemfuno yeempahla okanye iinkonzo ezinika yi-asethi. Ukuqatshelwa kwindleko yokubuyiselwa kwakhona amandla okanye ukuvelisa kwakhona kwe-asethi ngokomgangatho wexabiso eliphezulu ngaloo ndlala kubonisa amandla enkonzo afunekayo kwi-asethi.

Unakano nomlinganiselo

Ukuba isixa-mali esinokufumaneka kwakhona se-asethi engenzi ngeniso singaneno kwisixa-mali saso esisithwalayo, isixa-mali esithweleyo se-asethi sicuthelwa kwisixa-mali esingafumaneka kwakhona. Olu cutho luyilahleko etshitshisiwéyo.

Ilahleko yoqhwalelo inakanwa kwangoko kwindlu yowiso-mthetho tsalela okanye kwintsilelo.

Emva kokuqatshelwa kwelahleko etshitshisiwéyo, intlawulo yokuthoba ixabiso (izinga locutheko-tyala) le-asethi engenisa imali iyahlenga-hlengiswa kumaxesha ezayo ukwaba isixa-mali esisithwalayo esihlaziyiweyo se-asethi engenisa imali, kuthatyathwe ixabiso elishiyekileyo layo (ukuba likho), ngendlela enobuchule kubomi obushiyekileyo obuluncedo bayo.

**1.11 Uqhawaleiso lwee-asethi ezingazisi imali (Iuyaqhuba)
ubuyiselo umva kwelahleko yoqhwalelo**

Indlu yowiso-mthetho ivavanya ekupheleni kwethuba ngalinye lokunikwa kwengxelo ukuba ingaba kukho ubungqina obukhoyo bokuba ilahleko etshitshisiwéyo eqatshelwe kumaxesha adlulileyo ye-asethi engavelisi mali kusenokuthi akusekho okanye kucuthekile. Ukuba ubungqina obunjalo bukho, indlu yowiso-mthetho iqikelela isixa-mali esinako ukufumaneka kwakhona senkonzo yaloo asethi.

Ilahleko etshitshisiwéyo eqatshelwe kumaxesha adlulileyo e-asethi engavelisi mali ukuba kuye kwakho utshintsho kwiingqikelelo ezisetyenzisiwéyo ukumisela isixa-mali se-asethi enako ukufunyanwa kwakhona ukususela kwilahleko etshitshisiwéyo yokuggibela yaye yaqatshelwa. Isixa-mali esithwalayo sandisiwe ukuya kutsho kwisixa-mali esinokufumaneka kwakhona ukuya kutsho kwisixa-mali esinako ukufumaneka senkonzo. Ukwanda kukubuyiselwa kwakhona kwelahleko.

Indlu yowiso-mthetho kumhla ngamnye wengxelo iyahlola ukuba akukho mqondiso wokuba ilahleko etshitshisiwéyo iye yaqatshelwa kumaxesha adlulileyo e-asethi engenisa imali ekusenokuba ayisekho okanye icuthekile. Ukuba umqondiso onje ukho, indlu yowiso-mthetho iqikelela isixa-mali esinokufunyanwa kwakhona se-asethi.

Isixa-mali esithwelwéyo esinyukileyo se-asethi ethathwa njengokubuyiselwa kwakhona kwelahleko etshitshisiwéyo asigqithi kwisixa-mali esithwalayo ebésinokumisela (umlinganiselo omncinane wokuhla kwexabiso le-asethi okanye ucutho-tyala) ukuba bekungakhange kubekho lahleko iqatshelwayo kwi-asethi leyo kumaxesha adlulileyo.

Ukubuyiselwa kwakhona kwelahleko etshitshisiwéyo ye-asethi engenzi mali kuqatshelwa ngokukhawuleza

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

A manqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo.

Emva kokubuyiselwa kwakhona kwelahleko etshitsisiwego, ukuthotywa kwexabiso lentlawulo (ucutho-tyala) ye-asethi engenzi mali iyalungelelaniswa kumaxesha ezayo ukwenzela ukwabela i-asethi engenzi mali isixa-mali esihlaziwe ngokutsha, kuthatyathwe ixabiso elishiyeyleyo (ukuba likho) ngendlela enobuchule kubomi obushiyekileyo obuluncedo bayo.

1.12 linzudo zabaqeshwa

linzudo zabaqeshwa zexesha elifutshane

linzudo zabaqeshwa zexesha elifutshane zizinzudo zabaqeshwa (ezizezinye ngaphandle kwezibonelelo zokuyeka emsebenzini) ekufaneleke ukuba zibe ziayahlawulwa kwisithuba seenyanga ezilishumi elinambini emva kokuphela kwethuba apha abasebenzi benza inkonzo enxulumene nazo.

linzudo zabaqeshwa zexesha elifutshane ziquka izinto ezifana noku:

- iweyjisi, imivuzo namagalelo okhuseleko lwezentlalo;
- ukungabikho emsebenzini okunembuyekezo yethuba elifutshane (okufana nekhefu Ionyaka elihlawulwayo kanye nekhefu lokugula elihlawulelwayo) apha imbuyekezo yokungabikho emsebenzini ifaneleke ukuba ibe iyafezekiswa kwisithuba seenyanga ezilishumi elinambini emva kokuphela kwethuba lokunikwa kwengxelo apha abasebenzi benze inkonzo enxulumene neyabasebenzi;
- ibhonasi, uncazelu neentlawulo ezinxulumene nokusebenza ezihlawulwa kwisithuba seenyanga ezilishumi elinambini emva kokuphela kwsithuba sokunikwa kwengxelo apha abasebenzi benza inkonzo enxulumene noko; kanye
- neenzuz ezingezizo ezemali (umzekelo, inkathalelo yezonyango neempahla zasimhla okanye iinkonzo ezifana nobonelelo ngezindlu, iimoto neeselula) ukulungiselela abaqeshwa bangoku.

Xa umqeshwa ebonelela ngenkonzo kwindlu yowiso-mthetho ngethuba lokunka ingxelo, indlu yowiso-mthetho iqaphela isixa-mali esingenasaphulelo sezbonelelo zabasebenzi zethuba elifutshane ezilindeleku ukuba zihlawulwe kutshintshiselwano ngaloo nkondo:

- njengelahleko (inkcitho efunyenwego), emva kokutsala isixamali esezi sihlawulwe. Ukuba ngaba isixa-mali esezi sihlawulwe siyadlula kwisixa-mali esingenasaphulelo sezbonelelo, indlu yowiso-mthetho iqaphela oko kungaphezulu njenge-asethi (inkcitho ehlawulwe ngaphambili) ukuya kutsho kwinto yokuba intlawulo eyenziwe ngaphambili iya kukhokelela, umzekelo uncitshiso kwiintlawulo zexesha elizayo okanye imbuviselo yemali; kanye
- njengenkitho, ngaphandle kokuba omnye uMgangatho ufuno okanye uvumela uquko lweenzudo kwindleko ye-sethi.

lindleko ezilindelekileyo zembuyekezo yokungabikho emsebenzini zibonwa njengenkitho njengoko abasebenzi bebonelela ngeenkonzo ezithi zandise ibango labo okanye, kwimeko yokungabikho okungandiyo, xa ukungabikho emsebenzini kusenzeka. Indlu yowiso-mthetho izilinganisa iindleko ezilindelwego zembuyekezo yokungabikho emsebenzini okwandayo njengesixa-mali esangezelelwego ethi indlu yowiso-mthetho ilindele ukusihlawula ngenxa yebango elingasetyenziswanga elithe lakhula landa ngomhla wokunkwa kwengxelo. Indlu yowiso-mthetho iqaphela iindleko ezilindelwego zebhonasi, inkuthazo neentlawulo ezinxulumene nomsebenzi xa indlu yowiso-mthetho inesigunyaziso esikhoyo esisemthethweni nesakhayo ukwenza iintlawulo ezinjalo ngenxa yemisitho edulilileyo kanye noqikelelo oluthembekileyo lwasigunyaziso lunako ukwenziwa. Isigunyaziso sikho xa indlu yowiso-mthetho ingena nto iyene ibambekayo ngaphandle kokwenza iintlawulo.

linzudo zasemva kwengqesho

linzudo zasemva kwengqesho zizibonelelo zabasebenzi (ezingaphandle kwezibonelelo zokuqhawula imvumelwano yomsebenzini) ezithi zihlawulwe emva kokuqkunjelwa kwethuba lengqesho.

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

Izicwangciso zeenzuso sasemva kwengqesho ngamatungiselelo asesikweni nangekho sesikweni aphi indlu yowiso-mthetho inikezela ngezibonelelo zasemva kwengqesho ezilungiselelo umsebenzi omnye okanye abasebenzi abaninzi.

Izicwangciso zomqeshi ombaxa zizicwangciso zemirhumo ezichaziweyo (ngaphandle kwezicwangciso zikarhulumente neenkubo ezidibeneyo zokhuseleko lwentlalo) okanye izicwangciso zezibonelelo ezichaziweyo (ngaphandle kwezicwangciso zikarhulumente) ezithi zihlanganise ii-asethi ezihlawulelwwe ngamacandelo ahlukeneyo angekho phantsi kolawulo olunye zize zisebenzise ezo asethi ukunika izibonelelo kubasebenzi abakumaziko amaninzi, ngokusekelwe kuloo ntlawulo nakumanqanaba esibonelelo amiselwa kungakhathaliseki nokuba leliphi na iziko eliqeshe abo basebenzi bachaphazelekayo.

linzudo zasemva kwengqesho: Izicwangciso zeenzuso ezichaziweyo

Izicwangciso zeenzuso ezichaziweyo zizicwangciso zasemva kwengqesho ezingabandakanyi zicwangciso zemirhumo ezichaziweyo.

linzudo neelahleko zoqikelelo lomrhumo zibandakanya ulungelewaniso Iwamava (iziphumo zomahluko phakathi kweengcamango zoqikelelo lomrhumo zangaphambili nokuye kwenzeka ncakasana) kune neziphumo zeengugu kwiingqikelelo zomrhumo. Ukulinganisa ityala layo lesibonelelo esichaziweyo indlu yowiso-mthetho iqaphela inzudo nelahleko yengqikelelo yomrhumo kumnceno oshiyekileyo okanye kwintsilelo kwisithuba sokunkwa kwengxelo ethe yenzeka.

Indleko yenzala kukwanda kwithuba elikwixabiso langoku lesigunyaziso lesibonelelo esimiselweyo esivelayo kuba izibonelelo zikufutshane ngethuba elinye ekuhlawulweni ziggywe..

Indleko yenzala lulonyuko ngexesha kwixabiso langoku lesigunyaziso senzudo echaziweyo evela ngenxa yeenzuso zilixesha elinye ukufikelela kwintlawulo.

Iindleko zenkonzo edlulileyo yinguqu kwixabiso langoku lesigunyaziso sesibonelelo esimiselweyo esilungiselelo inkonzo yabasebenzi omsebenzi kumaxesh adulileyo, athi akhokelele kwithuba langoku ekuqalisweni, okanye kwiinguqu, kwizibonelelo zasemva kwexesha lengqesho okanye ezinye izibonelelo zexesha elide lomsebenzi. Iindleko zenkonzo edlulileyo zinokuba zezincomekayo (xa izibonelelo zichazwa okanye ziguqulwa ukwenzela ukuba ixabiso langoku lesigunyaziso sesibonelelo esimiselweyo sande) okanye zibe zeingancomekiyo (xa izibonelelo ezikhoyo ziguqulwa ukulungiselela ukuba ixabiso langoku lesigunyaziso sesibonelelo libe liyehla). Ekulinganiseni ityala layo lesibonelelo esichaziweyo iziko lamkele iindleko zenkonzo edlulileyo njengenkitho kweli thuba kunikwa ingxelo ngalo aphi isicwangciso siye silungiswe.

Li-asethi zesicwangciso zibandakanya ii-asethi ezigcinwe yingxowa-mali yezibonelelo zabasebenzi zexesha elide kune nemigaqo-nkqubo ye-inshorensi efanelekileyo.

Ixabiso langoku lesigunyaziso sesibonelelo esimiselweyo lixabiso langoku, kungathyathwanga naziphi na ii-asethi zesicwangciso, zeentlawulo zexesha elizayo ezilindelekileyo ezifunekayo ukuhlawula isigunyaziso esivela kwinkonzo yabasebenzi kumaxesha angoku nakulawo adulileyo.

Imbuyekezo kwii-asethi zesicwangciso yinzala, izahlulo okanye ulwabiwo oluyeeleneyo kune nenyen ingeniso evela kwicwangciso see-asethi, kune nenzuso okanye ilahleko efezekisiweyo nengafezekiswanga kwii-asethi zesicwangciso, kuthatyathwe naziphi na iindleko zokulawula isicwangciso (ngaphandle kwezo zibandakanywe kwiingqikelelo zoqokelelo lomrhumo ezisetyenzisiweyo ukulinganisa isigunyaziso sesibonelelo esimiselweyo) ukuze kuthatyathwe nayiphi na irhafu ehlawulweyo ngokwesicwangciso ngokwaso.

Isixa-mali esamkelweyo njengetyala lesibonelelo esimiselweyo sisambuku sentsalela sezi zixa-mali zilandelayo:

- ixabiso langoku lesigunyaziso sesibonelelo esichaziweyo ngomhla wokunkwa kwengxelo;
- kuthatyathwe ixabiso elilungleleyo kwii-asethi zesicwangciso somhla wokunkwa kwengxelo (ukuba

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

zikho) nalapho kuvela khona izigunyaziso emazihlawulwe ngqo;

- kunye nayiphi na ilahleko enokuvuka ngenxa yobuncinane bemfuno yenkasomali.

Isixa-mali esimiselweyo njengetyla lesibonelelo elimiselweyo singaba sesingancomekiyo (i-asethi). Indlu yowiso-mthetho ilinganisa i-asethi esisiphumo kwinqanaba elingeantsi:

- isixamali esimiselwe ngentla apha; kunye
- nexabiso langoku lazo naziphi na izibonelelo zezoqoqosho ezifumanekayo kwimo yeentlawulo eziyimbuyiselo evela kwisicwangciso okanye kuncitshiso kwiintlawulo zexesha elizayo kwisicwangciso. Ixabiso langoku lezi zibonelelo zoqoqosho limiselwa kusetyenziswa umlinganiselo owaphulelwego oye ubonise ixabiso lemali ngokuhamba kwexesha.

Naluphi na uhlenga-hlengiso oluvela kulo mlinganiselo ongasentla luqatshelwa kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo.

Indlu yowiso-mthetho imisela ixabiso langoku lezigunyaziso zezibonelelo ezimiselweyo kunye nexabiso elilungileyo lazo nazo naziphi na ii-asethi zezicwangciso ezhamba kunye nomthetho owaneleyo ukulungiselela ukuba izixa-mali eziqatshelweyo kwiingxelo zonyaka zemali azahlukanga kwizixa-mali eziya kumiselwa xa kunikwa ingxelo.

Indlu yowiso-mthetho iqaphela intsilelo xa iyonke yezi zixa-mali zilandelayo kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilela, ngaphandle kokuba omnye uMgangatho ufuno okanye uvumela ukubandakanywa kwazo kwindleko ye-asethi:

- indleko yenkonzo yangoku;
- indleko yenzala;
- imbuyiselo elindelekileyo kwii-asethi zezicwangciso nakuwo nawaphi na amanye amalungelo embuyiselo-mali;
- iinzuso neelahleko kuthelekelelo lomrhumo;
- indleko yenkonzo edlulileyo;
- isiphumo sazo naziphi na izithintelo okanye iintlawulo; kunye
- ifuthe lokusebenzisa umnyino kwi-asethi yenzuso echaziwego (lahleko yenzuso echazwe njengemb).

Indlu yowiso-mthetho isebeenzisa iNdlela yeTyala leYunithi eliQikelelwego ukumisela ixabiso langoku lezigunyaziso zayo zesibonelelo esichaziwego kunye nendleko yangoku yenkonzo kunye, aphi kuyimfuneko, nendleko yenkonzo edlulileyo. INdlela yeTyala leYunithi eliQikelelwego (ngamany amaxesha eyaziwa njengendlela yesibonelelo esongezelelwego esilinganiswe ngaphambili kwinkonzo okanye njengesibonelelo/indlela yokuqaphela iminyaka yenkonzo enikiwego) ilibona ithuba ngalinye lenkonzo njengelo livelisa iyunithi eyongezelelwego yelungelo lesibonelelo kunye nemiqathango ethi iyunithi nganye ngokuzimeleyo yakhe isigunyaziso sokugqibela.

Ekumiseleni ixabiso langoku lezigunyaziso zezibonelelo zalo ezimiselweyo kunye nendleko yenkonzo yangoku enxulumeneyo kunye, aphi kufanelekileyo, nendleko yenkonzo edlulileyo, indlu yowiso-mthetho iya kuzibalela izibonelelo kumathuba enkonzo phantsi kwefomyula yesicwangciso sezibonelelo. Nangona kunjalo, ukuba ngaba inkonzo yomsebenzi kwiminyaka yamva iya kukhokelela kwinqanaba eliphezulu lezbonelelo ngaphezulu kweminyaka yangaphambili, indlu yowiso-mthetho iya kusibalela isibonelelo kumgca othe ngqo ukususela:

- kumhla inkonzo yomsebenzi iqlala ukukhokelela kwizibonelelo phantsi kwsicwangciso (nokokuba izibonelelo zinomqathango okanye azinawo kwinkonzo engaphezulu); de
- kwangomhla xa enye inkonzo yomqeshwa ingazi kukhokelela kwiixamali esiphathekayo sezinye iinzuso phantsi kwsicwangciso, ngaphandle kolonyuso lwemivuzo.

Iziphumo zoqikelelo lovavanyo lwexabiso lomrhumo luqhutywa rhoqo ngonyaka ngamagcisa azimeleyo oqikelelo lomrhumo ukulungiselela isicwangciso ngasinye. Iziphumo zoqikelelo lwexabiso ziyahlaziwa ukulungiselela nayiphi na intengiselwano ebalulekileyo kunye nezinye iinguqu ezibalulekileyo kwiimeko

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

(kubandakanya neenguqu kumaxabiso emarike kunye nemilinganiselo yenzala) ukuza kuthi ga kumhla wokunikwa kwengxelo.

Indlu yowiso-mthetho inakana iinzudo neelahleko kwizithintelo okanye kwintlawulo yesicwangciso sezbonelelo esimiselweyo isithintelo okanye intlawulo isenzeka. Inzudo okanye ilahleko kwisithintelo okanye kwintlawulo iqulathe:

- nayiphi na inguqu kwixabiso langoku lesigunyaziso senzudo esichaziwego; kunye
- nayiphi na inguqu evelayo kwixabiso elilungileyo lee-asethi zesicwangciso.

Phambi kokumisela kwesithintelo okanye yentlawulo, indlu yowiso-mthetho ilinganisa kwakhona isigunyaziso (kunye nee-asethi zesicwangciso ezinxulumene naso, ukuba sikho) isebevisa iingqikelelo zangoku zoqikelelo lomrhumo (kubandakanya imilinganiselo yangoku yenzala yentengo namanye amaxabiso akhoyo entengo).

Xa iphantse iquiniseke ukuba elinye iqela liya kuyihlawula inxalenyne okanye yonke inkcitho efunekayo ukuhlawula ngokupheleleyo isigunyaziso sezbonelelo esimiselweyo, ilungelo kwintlawulo eyimbuiyelo iqatshelwa njenge-asethi ezimeleyo. I-asethi ilinganisela kwixabiso elilungileyo. Kuzo zonke ezinye iindlela, i-asethi ithatyathwa ngendlela enye njengee-asethi zesicwangciso. Kumncono oshiyekileyo okanye intsilelo, inkcitho kwisicwangciso sezbonelelo ezimiselweyo inikezelwe njengentsalela yesixa-mali esiqatshelweyo ukulungiselela imbuyisel.

Indlu yowiso-mthetho ilinganisa i-asethi enxulumeneyo kwisicwangciso esinye netyla elinxulumeneyo nesinye isicwangciso xa indlu yowiso-mthetho inelungelo elisemthethweni lokunyanzelisa ukusetyenziswa kwendlu yowiso-mthetho kwisicwangciso esinye ukuhlawula izigunyaziso eziphantsi kwesinye isicwangciso yaye igxile nokuba kusekuhlawuleni izigunyaziso ngentsalela, okanye ukufezekisa umncono kwesinye isicwangciso ukuhlawula isigunyaziso sayo esiphantsi kwesinye isicwangciso ngexesha elinye.

lingcamango zomrhumo

lingcamango zomrhumo azinamkhetha yaye ziyahambelana kakuhle.

lingcamango zemali zisekelwe kokulindelweyo kwimarike, ngomhla wokunikwa kwengxelo, ukulungiselela isithuba aphi izigunyaziso kufuneka zihlawulwe.

Umlinganiselo osetyenzisiweyo ukwaphulela izigunyaziso zezbonelelo zasemva kwengqesho (ezixhaswa ngemali nezingaxhaswa ngamali) ubonisa ukuba ixabiso lemali ngokuhamba kwexesha. Imali esetyenziswayo kunye nexesha lesixhobo semali esikhethiwego ukubonisa ixabiso lemali ngokuhamba kwexesha lokuba liyahambelana nemali yelizwe kunye nexesha eliqikelelwego lezigunyaziso zezbonelelo zasemva kwengqesho.

Izigunyaziso zeenzudo zasemva kwengqesho zilinganisawa ngesiseko esibonakalisa oku:

- uqikelelo lokunyuka komvuzo kwexa elizayo;
- iinzudo ezibekwe ngokwemigaqo yesicwangciso (okanye ezisiphumo sesigunyaziso esakhayo esiqaphela ngaphaya kwalo migaoqo) ngomhla wokuniqa ingxelo; kunye
- neenguqu zexesha elizayo eziqikelelwego kwinqanaba lazo naziphi na iinzudo zombuso ezichaphazela iinzudo ezihlawuleka phantsi kwesicwangciso senzudo, ukuba, kwaye kuphela xa ukuba, mhlawumbi:
- ezo nguqu bezeniwe umthetho phambi komhla wokunikwa kwengxelo; okanye
- imbali edlulileyo, okanye obunye ubungqina obuthembekileyo, ibonakalisa ukuba ezo nzudo zombuso ziza kuguquka ngendlela ethile ecingelekayo, umzekelo, ngokuhambelana neenguqu kumanqanaba amaxabiso ngokubanzi okanye kumanqanaba omvuzo ngokubanzi.

lingcamango malunga neendleko zonyango zithabathela ingqalelo iinguqu eziqikelelwego zexesha elizayo kwiindleko zeenkonzo zonyango, okusisiphumo sokuhla kwexabiso lemali kunye neenguqu ezithile

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

kwiindleko zonyango.

Ezinye iinzuzo zabaqeshwa zexesha elide

Indlu yowiso-mthetho inesigunyaziso sokunikezela ngezibonelelo zemali zenkonzo yexesha elide kubo bonke abaqeshwa bayo.

Ilahleko yendlu yowiso-mthetho The lisekwe kuqikelelo Iwexabiso lomrhumo. INdlela yeTyala leYuniti eliQikelelwego isetyenziswa ukunika ixabiso kumatalya. Iinzuzo neelahleko zoqikelelo lomrhumo kumabhaso enkonzo yexesha elide zibonakaliswa kwingxelo zokusebenza kwemali. Isixa-mali esiqatshelwe njengetyla ukulungiselela izibonelelo eizezinye zabasebenzi zexesha elide yintsalela yemali iyonke yezi zixa-mali zilandelayo:

- ixabiso langoku lesigunyaziso sesibonelelo esimiselwego kumhla wokunikwa kwengxelo;
- kuthatyathwe ixabiso elihle ngomhla wokunika ingxelo kwee-asethi zeziwangciso (ukuba zikho) kwezo izigunyaziso kuya kufuneka zihlawulwe ngqo.

Indlu yowiso-mthetho ibonakalisa isambuku sentsalela yezi zixa-mali zilandelayo njengenkitho okanye ingeniso, ngaphandle kokuba omnye uMgangatho ufuna okanye uvumela ukubandakanya kwazo kwindleko ye-asethi:

- indleko yenkonzo yangoku;
- indleko yenzala;
- imbuiseloi elindelekileyo nakuziphi na ii-asethi zeziwangciso nakulo naliphi na ilungelo lentlawulo eliqatshelwe njenge-asethi;
- iinzuzo neelahleko zoqikelelo lomrhumo, eya kuqatshelwa yonke ngoko nangoko;
- indleko yenkonzo edlulileyo, eya kuqatshelwa yonke ngoko nangoko; kunye
- nefuthe layo nayiphi na imiqathango okanye iintlawulo.

Iinzuzo zokuyeka umsebenzi

Indlu yowiso-mthetho iqaphela izibonelelo zokurhoxa emsebenzini njengetyla nenkcitho xa indlu yowiso-mthetho ibonakala izibophelele mhlawumbi:

- kukurhoxisa ingqesho yomsebenzi okanye iqela labasebenzi phambi komhla wesiqhelo wokuthatha umhlala-phantsi emsebenzini; okanye
- kukunikezela ngezibonelelo zokurhoxa emsebenzini ngenxa yesibonelelo esenziweyo ukukhuthaza ukungafuneki emsebenzini kokuzithandela.

Indlu yowiso-mthetho ibonakalisa ukuzibophelela ekurhoxeni emsebenzini xa indlu yowiso-mthetho inesicwangciso esineenkukacha esisesikweni ukulungiselela ukurhoxa emsebenzini yaye akukho themba lakurhoxisa isiggibo. Isicwangciso esineenkukacha sibandakanya [njengomlinganiselo osezantsi]:

- indawo, umsebenzi, nenani elithelekelelwego labasebenzi abankondo zabo kufuneka zirhoxiswe;
- iinzuzo zokuyeka ezilungiselewa uhlelo Iwesithuba okanye umsebenzi; kunye
- nexesha ekupa kumiliselwa ngalo isicwangciso.

Uqaliso luqala ngoko nangoko yaye ixesha lesithuba lokuqukumbela ukuphumeza kwenzeka ngendlela apha ekungasayi kubakho nathemba leenguqu kwisicwangciso.

Apho iinzuzo zokuyeka emsebenzini bezilindelele ukuba zihlawulwe kwisithuba seenyanga ezili-12 emva komhla wokunikwa kwengxelo, ziayafumaneka kusetyenziswa umlinganiselo ofumanekayo ofanelekileyo. Umlinganiselo osetyenziswayo ukwaphulela izibonelelo ubonisa ixabiso lexesha lemali.

Kwimeko apho isithembiso senziweyo ukukhuthaza ukungafuneki ngokuzithandelayo, umlinganiselo wezibonelelo zokurhoxa emsebenzini uya kusekwa kwinani labasebenzi ekulindeleke ukuba bamkele isithembiso.

1.13 Izibonelelo nokunokwenzeka

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

Izibonelelo zinakanwa xa:

- indlu yowiso-mthetho inesigunyaziso sangoku ngenxa yesehlo esidlulileyo;
- kuqikelelo into yokokuba ukuphuma kwezbonelelo okuqulathe izibonelelo zoqoqosho okanye ikhono lenkonzo liya kufuneka ukuhlawula isigunyaziso; yaye
- uqikelelo oluthembekileyo lunokwenziwa kwisigunyaziso.

Isixa-mali solungiselelo luqikelelo olulungileyo lwenkcitho elindeleke ukuba ifuneka ukulungiselela ukuhlawula isigunyaziso esikhoyo ngomhla wokunikwa kwengxelo.

Apho isiphumo sexabiso lemali sifumaneka, isixa-mali solungiselelo lixabiso langoku lenkcitho elindeleke ukuba ifuneke ukuhlawula isigunyaziso.

Umlinganiselo wesaphulelo ngumlinganiselo waphambi kwerhafu othi ubonise iimvavanyo zemarike zangoku zexabiso lemali ngokuhamba kwexesha nemincipheko ethe ngqo kwilahleko.

1.13 Izibonelelo nokunokwenzeka (kuyaqhutywa)

Apho inxalenye okanye yonke inkcitho efunekayo ukuhlawula ulungelewaniso ilindeleke ukuba ihlawulwe lelinye iqela, intlawulo eyimbuyiselo iyaqwelaselwa ukuba, kuphela xa, kuqinisekisiwe ngento yokuba intlawulo iya kufumaneka ukuba indlu yowiso-mthetho ithe yahlawula isigunyaziso. Intlawulo eyimbuyiselo ithatyathwa njenge-asethi ezimeleyo. Isixa-mali esiqwalaselweyo sentlawulo asigqithi kwisixa-mali solungiselelo.

Izibonelelo ziqwelaselwa kwakhona ngomhla ngamnye wokunikwa kwengxelo ze walungelelanisa ukuze kuboniswe uqikelelo olulungileyo. Ulungiselelo lubuyiselwa umva ukuba akukho themba lokuba ukuphuma kwezbonelelo kuqulathe izibonelelo zoqoqosho okanye ikhono lenkonzo liya kufuneka, ukuhlawula isigunyaziso.

Apho ulwaphulelo lusetyenzisiweyo, isixa-mali esithwelweyo solungiselelo siyanda kwisithuba ngasinye ukubonisa ukuhamba kwexesha. Oku kwanda kubonakaliswa njengenkitho yenzala.

Isibonelelo sisetyenziswa kuphela kwiinkcitho apho ulungiselelo belwamkelwe khona ngaphambili.

Izibonelelo azinakanwa kwinkcithomali esebezayeo yexa elizayo.

Ukuba ngaba indlu yowiso-mthetho inesivumelwano esinzima, isigunyaziso sangoku (intsalela yokufunyenweyo) esiphantsi kwasivumelwano sibonwa yaye silinganiswa njengolgungiselelo.

Isigunyaziso esakhayo sokwakha sivila kuphela xa indlu yowiso-mthetho:

- Inesicwangciso esisesikweni esineenkcukacha esilungiselelw ukwakha kwakhona, kuqatshelwa ubuncinane:
 - lyunthi yomsebenzi/esebenzayo okanye inxalenye yomsebenzi/yeyunithi yokusebenza echaphazelekayo;
 - lindawo ezyintloko ezichaphazelekayo;
 - indawo, umesebenzi, nenani elithelekelewyo labasebenzi abaya kubuyekezw ngeenkonzo eziye zarhoxiswa;
 - iinkcithomali eziza kuqhutywa; kunye
 - naxa esi sicwangciso siza kuqualiswa; kwaye
- kuphakanyiswe umoya wokulindela ngethemba kwabo bachaphazelekayo okokuba iya kuqhuba ukulungisa ngokutsha ngokuqalisa ukuphumeza eso sicwangciso okanye ukupapasha iimpawu zalo ezingundoqo kwabachaphazeleka zizo.

Isibonenelelo sokuhlengahlengisa siquka kuphela iinkcitho ezithe ngqo ezivila kuhlengahlengiso ngokutsha, ezizezo ezithi:

- zifikwe iinkcukacha ngokwemfuneko luhlengahlengiso; kwaye
- zinganxulunyaniswanga nemisebenzi eqhubekayo yendlu yowiso-mthetho

I-asethi yezinto ezinokuthi zenzeke yi-asethi engakho ethi ivele kwizehlo ezidlulileyo nobukho bazo buya

A manqaku kwINgxelo yemali yoNyaka**2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)**

kuqinisekisa kuperha sisenso okanye kukungenzeki kwesehlo esinye okanye ezininzi zexesha elizayo ekungekho mntu unangqiniseko ngalo ezingekho kulawulo ngokupheleleyo Iwendlu yowiso-mthetho.

Ilahleko yokunokwenzeka yile:

- isigunyaziso esingakhona esithi sivele kwizehlo zexesha elidlulileyo yaye ubukho bazo buya kuqinisekisa kuperha zisenzo okanye ekungenzekini kwesehlo esinye okanye ezininzi zezehlo ekungekho bani unengqiniseko ngazo zexesha elizayo esingekho kulawulo ngokupheleleyo Iwendlu yowiso-mthetho; okanye
- isigunyaziso sangoku esiqandusela kwizehlo sexa elidlulileyo kodwa asinakanwa kuba;
- akukho themba lokuba ingenzeka into yokuba ukuphuma kwezibonelelo eziqulathe izibonelelo zoqoqosho okanye ikhono lenkonzo eza kufuneka ukuhlawula isigunyaziso;
- isixamali sesigunyaziso asinakulanganisa nentmbeko epheleleyo.

1.14 Ingeniso ephuma kwiintengiselwano zotshintshiselwano

Intengiselwano yotshintshiselwano yene apho indlu yowiso-mthetho ifumana ii-asethi okanye iinkonzo, okanye inamatyala acinyiwego, ze inikezele ngqo malunga nexabiso elilinganayo(ncakasana ngokohlobo lweempahla, iinkonzo okanye ukusetyenziswa kwee-asethi) kwelinje iqela ngotshintshiselwano.

1.14 Ingeniso ephuma kwiintengiselwano zotshintshiselwano (iyaqhuba)**Umlinganiselo**

Ingeniso ilinganisa kwixabiso elilungileyo lengcamango eyamkelwego okanye eyamkelekayo, intsalela yezaphulelo zorhwebo kune nembuyekezo ngokuyinxaleny zomthamo.

Ingeniso yeempahla

Ingeniso evela kwintengiso yeempahla iqatshelwa xa yonke imiqathango elandelayo iye yazalisekisa:

- indlu yowiso-mthetho ikhuphele kumthengi imingcipheko ebonakalayo namabhaso obunini beempahla;
- indlu yowiso-mthetho ayigcinanga iqhuba nobandkanyeko Iwabaphathi kwinqanaba ekuqheleke ukuba linxulunyaniswe nobunini okanye ulawulo olusebenzayo kwiimpahla ezithengisiwego;
- isixa-mali sengeniso sinokulinganisa ngokuthembekileyo;
- kucingeleta ukuba iinzoo okanye ikhono lenkonzo elinxulunyanisiwa nentengiselwano liya kuqukuqeleta kwindlu yowiso-mthetho; kwaye
- iindleko ezenziwego okanye eziza kwenzeka ngokubhekiselele kwintengiselwano zinako ukulinganisa ngokuthembekileyo.

Unikezelo Iweenkonzo

Xa isiphumo sentengiselwano sibandakanya ukunikezelwa kweenkonzo sinako ukuqikelelwa ngokuthembekileyo, ingeniso enxulunyanisa nentengiselwano iqatshelwa ngesalathisi ukuya kwinqanaba lokuqukunjelwa kwentengiselwano kumhla wokunikwa kwengxelo. Isiphumo sentengiselwano sinako ukuqikelelwa ngokuthembekileyo xa yonke le miqathango ilandelayo yanezisiwe:

- isixamali sengeniso singalinganisa ngentembeko;
- kucingeleta ukuba iinzoo zezoqoqosho okanye ikhono lenkonzo elinxulunyanisa nentengiselwano liya kuqukuqeleta kwindlu yowiso-mthetho; kwaye;
- nenqaba logqityezelo Iwentengiselwano ngomhla wokunika ingxelo lingalinganisa ngentembeko; kwaye
- iindleko ezifunyenwego zentengiselwano neendleko zokuggibeza intengiselwano zingalinganisa ngentembeko.

Xa isiphumo sentengiselwano sibandakanya ukunikezelwa kweenkonzo singenako ukuqikelelwa

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

ngokuthembekileyo, ingeniso iqatshelwa kuperhela kubungakanani beenkcitho eziqatshelwego eziye zifumanike.

Ingeniso yenkonzo iqatshelwa ngokubhekiselela kwinqanaba lokuqunkunselwa kwentengiselwano kumhla wokunikwa kwengxelo. Inqanaba lokugqitywa limiselwa ngeesaveyi zomsebenzi owenziwego.

Inzala, imali ehlawulelwa ubunini nezahlulo

Ingeniso evela kusetyenziso ngabanye becandelo lee-asethi elivelisa inzala, imali ehlawulelwa ubunini nezahlulo okanye unikezelo oluyeeleneyo iqatshelwa xa:

- Kucingelaka ukuba iinuzo zezoqoqosho okanye ikhono lenkonzo elinxulunyaniswa nentengiselwano liya kuqukuqelela kwindlu yowiso-mthetho; kwaye
- Isixamali sengeniso singalinganiswa ngentembeko.

Inzala inakanwa, kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo, kusetyenziswa indlela yomlinganiselo wenzala esebebenzayo.

1.15 Ingeniso ephuma kwiintengiselwano ezingezizo ezotshintshiselwano

Ingeniso iqulunqwe ngokungena kwesambuku sezibonelelo zoqoqosho okanye ikhono lenkonzo eyamkelwego nefunyenwe yindlu yowiso-mthetho, emela ukwanda kwee-asethi zentsilelo, ngaphandle kokwanda okunxulumene neminikelo evela kubanini.

Imiqathango kwii-asethi ezikhutshelwego yimiqqaliselo ecacisa ukuba izibonelelo zoqoqosho zexesha elizayo okanye ikhono lenkonzo eliqlathwe kwi-asethi kufuneka zisetyenziswe ngumamkeli njengoko kuchaziwe okanye izibonelelo zoqoqosho zexesha elizayo okanye ikhono lenkonzo kufuneka libuyiselwe kumkhupheli.

Iintengiselwano ekungatshintshiselwani ngazo ziintengiselwano ezingatshintshiselaniyo. Kwintengiselwano engatshintshiselaniyo, indlu yowiso-mthetho inokufumana ixabiso kwenye indlu yowiso-mthetho ingakhange inikezelo ngqo malunga nexabiso elilinganayo kutshintshiselwano, okanye inike ixabiso kwenye indlu yowiso-mthetho ibe ingakhange yamkele ngqo malunga nexabiso elilinganayo kutshintshiselwano.

Iminyino kwii-asethi ezikhutshelwego zinkcazelo ezithi zinyine okanye zikhokhele injongo yokukhutshelwa kwe-asethi enokusetyenzisewa kona, kodwa ingazichazi izibonelelo zoqoqosho zexesha elizayo okanye ikhono lenkonzo elidingekayo okokuba libuyiselwe kumkhupheli ukuba ngaba alimiselwa njengoko kuchaziwe.

Imiqathango kwii-asethi ezikhutshelwego yimiqathango ekwimithetho okanye kummiselo, okanye amalungiselelo abopheelayo, anyaneliswe kusetyenziso lwe-asethi ekhutshelwego ngamaziko angaphandle kwindlu yowiso-mthetho enika ingxelo.

Isehlo esirhafelwayo sisehlo athi urhulumente, indlu yowiso-mthetho okanye abanye oogunyaziwe bamisele okokuba siya kuxhomekeka kukurhafelwa.

Iirhafu zizibonelelo zoqoqosho okanye ikhono lenkonzo elihlawulwa ngokunyanzelekileyo okanye ezihlawulwa kumaziko, ngokuhambelana nemithetho okanye imigaqo, emiselwe ukubonelela ngengeniso kurhulumente. Iirhafu azibandakanyi zohlwayo okanye ezinye izohlwayo ezinyaneliswayo ngokwaphulwa komthetho.

Ukhutshelo ziimali ezingenayo zezibonelelo zoqoqosho zexesha elizayo okanye ikhono lenkonzo ezivela kwiintengiselwano ezingelotshintshiselwano, ngokungaphandle kweerhafu.

Unakano

Ukungena ngaphakathi kwezibonelelo ezivela kwintengiselwano engelotshintshiselwano eqatshelwa njenge-asethi iqatshelwa njengengeniso, ngaphandle kokuba ityala liyaqatshelwa ngokunjalo ngokubhekiselele

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

ekungeneni ngaphakathi okunye.

Njengoko indlu yowiso-mthetho ifezekisa isigunyaziso sangoku esiqatshelwe njengetyla ngokubhekiselele ekungeneni ngaphakathi kwezibonelelo ezsuka kwintengiselwano engelotshintshiselwano eqatshelwe njenge-asethi, ithi inciphise isixa-mali esithwelweyo setyala esiboniweyo yaye siqatshelwa njengesixa-mali sengeniso esilingana nolo ncitshiso.

Ingeniso efunyenwe kwiminikelo ephuma phantsi kwemiqathango ethile, izipho nenkxaso-mali iqatshelwa njengengeniso kwimeko apho iziko lihambelana nazo naziphi na iikhrayitheriya, imiqathango, okanye izigunyaziso eziqulathwe kwimvumelwano. Ngokokude kwenzeke ukuba iikhrayitheriya, imiqathango okanye izigunyaziso azikahlangatyezwa ilahleko iyanakanwa.

Umlinganiselo

Ingeniso evela kwintengiselwano engelotshintshiselwano ilinganisa kwisixa-mali sokwanda kwintsalela yee-asethi efunyenweyo yindlu yowiso-mthetho.

Xa, ngenxa yentengiselwano engelotshintshiselwano, indlu yowiso-mthetho iqatshelwa njenge-asethi, ithi ngokunjalo iyiqaphele ingeniso eqikelelweyo kwisixa-mali se-asethi elinganisiwego kwixabiso elilungileyo layo ngomhla wokufunyanwa, ngaphandle kokuba iyafuneka ukuba yamkele ityala. Aphi ityala kufuneka liqatshelwe liya kulinganiswa njengoqikelelo olulungileyo Iwesixa-mali esifunekayo ukuhlawula isigunyaziso ngomhla wokunikwa kwengxelo, yaye isixa-mali sokwanda kwii-asethi eziyintsalela, ukuba zikho, saqatshelwa njengengeniso. Xa ityala liye lancitshiswa kamva, kuba isehlo esitsalela irhafu senzekile okanye umqathango wanezisiwe, isixa-mali sokunciphisa kwityala siqatshelwa njengengeniso.

Izimali ezabiweyo

Izimali ezabiweyo zibandakanya izabelo zonyaka zendlu yowiso-mthetho ngokunjalo nemirhumo ethe ngqo ejolise kwingxowa-mali yengeniso (ukutsho oko, ulwabiwo-mali olusethemthweni).

Izimali ezabiweyo ziqatshelwa kwingxelo yokusebenza kwemali ngomhla oluthe ulwabiwo-mali lwasebenza. Uh lengahlengiso olwenziweyo ngokwemiqathango yolungelelwaniso lwenkqubo yohlahlo lwabiwo-mali luqatshelwa kwingxelo yokusebenza kwemali ngomhla ulungelelwaniso luye lwasebenza ngawo.

Isixa-mali esiyintsalela sazo naziphi na iingxowa-mali ezabiweyo kwingxowa-mali/okanye ezivela kwingxowa-mali yengeniso efanelekileyo ngomhla wokunikwa kwengxelo sibonwa njengentlawulo/njengeyamkelweyo kwingxelo yobume bemali.

Izipho namalizo, kuquka iimpahla zesisa

Izipho namaliso, kuquka iimpahla zesisa, zinakanwa njengempahla nengeniso xa kusenokwenza ukuba izibonelelo zoqoqosho zexa elizayo okanye ikhono lenkonzo eliya kuqukuqeleta kwindlu yowiso-mthetho yaye ixabiso elilungileyo leeasethi linakho ukulinganiswa ngokuthembekileyo.

linkonzo zesisa

linkonzo zesisa ziyanakanwa.

Indlu yowiso-mthetho inakana iinkonzo zesisa okokuba zibalulekile kwindela yokusebenza kwazo kunye/okanye iinjongo zokwenziwa kwenkonzo njengee-asethi yaye kuqatshelwa ingeniso enxulumeneyo xa kubonakala ukuba izibonelelo zoqoqosho Iwexesha elizayo okanye ikhono lenkonzo liya kuqukuqeleta kwindlu yowiso-mthetho yaye ixabiso elilungileyo lee-asethi linako ukulinganisa ngokuthembekileyo.

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

Apho iinkonzo zesisa zingabalulekanga kwimisebenzi yendlu yowiso-mthetho kune/okanye kwiinjongo zokwenziwa kweenkonzo kune/okanye azizanelisi iikhrayitheriya ezilungiselelwe ulwamkelo, indlu yowiso-mthetho ibhengeza ubunjani kune nohlobo lweenkonzo ezamkelweyo ezingahlawulelwanga ngethuba lokunika kwengxelo.

Imali-mboleko yemvumelwano efunyenwego

Imali-mboleko yemvumelwano yimali yemboleko enikwa okanye efunyanwa yindlu yowiso-mthetho ngokwemigaqo enganxulumenanga nentengo.

Isahlulo semali mboleko ethi ihlawulwe, nazo naziphi na iintlawulo zenzala, yintengiselwano yotshintshiselwano yaye kunikwe ingxelo ngayo ngokuhambelana noMgangatho weGRAP kwiZixhobo zeMali. Isahlulo semali-mboleko esingahambelani nemarike yentengiselwano engelotshintshiselwano. Isahlulo esingahambelaniyo nemarike semali-mboleko esithe samkelwa njengengeniso engelotshintshiselwano sengeniso esibalwa njengomahluko phakathi kwengeniso efunyenwego evela kwimali-mboleko, kune nexabiso elikhoyo lokungena nokuphuma kwemali yemvumelwano yemali-mboleko, eyaphuliwego kusetyenziswa umlinganiso wenzala onxulumene nentengo.

Unakano lwengeniso lumiselwa luhlobo lwayo nayiphi na imiqathango ekhoyo kwimvumelwano yemali-mboleko engathi ikhokelele kwityala. Apho kukho ityala ingxelo yokungena nokuphuma kwemali ezinkozo iqaphela ingeniso xa ithe yayaneza imiqathango yemvumelwano yemali-mboleko.

1.16 Iintlawulo zangaphambilis

Iintlawulo zangaphambilis neentlawulo zaphambi kwexesha zibonwa kwingxelo yobume bemali xa indlu yowiso-mthetho iqapheli okanye ihlawula imali ezinkozo. Iintlawulo zangaphambilis neentlawulo ezenziwa phambi kwexesha ziyaliganiswa ngaphambilis nasemva kwindleko.

1.17 Iintlawulo ezikhutshelwego

Iintlawulo ezikhutshelwego zibandakanya zonke iintlawulo “ezingelotshintshiselwano” ezenziwe yindlu yowiso-mthetho. Intlawulo iba “yengelotshintshiselwano” xa indlu ingafumani nto ngqo njengembuyiselo yokhutshelo eya kwelinje iqela. Intlawulo ezikhutshelwego ziboniswa njengenkitho.

1.18 Ukuguqulwa kwezimali**zamazwe angaphandle****Intengiselwano ngemali yamanye angaphandle**

Intengiselwano yamazwe angaphandle irekhodwa, kunakano lokuqala ngeeRandi, ngokusebenzia kwisixamali semali yamazwe angaphandle ngomyinge wotshintshiselwano phakthi kwemali esebezayo nemali yamazwe angaphandle ngomhla wentengiselwano.

Kumhla ngamnye wokunkira ingxelo:

- izinto zemali yamanye amazwe ziyaguqulelwa kusetyenziswa umlinganiselo wokuvala wokuphela kwaloo mini;
- izinto ezingeyiyo imali ezilinganiswa ngokwemigaqo yendleko yembali kwimali yelizwe langaphandle ziguqlwa kusetyenziswa umyinge wotshintshiselwano ngomhla wentengiselwano; kwaye
- izinto ezingeyiyo imali ezilinganiswa kwixabiso elilungileyo kwimali yamanye amazwe ziyaguqulelwa kusetyenziswa imilinganiselo yotshintshiselwano ngomhla xa ixabiso elilungileyo limiselwe.

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

liyantlukwano zotshintshiselwano ezivela kwintlawulo yezinto zemali okanye ngokuguqulelwa kwezinto zemali kwimilinganiselo eyahlukeneyo kwezo ebeziqulelwe kuzo kuqatshelo lokuqala kwisithuba okanye kwiingxelo zonyaka zemali zangaphambili ziqaqshelwa kwindlu yowiso-mthetho okanye kwintsilelo kwisithuba ezithe zavela ngaso.

1.19 Amanani athelekisekayo

Ingcaciso yesithuba esingaphambili sothelekiso ithiwe thaca kwiingxelo zemali zonyaka omiyo. Apho kuyimfuneko amanani abandakanywe kwiingxelo zemali zesithuba sangaphambili ahlelwe ngokutsha ukuqinisekisa into yokuba isakhelo ekuthiwe thaca ingcaciso ngaso siyahambelana nesakhelo seengxelo zemali zonyaka omiyo.

1.20 Inkcithomali engagunyaziswanga

Inkcithomali engagunyaziswanga ithetha oku:

- inkcithomali egqithisileyo yohlahlo Iwabiwo-mali oluphunyeziweyo IwePalamente okanye icandelo elingundoqo elikolo hlalho Iwabiwo-mali; kwaye
- nayiphi na inkcithomali evela kuhlahlo Iwabiwo-mali olwamkelweyo IwePalamente okanye icandelo elingundoqo elikolo hlalho Iwabiwo-mali olulungisellelwe injongo olunganxulumananga nohlahlo Iwabiwo-mali olwamkelweyo okanye icandelo elingundoqo, luxhomekeke kwicandelo 72; kunye
- nayiphi na inkcithomali yezimali zamalizo ngenjongo engachazwanga kwisivumelwano nomlizi.

1.20 Inkcithomali engagunyaziswanga (iyaqhuba)

Yonke inkcitho enxulumene nenkcitho engagunyaziswanga iqatshelwa njengenkitho kwingxelo yokusebenza kwemali konyaka ekwenziwe ngawo le nkcitro. Inkcitho ihlelwa ngokuhambelana nohlobo Iwenkcitho, yayo apho ifunyenweyo khona, ichazwa kamva njengengeniso kwingxelo yomsebenzi wezemali.

1.21 Inkcithomali engenasiqhamo neyilahleko

Inkcithomali engenasiqhamo ithetha inkcitho eyenzelwe ilize ebinako ukuthintelwa ukuba ngaba bekuthatyathwe inkathalo efanelekileyo.

Yonke inkcitho enxulumene nenkcitho egqithisileyo nengenanzuso iqatshelwa njengenkitho kwingxelo yomsebenzi wemali konyaka ethe inkcitho yensiwa ngawo. Inkcitho ihlelwa ngokuhambelana nohlobo Iwenkcitho, yaye xa ithe yafunyanwa, kunikwa ingxelo kamva njengengeniso kwingxelo yokusebenza kwemali.

1.22 Inkcithomali engaqhelekanga

UMthetho woLawulo IweziMali zePalamente neziNdlu zoWiso-mthetho Nomb. 10 k a - 2009 uchaza inkcithomali engaqhelekanga njengenkithomali, ngaphandle kwenkcitho engagunyaziswanga, eyenziwe kusaphulwa, okanye leyo ingahambelaniyo, neemfuno zaho nawuphi na umthetho kuquka -

- (a) lo Mthetho; okanye
- (b) nawuphi na umthetho wephondo obonelela ngemigaqo yokuthenga kuloo rhulumente wephodo.

Yonke inkcitho enxulumene nenkcitho engekho mgaqwani iqatshelwa njengenkitho kwingxelo yokusebenza kwemali konyaka ethe inkcitho yensiwa. Inkcitho ihlelwa ngokuhambelana nohlobo Iwenkcitho, yaye apho ithe yabuyselwa kwakhona, kunikwa ingxelo ngayo kamva njengengeniso kwingxelo yokusebenza kwemali.

1.23 Umncono owandileyo

Umncono owandileyo umele umahluko wentsalela phakathi kwesambuku see-asethi konye nesambuku samatyala ecandelo. Nawuphi na umncono neentsilelo ezenziweyo konyaka-mali othile zidityaniswa/zithatyathwa kumncono/kwintsilelo eyandisiweyo. Ulungelelwaniso lonyaka ongaphambili, olunxulumene nengeniso nenkcitho, ludityaniswe/luthatyathwe kumncono owandileyo xa ulungelelwaniso olwenzeke kamva Iwensiwe.

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

A manqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

1.24 limbophelelo

limbophelelo zirekhodwa kwiindleko kumanqaku akwiingxelo zemali xa kukho ulungiselelo lwemvumelwano okanye ulwamkelo ngabalawuli ngendlela apha ethi ibangele ukulindela okufanelekileyo kokokuba indlu yowiso-mthetho iya kwenza uxanduva lwayo ngalo yokwenza inkcitho yexesha elizayo eya kuba nesiphumo sokuphuma kwemali ezinkozo.

1.25 Izibonelo zoncedo

Indlu yowiso-mthetho ikhuphele imali kubantu, imibutho namanye amacandelo karhulumente kumathuba ngamathuba. Xa isenza olu khutshelo, indlu yowiso-mthetho ayenzi oku:

- ayifumani zimpahla okanye zinkonzo ngqo ngembuyekezo, njengoko kunokulindeleka kwintengo okanye intengiselwano;
- ayilindeli kubuyekeza ngexa elizayo; okanye
- ayilindeli mbuyekezo yazimali, njengoko kunokulindeleka kutyalomali.

Olu khutshelo lunakanwa kwinxelo yokusebenza kwemali njengeendleko kwithuba elo ekwayne kwakho umsitho obangele ukuba kwensiwe ukhutshelo.

Uthelekiso lohlahlo Iwabiwo-mali

Ingxelo yokusebenza kwemali ikwimeko yokongezeleleka, ngeli thuba uhlahlo Iwabiwo-mali luyimali ezinkozo. Ngoko ke izixa-mali ezizizo ngokweengxelo zemali zilungelewanisiwe ukulungiselela ukuthelekswa kuhlahlo Iwabiwo-mali kwimeko yemali ezinkozo.

Uhlahlo Iwabiwo-mali oluphunyeziwego lubandakanya ithuba lokusebenza kwemali ukusuka kowoku- 01-Epreli-18 ukuya kowama-31-Matshi 2019.

Iingxelo zonyaka-mali nohlahlo Iwabiwo-mali asizinto zinye ngokocwangciso-zincwadi ngoko ke ulungelewaniso phakathi kwengxelo yokusebenza kwemali nohlahlo Iwabiwo-mali lubandakanyiwe kwiingxelo zonyaka zemali.

1.26 Amaqela anxulumeneyo

Iqela elinxulumeneyo ngumntu okanye iziko elinekhono lokulawula okanye ukulawula ngokuhlangeneyo elinye iqela, okanye libe nempebelelo ebonakalayo kwelinje iqela, okanye ngokuphendulelekileyo, okanye iziko elithi lixhomekeke kulawulo olunye okanye kulawulo oluhlangeneyo.

Abalawuli ngabo bantu banoxanduva lokucwangcisa, ukukhokela nokulawula imisebenzi yendlu yowiso-mthetho, kubandakanya nabo banomsebenzi wolawulo lwendlu yowiso-mthetho ngokuhambelana nomthetho, kwiimeko aphi kufuneka baqhube imisebenzi enjalo.

Amalungu osapho asondeleyo omntu athatyathwa njengaloo malungu osapho anokulindeleka ukuba abe nempebelelo, okanye baphenjelelwe, ngabo balawuli ekusingatheni kwabo imiba ebhekiselele kwindlu yowiso-mthetho.

Ziintengiselwano kuphela namaqela anxulumeneyo ezingenakubekelwa kude okanye lawo angaqhubi lushishino luqhelekileyo eziye zibhengenzwe.

1.27 Imisitho emva komhla wokunika ingxelo

Imisitho emva komhla wokunikwa kwengxelo yiloo misitho, efanelekileyo nengafanelekanga, eye yenzeke phakathi komhla wokunikwa kwengxelo nomhla xa iingxelo zemali zigunyaziswe ukuba mazikhutshwe. Lindidi

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

ezimbini zemisitho enokuchongwa:

- ezo zinokubonelela ngobungqina beemeko ebezikho ngomhla wokunika ingxelo (kuhlengahlengiswa imisitho emva komhla wokunika ingxelo); kunye
- nezo ez iye zibonise imiqathango eye yavela emva komhla wokunikwa kwengxelo (imisitho engayoyalungelewaniso emva komhla wokunikwa kwengxelo).

Indlu yowiso-mthetho iya kulungelelanisa isixa-mali esibonakaliswe kwiingxelo zemali ukubonisa imisitho elungelelanisiwego emva komhla wokunikwa kwengxelo emva kokuba umsitho wenzekile.

Indlu yowiso-mthetho ibhengeza uhlubo lomsitho ize iqikelele ifuthe lemali okanye ingxelo yokokuba uqikeyelo olunjalo alunakuze lwenziwe ngokubhekiselele kuyo yonke imisitho engalungelelaniswanga, apha ukungabhengezwa kunganempembelelo kwizigqibo zoqoqosho zomsebenzisi ezithatyathwe ngokusekwe kwiingxelo zemali.

1. Imigangatho emitsha notoliko**21 Imigangatho notoliko olusebenzayo noluphehlelele kulo nyaka**

Indlu yowiso-mthetho ikhethe ukuphehlelela kwasekuqaleni le migangatho notoliko:

Umyalelo 12: UChongo IweSiseko sokuNika iNgxelo esiFanelekileyo ngaMaqumrhu kaRhulumente

Ngokwembali, amaqrurhu karhulumente alungiselela iingxelo zezimali ngokuhambelana nesenzo sokunika inkcaza esamkelekileyo ngokubanzi, ngaphandle kokuba iBhodi yeMigangatho yokuNika iNkcaza (iBhodi) ipumeze isicelo yesenzo sokunika inkcaza esamkelekileyo ngokubanzi kwela qumrhu. "isenzo sokunika inkcaza esamkelekileyo ngokubanzi" sithatyathwe njengesithatha iiNgxelo zeSenzo sokuNika iNkcaza esaMkelekileyo ngokubanzi (iiNgxelo ze-GAAP), okanye kumaqumrhu athile, IMigaqo yokuNika iNgxelo yeMigangatho yezeMali (IFRSs) e k h u t s h w e yiBhodi yeMigangatho yokuNika iNkcaza yaMazwe nngamazwe. Kuba iiNgxelo ze-GAAP zirhoxisiwe ukususela kowoku-1 Disemba 2012, amaqumrhu oluntu kuza kufuneka ukuba asebenzise esinye isiseko sokunika ingxelo kwixa elizayo.

Injongo yalo Myalelo kukuthobela iindlela emazisetyenziswe ngamaqumrhu oluntu ekuchongeni nasekusebenziseni isiseko sokunika ingxelo.

Umhla wokuqualisa walo myalelo ngowonyaka oqala okanye emva kowoku-1 Epreli 2018.

Indlu yowiso-mthetho iphehlelele umyalelo okokuqala kwiingxelo zonyaka zezimali zika-2019. Ifuthe lalo myalelo aliphatheki.

22 Imigangatho notoliko eksutshiwego, kodwa ingekasebenzi

Indlu yowiso-mthetho ayikayisebenzisi le migangatho neenguqulelo ezilandelayo, eziye zapapashwa yaye zinyanzelekile kumathuba ocwangciso-mali endlu yowiso-mthetho phambi okanye emva kowoku-01 kuTshazimpuzi 2019 okanye kumathuba asemva koko:

GRAP 18: Ukunikwa kweNgxelo yaMacandelo

Amacandelo achongwa ngendlela apha ingcaciso inikwa abalawuli, ngeenjongo zokuvavanya umsebenzi nokwenziwa kwezigqibo ngendlela yowlabiwo lwezbonelelo zexesha elizayo kwimisebenzi eyahlukeneyo eyenziwa yindlu yowiso-mthetho. Ukucazululwa okubalulekileyo kwemisebenzi echaziwego kumaxwebhu ohlahlo lwabiwo-mali kuya kubonisa ngokwesiqhelo amacandelo elithi iziko linike ingcaciso eziingxelo kubalawuli.

Ingcaciso yecandelo ithiwa thaca isekwe kwinkonzo okanye kumacandelo eendawo. Amacandelo enkonzo

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

abhekiselele kwicandelo elinokwahlulwa elithi linikezele ngeziphumo ezithe ngqo okanye lifezekise iinjongo ezithile zokusebenza ezithi zihambelane nomnqophiso ngokubanzi wendlu yowiso-mthetho. Amacandelo endawo abhekiselele kwiziphumo ezithe ngqo ezivelisiwego, okanye kwiinjongo ezithile ezifezekisiwego, liziko kwingingqi ethile.

Lo Mgangatho wamkelwe yiBhodi kodwa umhla wawo womiliselo awukamiselwa nguMphathiswa wezeMali. Umhla womiliselo obonisiwego ngumhla wobambiso yaye unokuguqulwa kuxhonyekewe kwisigqibo soMphathiswa wezeMali.

Umhla womiliselo lomgangatho wenzelwe iminyaka eqala okanye esemva kowoku-01 kuTshazimpuzi 2019.

Indlu yowiso-mthetho lindele ukuphelela umgangatho okokuqala nje ukuba uqalise. Ifuthe lalo mgangatho kungokunje liyavavanywa.

GRAP 20: Amaqela anxulumeneyo

Injongo yalo mgangatho kukuqinisekisa ukuba iingxelo zonyaka zemali zeziko elinikezelia ngengxelo ziqlatthe izibhengezo eziyimfuneko ukutsala ingqalelo kokunokwenzeka ukuba ubume bemali balo nomncono oshiyekileyo okanye intsilero inganako ukuba ibe ichatshazelwe bubukho bamaqela anxulumeneyo nangeentengiselwano nemincono engahlawulwanga kumaqela anjalo.

Indlu yowiso-mthetho iqulunqa ize ithi thaca iingxelo zemali phantsi kwesimo sokongezelelwa kokunikwa kwengxelo (kulo mgangatho kubhekiselelwe kuwo njengeziko elinika ingxelo) iya kusebenzisa lo mgangatho:

- ekhuchongeni ubudlelane beqela elinxulumeneyo neentengiselwano;
- ekhuchongeni iibhlasnis ezityalwayo, kuquka iimbophelelo, phakathi kwequmrhu namaqela alo anxulumeneyo;
- ekhuchongeni iimeko apho izibhengezo zezinto eziku-(a) naku-(b) zifunekayo; kunye
- nasekumiseleni ukuba izibhengezo mazensiwe ngezo zinto.

Lo mgangatho ufuna isibhengezo sobudlelane beqela elinxulumeneyo, iintengiselwano nemincono engahlawulwanga kubandakanywa iimbophelelo, kwiingxelo zemali ezidibeneyo nezahluliwego zeziko elinika ingxelo ngokuhambelana noMgangatho we-GRAP ngeeNgxelo zeMali eziDibeneyo neZahluliwego. Lo mgangatho usetyenziswa kananjalo kwiingxelo zemali zonyaka nganye.

Izibhengezo zeentengiselwano zeqela elinxulumeneyo, imincono engahlawulwanga, kubandakanywa iimbophelelo, nobudlelane namaqela anxulumeneyo kunokuchaphazela iimvavanyo zomsebenzi wobume bemali nomsebenzi wecadelo elinika ingxelo nekhono lalo ekwenzeni iinkonzo ekuvunyelwene ngazo, kubandakanywa iimvavanyo zemingcipheko namathuba ajamelene neziko. Olu bhengezo luqinisekisa ngokunjalo ukuba icandelo elinika ingxelo lisekuhleni ngokumalunga nendlela yokusebenza kwalo namanye amaqela anxulumeneyo nalo.

Lo mgangatho uchaza ukuba iqela elinxulumeneyo ngumntu okanye licandelo elinekhono lokulawula okanye ukulawula ngokuhlangeneyo nelinye iqela, okanye ukusebenzisa impembelelo enkulu kwelinje iqela, okanye ngokuphendulelekileyo, okanye iziko elixhomekeke kulawulo olunye, okanye kulawulo oluhlangeneyo. Njengomlinganiselo omncinane, la alandelayo athatyathwa njengamaqela anxulumeneyo equmrhu elinika ingxelo:

- umntu okanye ilungu losapho elisondeleyo linxulumene nequmrhu elinika ingxelo ukuba loo mntu:
 - unolawulo okanye ulawulo oludibeneyo kwiqumrhu elinika ingxelo;
 - unefuthe elibonakalayo kwiqumrhu elinika ingxelo;
 - lilungu labaphathi bequrhu okanye iqumrhu lalo elilawulayo.
- Iqumrhu linxulumene nequmrhu elinika ingxelo ukuba ezinye zezi meko ziyasebenza:
 - Iqumrhu lilingu leli qumrhu linye lezoqoqosho (nto leyo ithetha ukuba iqumrhu elilawulayo ngalinye, iqumrhi elilawulwayo kunye nequmrhu elifanayo elilawulwayo linxulumene namanye);
 - Iqumrhu elinye lihlakani okanye ilinge elidibeneyo lelinye iqumrhu (okanye ihlakani okanye ilinge elidibeneyo lelungu lequmrhu lezoqoqosho apho elinye iqumrhu liliungu);

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

A manqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

- omabini amaqumrhu ngamalungu adibeneyo eqeleta elinye lesithathu;
- iqumrhu elinye lilinge elidibeneyo leqela lesithathu kwaye elinye iqela lihlakani leqela lesithathu;
- iqumrhu lisisicwangciso senzuko yasemva kwengqeshwa sabaqeshwa mhlawumbi iqumrhu okanye iqumrhu elinxulumene nequmrhu. Ukuba iqumrhu elinika ingxelo ngokwalo linesicwangciso esinjalo, abaqeshwa abalizayo banxulumene nelo qumrhu;
- iqumrhu elilawulwa okanye lilawulwa ngokuhlangeneyo ngumntu ochongwe ku- (a); kwaye
- nomntu ochongwe ku (a)(i) unefuthe elibonakalayo kwela qumrhu okanye lilungu labaphathi bela qumrhu (okanye iqumrhu lalo elilawulayo).

Umgangatho ngaphezulu uchaza into yokuba intengiselwano yeqela elinxulumeneyo kukukhutshelwa kwezibonelelo, iinkonzo okanye izigunyaziso phakathi kwecandelo elinika ingxelo neqela elinxulumenala, nokokuba ixabiso libiziwe.

Umgangatho uchaza ngokubanzi ngeenkcazelo nokuchongwa:

- Kwelungu elisondeleyo losapho lomntu;
- KwaBalawuli;
- Amaqela anxulumeneyo;
- Intlawulo-mivuzo; kunye
- Ifuthe elibonakalayo

Umgangatho ubhala phantsi iimfuno, phakathi kwezinye, ukulungiselela ubhengezo:

- Lolawulo;
- Lwentengiselwano ezinxulumene namaqela; kunye
- Nentlawulo-mivuzo yabaphathi

Kuphela ziintengiselwano ezinamaqela anxulumeneyo apha iintengiselwano zingaqunkunjela ngeenkqubo zokusebenza eziqhelekileyo okanye ngemiqathango engancomekiyo kunemiqathango ebezinokuyisebenzisa ukuqukumbela iintengiselwano nelinye iziko okanye umntu ezithi zibhengezwe.

Umgangatho ufunu ukuba umvuzo wabalawuli mawubhengezwe ngomntu ngamnye kwanangomndilili.

Umhla woqaliso lomgangatho ngoweminyaka eqala okanye emva kowoku-01 Epreli 2019.

Indlu yowiso-mthetho ilindele ukwamkela umgangatho okokuqala nje ukuba usebenze, kodwa sele iqlunqe umgaqo-nkqubo wokunikwa kwengxelo ukulungiselela eli thuba lokunikwa kwengxelo esekelwe kumgangatho.

Akulindelekanga ukuba umgangatho mawuchaphazele ngokubonakalayo iingxelo zemali zonyaka.

GRAP 32: Amalungiselelo eMvume yeNkonzo: Grantor

Umgangatho usebenza kumalungiselelo emvumelwano phakathi komnikeli nomsebenzi apha umsebenzisi esebenzisa i-asethi yenkonzo evunyelweyo ukunikezela ngomsebenzi ogunyazisiweyo egameni lomnikeli kulungiselelwa ixesha elithile elichaziweyo. Umsebenzisi onikezela ngomsebenzi ogunyazisiweyo egameni lomnikeli unako ukuba liqela labucala okanye elinye icandelo likarhulumente. Umgangatho usebenza kumnikeli kuphela. Iimvumelwano zePPP ezithi zilawulwe ngokwemiqathango yePFMA kunye neMFMA, ngamnye amalungiselelo awa phantsi komsebenzi we-GRAP 32.

Nakwawaphi na amanye amalungiselelo athi afezekise iikhrayitheriya zolawulo njengoko abhaliweyo kumhlathi .07 weGRAP 32 imithetho-siseko kumgangatho ekunikweni kwengxelo yaloo malungiselelo anjalo iya kusebenza.

I-asethi enikezelwe ngumsebenzisi, okanye uhlaziyo kwi-asethi eselet ikho, iqatshelwa njenge-asethi evunyelweyo enetyala ehamba nalo, elisisigunyaziso somsebenzi, ukuba ngaba iikhrayitheriya nemiqathago iyahlangatyezwa.

Umhla wokusebenza komgangatho kwiminyaka eqala phambi okanye emva kowoku-01 Epreli 2019.

Indlu yowiso-mthetho ilindele ukwamkelwa komgangatho okokuqala xa uthe waqalisa ukusebenza.

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwiNgxelo yeMali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

Akulindelekanga ukuba umgangatho uya kuba negalelo elibonakalayo kwiingxelo zemali zonyaka zendlu yowiso-mthetho.

GRAP 108: Okufunyenweyo okuseMthethweni

I-GRAP 108 ijongana kuphela nezo zamkelweyo ezivela emthethweni okanye iindlela eziyelelene nazo, ezifana nemimiselo, imithetho kamaspala okanye amanye amaxwebhu akhutshwe ngokwemiqathango yomthetho, efana nemiyalelo yomphathiswa nekhabhinethi okanye izigqibo zebhuga likamasipala.

Ngoko ke ukulungiselela ukuba ibe semthethweni ngendalo umthetho othe ngqo ufunu ukuba iziko liqalise iintengiselwano, ezifana nezo zichaza ukuba ngubani na ekufuneka ethwele uxanduva lwerhafu yaye kuwuphi umlinganiselo nezixa-mali.

Okufunyenweyo okusemthethweni ayikuko okwamkelweyo kwemvumelwano, ezokugqibela zezi bezinokufezezika inkcazel ye-asethi yemali yaye ziya kuba kummandla woMgangatho we-GRAP ongeZixhobo zeMali. Okufunyenweyo okusemthethweni akungenwa nje kuko ngokuzithandela njengezamkelweyo zemvumelwano kuba zivila ngenxa yeemfuno ezithile zomthetho.

Okufunyenweyo okusemthethweni kuyalinganiswa kuqala kwisixa-mali sazo sentengiselwano ze kamva kusetyenziswe kwindlela yeendaleko.

Phantsi kwindlela yeendaleko, umlinganiselo wokuqala wezamkelweyo uyaguqulwa emva kolwamkelo lokuqala ukubonisa nayiphi na:

- inzala okanye eminye imirhumo efunyenwe kokufumanekayo (apho isezenza khona);
- ilahleko zoqhawalelo; kunye
- nezixamali ezitshitshisiweyo.

Umhla wokusebenza komgangatho kwiminyaka eqala phambi okanye emva kowoku-01 Epreli 2019.

Indlu yowiso-mthetho ilindele ukwamkela umgangatho wokuba xa ute waqalisa ukusebenza, kodwa sele uqulunqiwe umgaqo-nkqubo wocwangciso-zincwadi olungiselelweli thuba lokunikezelwa kwengxelo ngokusekelwe kumgangatho.

Ifuthe lalo mgangatho lisavavanywa okwakaloku nje.

IGRAP 17: Amalungiselelo eMvume yeNkonzo apha uMnikeli eLawula iNtsalela ebonakalayo yeNzala kwi-Asethi

Olu toliko lubonelela ngesikhokelelo kumnikeli apha kuthe kwangenwa kulungiselelo lwemvume yenkonzo, kodwa ulawulo kuphela, kusetyenziswe ubunini, ilungelo lokuxhamla okanye elinye, intsalela ebonakalayo yenzala kwimvume yenkonzo ye-asethi ekupheleni kolungiselelo, apha ulungiselelo lungakhokeleli kwingqeshiso.

Ulungiselelo lwemvume yenkonzo lulungiselelo lwemvumelwano phakathi komnikeli nomsebenzisi apha umsebenzisi asebenzisa i-asethi yemvume yenkonzo ukunikezela umsebenzi wesigunyaziso egameni lomnikeli kwisithuba sexesa elixeliwego. Umsebenzisi uyabuyekezwu ngeenkonzo zakhe kwisithuba solungiselelo lwemvume yenkonzo, mhlawumbi ngeentlawulo, okanye ngokufumana ilungelo lokwamkela ingeniso evela kubasebenzisi begela lesithathu be-asethi yemvume yenkonzo, okanye umsebenzisi unikwa ilungelo kwenye i-asethi evelisa ingeniso yomnikeli ukuba ayisebenzise.

Phambi kokuba umnikeli anganako ukwamkela i-asethi yemvume yenkonzo ngokuhambelana noMgangatho weGRAP ongeNkonzo. AmaLungiselelo eMvume: UMnikeli, iikhrayitheriya njengoko ziqtashelweyo kumhlathi .01 wale ngcaciso kufuneka ufezekiswe. Kwamanye amalungiselelo emvume yenkonzo, umnikeli ulawula

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

A manqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

kuphela intsalela yenzala kwi-asethi yemvume yenkonzo ekupheleni kolungiselelo, yaye unako ngoko ukungayamkeli i-asethi yemvume yenkonzo ngokwemiqathango yoMgangatho weGRAP engamaLungiselelo eMvume yeNkonzo: UMnikeli. Inkazelo equkunjelwe kulwamkelo Iwesigunyaziso somsebenzi nelungelo lokufumana inzala ebonakalayo kwi-asethi yemvume yenkonzo.

Umhla wokusebenza kwale ngcaciso awukamiselwa nguMphathiswa wezeMali.

Indlu yowiso-mthetho ilindele ukwamkela utoliko okokuqala nje ukuba luqalise ukusebenza.

Akukhangeleki ukuba utoliko lunganefuthe eliphathekayo kwiingxelo zemali zonyaka zezimali zendlu zowiso-mthetho.

GRAP 109: UkuNika iNkcaza ziiNtloko nee-Arhente

Injongo yalo mgangatho kukuchaza imithetho-siseko ekufuneka isetyenziswe liziko ukuvavanya ukuba ngaba linobudlelane nolungiselelo lomlawuli ne-arthente, yaye ingaba ngumlawuli okanye yi-arthente equalisa iintengiselwano ngokwemiqathango yamalungiselelo anjalo.

Umgangatho awuzisi kuqatshelwa kutsha okanye iimfuno zomlinganiselo ukulungiselelo ingeniso, iindleko, ii-asethi kunye(okanye amatyala akhokelela kumalungiselelo omlawuli ne-arthente. Umgangatho unika noko kunjalo isikhokelo sokuba ingaba ingeniso, iindleko, ii-asethi kunye(okanye amatyala makaqatshelwe yi-arthente okanye ngumlawuli, kwakunye nokumisela ukuba yiyiphi ingcaciso emayibhengeziwe xa iziko ililo elingumlawuli okanye i-arthente.

Umhla wokuqaliswa kwalo mgangatho ngoweminyaka eqala okanye emva kowoku-1 Epreli 2019.

Indlu yowiso-mthetho ilindele ukuphehlelala lo mgangatho okokuqala nje ukuba uqalise ukusebenza. Ifuthe lalo mgangatho uyavavanywa.

GRAP 105: UKhutshelo Iwemisebenzi Phakathi kwaMaqumrhu Phantsi koLawulo oluFanayo

Injongo yalo mgangatho kukusekwa kwemithetho-siseko yocwangciso-zincwadi ukulungiselela umbuzi nomkhupheli kukhutshelo Iwemisebenzi phakathi kwamasebe aphantsi kolawulo olunye.

Imisebenzi ekhutshelweyo phakathi kwamasebe aphantsi kolawulo olunye kukulungiselelwa ngokutsha kunye(okanye ulwabiwo ngokutsha Iwemisebenzi phakathi kwamasebe athi ekugqibeleni alawulwe lisebe elinye phambi nasemva kokhutshelo Iwemisebenzi.

Kwimeko aphi ukhutshelo Iwemisebenzi phakathi kwamasebe aphantsi kolawulo olunye, ii-asethi namatyala kufuneka amkelwe (ngumamkeli) ngesixa-mali esithwelweyo yaye kufuneka singamkelwa (ngumkhupheli) kwizixa-mali zabo ezithwelweyo.

Umahluko phakathi kwsixa-mali esicamngcwayo ukuba sihlawulwe okanye samkelwe, ukuba sikho, nezixa-mali ezithwelweyo zee-asethi namatyala ekufuneka yamkelwe kumncono / (kwintsilelo) eyandisiweyo.

Umhla wokuqaliswa kwalo mgangatho ngoweminyaka eqala okanye emva kowoku-1 Epreli 2019.

Indlu yowiso-mthetho ilindele ukuphehlelala lo mgangatho okokuqala nje ukuba uqalise ukusebenza. Ifuthe lalo mgangatho uyavavanywa.

GRAP 106: UKhutshelo Iwemisebenzi Phakathi kwaMaqumrhu Phantsi koLawulo oluFanayo

ICANDELO E: INgxelo yeMali yoNyaka, yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwINgxelo yemali yoNyaka

2. Imigangatho emitsha notoliko (iyaqhuba)

Injongo yalo mgangatho kukusekwa kwemigaqo yokunika inkcaza ukulungiselela umzuzi nomkhupheli kukhutshelo lwemisebenzi phakathi kwamasebe angekho phantsi kolawulo olunye.

Imisebenzi ekhutshelweyo phakathi kwamasebe angekho phantsi kolawulo olunye kukulungiselela ngokutsha kunye/okanye ulwabiwo ngokutsha lwemisebenzi phakathi kwamasebe athi ekuggibeleni alawulwe lisebe elinye phambi nasemva kokhutshelo lwemisebenzi.

Kwimeko aphi ukhutshelo lwemisebenzi phakathi kwamasebe angekho phantsi kolawulo olunye, ii-asethi namatyala kufuneka amkelwe (ngumamkeli) ngomhla wokwamkelwa komhla wokwamkelwa kwamaxabiso alungileyo.

Umahluko phakathi kwasixa-mali esicamngcwayo ukuba sihlawulwe okanye samkelwe, ukuba sikho, nezixa-mali ezithwelweyo zee-asethi namatyala ekufuneka amkelwe kumncono/ (kwintsilelo) eyandisiwego.

Ukulungiselela ukhutshelo lwemisebenzi phakathi kwamasebe angekho phantsi kolawulo olunye kukho imithetho-siseko ethile yolwamkelo nemilinganiselo nezinxaxhi kulwamkelo nomlinganiselo.

Umhla wokuqaliswa kwalo mgangatho ngoweminyaka eqala okanye emva kowoku-1 Epreli 2019.

INgxelo yoNyaka kunyakamali ka 2018/19IVoti

2:IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

ICANDELO E: INgxelo yoNyaka yeMali yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwiNgxelo zoNyaka zeziMali

Indlu yiwo-mthetho ilindele
ukuphehlelela okokuqala
umgangatho nje ukuba uqalise
ukusebenza. Ifuthe lalo
mgangatho uyavavanywa.

GRAP 107: UManyano IwaMasebe

Injongo yalo mgangatho
kukuseka imigaqo yokunika
inkaza kwiqumrhu elidibeneyo
kunye nokudibanisa iqumrhu
kumanayno.

Umanyano kulapho iqumrhu
elidibeneyo liqaliswa,
umfumani unako ukuchongwa
yaye amasebe ahlanganisiweyo
akanalo naluphi na ulawulo
kwiqumrhu elihlanganisiweyo.

Kwimeko yodityaniso
Iwamasebe, ii-asethi
namatyala kufuneka amkelwe
(lisebe elihlanganisiweyo)
kwizixa-mali zalo ezithwelweyo
yaye kufuneka zingamkelwa
(ngamasebe ahlanganisiweyo)
kwizixa-mali zawo
ezithwelweyo.

Umahluko phakathi kwezixa-mali
ezithwelweyo zee-asethi
namatyala kufuneka wamkelwe
kumncono oyintsalela/
(kwintsilelo) eyandisiweyo.
Umhla wokuqaliswa kwalo
mgangatho ngoweminyaka
eqala okanye emva kowoku-1
Epreli 2019.

Indlu yiwo-mthetho ilindele
ukuphehlelela okokuqala
umgangatho nje ukuba uqalise
ukusebenza.

Akukhangeleki ukuba lo
mgangatho unganefuthe
eliphathekayo kwiingxelo zemali
zonyaka zezimali zendlu zowiso-
mthetho.

INgxelo yoNyaka kunyakamali ka 2018/19IVoti

2:IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

ICANDELO E: INgxelo yoNyaka yeMali yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwiINgxelo zoNyaka zeziMali	2019	2018
3. Imali kanye nemilinganiselo		Kuchaziwe kwakhona*

Imali ezinkozo nokufana nayo kwensiwa koku:

Imaliz ezinkozo ekhoyo	6,005	5,500
Ibhanka yangoku	17,316,297	11,388,761
I-akhawunti yebhanka yeNkxaso yeCandelo loWiso-mthetho(LSS)	2,091,424	1,973,442
	19,413,726	13,367,703

Okufana nemali ezinkozo Ckubekwa kumaziko ezemali ongangatho ophezulu wamatyala. Ukuvela kumngcipheko wamatyala sisixamali esithwelweyo kudidi ngalunye lwemali ezinkozo nokufana nayo.

Indlu yowiso-mthetho yephondo ibe nee-akhawunti zebhanki ezilandelayo
INdlu yowiso-mithetho ineziakhawunti zilandelayo

Inombolo yeAkhawunti /inkcazel0	INgxelo yemincono esebehankini			Balances		
	31 March 2019	31 March 2018	31 March 2017	31 March 2019	31 March 2018	31 March 2017
Nedbank - Current 1452045283	17,568,733	15,688,398	12,549,343	17,316,297	11,388,761	11,743,196
LSS Account Nedbank - Current 1452069212	2,091,424	1,973,442	1,857,513	2,091,424	1,973,442	1,857,513
Total	19,660,157	17,661,840	14,406,856	19,407,721	13,362,103	13,600,709

INgxelo yoNyaka kunya kamali ka 2018/19 | Voti

2:IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

ICANDELO E: INgxelo yoNyaka yeMali yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwiingxelo zoNyaka zeziMali

2019 2018
Kuchaziwe
kwakhona*

4. Izintlu zeempahla

Isitolo sequmrhu	1,055,348	972,619
	14,564	15,400
	1,069,912	988,019

Izintlu zeempahla zithatyathwa njengenkitho enyakeni 524,457 378,826

Uluhlu Iweempahla olunikelwe njengokhuselo

Akukho luhlu lweempahla lunikelwe njengokhuselo.

5. Okufuneyweyo kweetengiselwano ekungatshintshiselwanangazos

Inkcithomali yochacho 66,400 62,400

Okufunyenweyo kwentengiselwano ekungatshintshiselwana ngako

Akukho kufunyenweyo kwintengiselwano

Umgangatho wetyala wokufumaneka kwiintengiselwano ekungatshintshiselwana ngazo

Umgangatho wetyala lomgangatho

wokufumanekayo kwiintengiselwano

ekungatshintshiselwana ngazo

zidlulanga kwaye zingaqhwaleli.

Okufumanakayo kwiintengise

ekungatshintsh

eziqhawalelayo
Ukususela ngowama-31 Matshi 2019,
okufumaneka kwiintengiselwano
zotshintshiselwano ezingaqhwaleliyo (2018: R)

Nil).

6.3.1.3. Summary of the results

6. okufumaneka

Inkcithomali yochacho	89,790	96,774
Itvala lesitafu	12,191	12,165

Abanye abatyalwayo	42,285	21,974
Ubonelelo loqhwalelo	(4,800)	(4,800)
INgxelo yoNyaka konyakamali ka 2018/19IVoti 2:IPalamente 139,466 leNtsho 126,113loni		
Isixamali sokufumanekayo ko10ANDILOVeo INgxelo yoNyaka yeMali yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019		
Inkcithomali yochacho	89,790	96,774
Amanqaku kwiNgxelo zoNyaka zeziMali	12,191	12,165
Ityala esitafu	42,285	21,974
Abanye abatyalwayo	144,266	130,913
 Uqhawelo lokufumanekayo kotshintshiselwano		
Inkcithomali yochacho	-	-
Amatyala esitafu	-	-
Abanye abatyalwayo	(4,800)	(4,800)
	(4,800)	(4,800)
 iNethi yesixamali yokufumanekayo kotshintshiselwano		
Inkcithomali yochacho	89,790	96,774
Amatyala esitafu	12,191	12,165
Abanye abatyalwayo	37,485	17,174
	139,466	126,113
 Inkcithomali yochacho		
Okungesiso isibonelelo kweentlobongentlobon	89,790	96,774
 Amatyala esitafu		
Intlawulo engaphaye yesitafu	720	-
Amatyala esitafu	11,471	12,165
	12,191	12,165
 Abanye abatyalwayo		
Ababesakuba ngamalungu	16,998	16,998
Ityala lomnxeba lamaqeal ezopolitiko	8,351	-
Intlawulo eqqithisileyo yomboneleli	11,960	-
i-akhauntu yomnxeba yomboneleli	176	176
	37,485	17,174

Okufumanekayo kwiintengiselwano zotshintshiselwano okunikezelwe njegokhuselo
Akukho kufumanekayo kwiintengiselwano zotshintshiselwano kunikelwe njengokhuselo.

Umgangatho wetyala lokufumanekayo kwiintengiselwano zotshintshiselwano

Umgangatho wetyala lokufumanekayo kwiintengiselwano zotshintshiselwano awuokho kwaye ungaqhawaleli.

*See note 38

Amanqaku kwiNgxelo zoNyaka zeziMali

2019

2018
Kuchaziwe
kwakhona*

6. Okufumanekayo kwiintengiselwano zotshintshiselwano (kuyaqhuba)

Okufumanekayo kwiintengiselwano zotshintshiselwano okuqhawalelayo

Ukusela ngowama-31 Matshi 2019, okufumanekayo kwiintengiselwano zotshintshiselwano, abanye abatyalalwayo, kwama-R 42,285 (2018: R 21,974) kuqhawalele kwaza kwabonelelwa.

Isixamali sobonelelo lube ngama-R 4,800 ukususela ngowama-31 Matshi 2019 (2018: R 4,800).

Ulungelewaniso Iwesibonelelo soqhawalelo

Ibhalansi	(4,800)	(4,800)
yokuvula	-	-
ubonelelo	-	-
loqhawalelo	-	-
Izixamali ezicinyiwe njengezingaqokelekiyo		
	(4,800)	(4,800)

7. iintlawulo zangaphambili

Imali ezinikwe isitafu ngaphambi kwexesha	111,970	198,495
Parmed	168,979	171,521
Ezinye iintlawulo	275,896	457,188
	556,845	827,194

Iintlawulo ezinikwe isitafu ngaphambili zinxulumene noqhutyo lweebhonasi neentlawulo zehambo nesibonelelo. Intlawulo yangaphambili kaParmed yeyenkitho enxulumene nenyanga emva kokuphela konyakamali.

8. Okufumanekayo kwexesha elide kwiintengiselwano ezingezizo ezotshintshiselwano

Inkcithomali yochacho	13,141	15,341
-----------------------	---------------	---------------

Okufumanekayo kweentengiselwano ezingezizo ezotshintshiselwano kunxulumene nokufumanekayo okufanayo phantsi kwenqaku 5 kwaye kwensiwa lityala elinuxulumene neengozi ezifunyenwego ezifuna zibuyekezwe kwabo bantu babandakanyekayo. Isambuku sexesha elide simiselwa ngokusekezelwe kumalungiselelo entlawulo akhoyo phakathi kwsitafu okanye ilungu lendlu yowiso-mthetho.

Okufumanekayo kwiintengiselwano zotshintshiselwano okunikelwe njengokhuselo:

Aukho kufumanekayo kwiintengiselwano zotshintshiselwano zinikezelwe njengokhuselo.

Umgangatho wetyala lokufumanekayo kwiintengiselwano zotshintshiselwano:

Umgangatho wetyala lokufumanekayo kwiintengiselwano ezingezizo ezotshintshiselwano azidlulanga kwaye zingaqhwaleli.

Okufumanekayo kwiintengiselwano ezingezizo ezotshintshiselwano eziqhwaletayo:

INgxelo yoNyaka kunyakamali ka 2018/19IVoti

2:IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

ICANDELO E: INgxelo yoNyaka yeMali yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

A manqaku kwiINgxelo zoNyaka zeziMali

Ukususela kowama-31 Matshi 2019, okufumanekayo kwiintengiselwano ezingezizo ezotshintshiselwano akuqhwaletanga (2018: R Nil).

*Jonga inqaku 38

INgxelo yoNyaka kunyakamali ka 2018/19IVoti

2:IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

ICANDELO E: INgxelo yoNyaka yeMali yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwiNgxelo zoNyaka zeziMali

2019

2018
Kuchaziwe
kwakhona*

**9. Okufumanekayo kwexesha elide
kwiintengiselwano zotshintshiselwano**

Abanye abatyalwayo	4,880	4,880
Ubonelelo loqhalelo	(4,880)	(4,880)
	<hr/>	<hr/>
	-	-
Isambuku sesixamali sokufumanekayo kotshintshiselwano		
Abanye abatyalwayo	4,880	4,880
	<hr/>	<hr/>
Uqhalelo lokufumanekayo kotshintshiselwano		
Abanye abatyalwayo	(4,880)	(4,880)
	<hr/>	<hr/>
iNethi yesixamali sokufumanekayo kotshintshiselwano		
Abanye abatyalwayo	-	-
	<hr/>	<hr/>
Abanye abatyalwayo		
Ababesakuba ngamalungu	-	-
	<hr/>	<hr/>

Okufumanekayo kwiintengiselwano zotshintshiselwano okunikezelwe njengokhuselo:

Aukho kufumanekayo kwentengiselwano zotshintshiselwano kunikezelwe njengokhuselo.

Umgangatho wetyala wokufumanekayo kwiintengiselwano zotshintshiselwano:

Umgangatho wetyala lokunye okufumanekayo kwiintengiselwano zotshintshiselwano aakudlulanga kwaye kungaqhaleli.

Okufumanekayo kwiintengiselwano zotshintshiselwano eziqhalelayo:

Ukususela ngowama-31 Matshi 2019, okufumanekayo kwiintengiselwano zotshintshiselwano kwama-R 4,880 (2018: R 4,880) kuqhalele kwaye kwabonelewa.

Isixamali sobonelelo sibe ngama-R 4,880 ukususela ngowama-31 Matshi 2019 (2018: R 4,880).

Ulungelelaniso loqhalelo kokufumanekayo kotshintshiselwano		
Ibhalansi yokuvula	(4,880)	(5,794)
Ubonelelo loqhalelo	-	-
Ubyiselo mva ngenxa yezixamali eziqokelelweyo	-	914
Amatyla amabi acinyiweyo	-	-
	<hr/>	<hr/>
	(4,880)	(4,880)

Okufumanekayo kwexesha elide kwiintengiselwano zotshintshiselwano kunxulumene noku kufanayo kokufumanekayo phantsi kwenkaku 6 kwaye kwensiwa ngamatyala esitafu namatyala ababesakuba ngamalungu. Isambuku sexesha elide simiselwa kumalungiselelo entlawulo abekwe phakathi kwesitafu okanye ilungu lendlu yowiso-mthetho.

*Jonga inqaku 38

INgxelo yoNyaka kunyakamali ka 2018/19IVoti

2:IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

ICANDELO E: INgxelo yoNyaka yeMali yonyaka ophele ngowa 31 Matshi 2019

Amanqaku kwiNgxelo zoNyaka zeziMali

AManqaku kwiiNgxelo zoNyaka
zeziMali

INgxelo yoNyaka yoNyakamali 2018/19
I Voti 2: IPalamente yePhondo
leNtshona Koloni

ICANDELO E: INgxelo yoNyaka yeMali yonyaka ophele ngowa 31
Matshi 2019

Amanani ngeeRandi

10. Ipropathi, iqumrhu nezixhobo

	2019			2018		
	Indleko / Kuqikelelo	Ukwanda kwelahleko kunye Noncitshiso	Ixabiso elithwelwey	Indleko / kuqikelelo	Ukwanda kwelahleko Kunye	Ixabiso elithelwe
Ifanishala nezixhobo ze-ofisi	4,824,488	(2,628,673)	2,195,815	4,238,862	(2,275,847)	1,963,015
Abanye oomatshini nezixhobo	8,158,455	(3,523,767)	4,634,688	7,620,166	(2,757,173)	4,862,993
Izixhobo zekhompyutha	9,178,014	(5,064,289)	4,113,725	8,682,669	(4,183,589)	4,499,080
ii-asethi zengqesho yezimali – izithuthi	2,186,961	(709,278)	1,477,683	2,186,961	(560,092)	1,626,869
ii-asethi zengqesho yezimali - iiselifowuni	25,862	(17,031)	8,831	15,399	(10,782)	4,617
iTotali	24,373,780	(11,943,038)	12,430,742	22,744,057	(9,787,483)	12,956,574

Ulungelaniso lweprapathi, iqumrhu nezixhobo – 2019

Umncono wokuvula	Izongezelep	Ezichithiwey	Ezicinyiwego	Ezithunyelwe	Ukwehla	Ilahleko	Zizonke
Ifanishala nezixhobo ze-ofisi	1,963,015	588,414	(630)	-	-	(354,984)	-
Abanye oomatshini nezixhobo	4,862,993	551,681	(2,304)	-	-	(777,682)	-
Izixhobo zekhompyutha	4,499,080	1,102,028	(52,488)	-	-	(1,428,917)	(5,978)
ii-asethi zengqesho yezimali – izithuthi	1,626,869	-	-	-	-	(149,186)	-
ii-asethi zengqesho yezimali - iiselifowuni	4,617	10,463	-	-	-	(3,924)	(2,325)
	12,956,574	2,252,586	(55,422)	-	-	(2,714,693)	(8,303)
							12,430,742

**AManqaku kwiiNgxelo zoNyaka zeziMali
Amanani ngeRandi**

10. Ipropathi, iqumrhu nezixhobo (ziyaqhoba)

Ulungelaniso lwepropathi, iqumrhu nezixhobo – 2018

	Umncon o wokuvul a	Izongezo	Ezichithiweyo Azicinyiweyo iiAsethi	Ezithunyelweyo kwexabiso	Ukwehla llahleko encitshisiweyo	Zizonke
Ifanishala nezixhobo ze-ofisi	2,441,227	154,843	(3,955)	(81,798)	(226,862)	(320,440)
Abanye oomatshini nezixhobo	4,146,448	1,374,231	(529)	(69,132)	(35,289)	(552,736)
Izixhobo zekhompyutha ii-asethi zengqesho yezimali – izithuthi	4,778,806 1,838,047	898,495 -	(21,789) -	(53,435) -	13,851 -	(1,116,848) (211,178)
ii-asethi zengqesho yezimali - iiselifowuni		10,785	-	-	-	(6,168)
						4,617
	13,215,313	2,427,569	(26,273)	(204,365)	(248,300)	(2,207,370)
						- 12,956,574

Okunkzelwe njengokhuselo

Akukho propathi, qumrhu nezixhobo ezinikezelwe njengokhuselo.

ii-asethi ezixhomekeke kwinqgesho yezemali

ii-asethi zengqesho yezimali – izithuthi	1,477,683	1,626,869
ii-asethi zengqesho yezimali - iiselifowuni	8,831	4,617
	1,486,514	1,631,486

Irkcithomali ezuzwe kulungiso nolondolozo lwepropathi, iqumrhu nezixhobo

**Irkcithomali ezuzwe kulungiso nolondolozo lwepropathi,
iqumrhu nezixhobo ekuwe kwiNgxelo yoMsebenzi wezeMali
iinkcitho ngokubanzi**

**INgxelo yoNyaka yoNyakamali 2018/19
I Voti 2: IPalamente yePhondo
leNtshona Koloni**

**ICANDELO E: INgxelo yoNyaka yeMali yonyaka ophele ngowa 31
Matshi 2019**

Ulungiso nolondolozo Iwepropathi, iqumrhu nezixhobo olufunyenwe ngolu hlobo kwizintlu, izixhobo zeKhompyutha R 30,023 (2018: R 30,470), Ifanishala nezixhobo ze-ofisi R 0 (2018: R 5,010) nabanye oomatshini nezixhobo R 5,101(2018: R 115,101).

